



**URhulumente
weNtshona Koloni**

EzeMfundo

**IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka
2016/2017 - 2018/2019**

INGcaciso:

1. UkuKhangela nokuTolika le Ncwadana

IsiCwangciso seNkqubo yoNyaka seSebe iWCED (*iWCED Annual Performance Plan - iAPP*) kufuneka sifundwe kunye nesiCwangciso sokuSebenza semiNyaka emiHlanu seSebe iWCED (2015 – 2019). Esi sicwangciso sinezinto ezithile ezihlaziyiweyo, eziqhotyoshelwe kwisiHlomele H.

Le ncwadana yeAPP yenziwe ngokwethemphoyithi emiselweyo. Yona iye yalungiswa yaba yithemphoyithi yecandelo lezemfundo.

Inkxaso-mali yemfundo yahlulwe yaba ziiprogram ezisi-7. Iprogram nganye icaciswa ziiprogram ezisekelayo zesizwe. Zona ke zidweliswe ekuqaleni kwenkqubo nganye.

KwiProgram 2 no-4 iSebe iWCED aliyilandeli kakuhle ibhajethi yesebe kuba ezemidlalo ezikolweni zingena phantsi kweSebe lemiCimbi yeNkubeko nezemiDlalo.

Itheyibhile zebhajethi ezilungiswe sisizwe (iiBT) zibekwe amanani ngokwaloo nkqubo zingena phantsi kwayo. I-BT nganye inoluhlu lwezalathi-nkqubela zezemali. Kukho izalathi-nkqubela zesizwe ezibizwa ngokuba zii"Ndlela zokuQwalasela iNtsebenzo yeProgram" (*"Programme Performance Measures"* - iiPPM) kunye nezalathi-nkqubela ezibizwa ngokuba zi"zaLathi zeNtsebenzo yeProgram" (*"Programme Performance Indicators"* - iiPPI).

Qaphela ukuba amanani ka-2015/16 akwezi theyibhile ziiNgqikelelo eziHlaziyiweyo.

Ngaphandle kokuba kuxelwe enye indawo, la manani asuka koovimba bedatha beSebe iWCED, okt. iPERSAL, iSavey yeZikolo yoNyaka, iirekhodi zoMlawuli weProgram.

2. Iinguqulo-ntetho:

Le ncwadana iza kufumaneka ngeAfrikaans nesiXhosa kwiwebhusayithi yeSebe iWCED, <http://wced.school.za> zingedlulanga iintsuku ezingama-30 emva kokukhutshwa kwalo.

*I*Nombolo yePR: PR71/2016
*I*Nombolo yeISBN: 978-0-621-44381-3
*U*kuba ufuna ezinye iikopi zale ncwadana, qhagamshelana
*n*eNtloko: EzeMfundo,
*i*Bhokisi yaBucala X9114,
*e*Kapa, 8000.
*U*mnxeba: 021 467 2531
*I*Feksi: 021 461 3694
I-imeyile:
media1.media1@westerncape.gov.za

UkuKhutshwa ngokuseSikweni

Esi siCwangciso seNkqubo yoNyaka

- senzelve ukulawula iSebe leMfundo leNtshona Koloni phantsi kweliso loMphathiswa weMfundo weNtshona Koloni;
- silungiswe ngokuhambelana nesiCwangciso sokuSebenza sangoku seSebe leMfundo leNtshona Koloni; yaye
- sibonisa ngokuchanekileyo iithagethi zokusebenza elingathanda ukuzifezekisa iSebe leMfundo leNtshona Koloni ngokwezixhobo eziye zalungiselelwa kwibhajethi ka-2016/17.



Mnu. Leon Ely
IGosa eliyiNtloko lezeMali




uNks Anne Schlebusch
IGosa eliyiNtloko elijongene nokuCwangcisa



uNks Penny Vinjevold
IGosa loCwangciso-mali

Savunywa:



nguNks D Schäfer
UGunyaziwe oLawulayo

Isiqulatho

ICandelo A: IiNkcukacha Gabalala

1.	Umbono	1
2.	Eyona njongo iphambili	1
3.	IiNjongo eziPhambili neziJolise kwiziPhumo zokuFunda	1
4.	Iimfundiso ezisisiseko	2
5.	IMbulambethe eyenziwa nguMphathiswa	3
6.	Intshayelelo eyenziwa liGosa loCwangciso-mali	6

ICandelo B: IsiCwangciso sobuChule (Strategic Overview)

1.	UmGaqo-sikhokelo wokuSebenza weThuba eliPhakathi	7
2.	UkuFunda eZikolweni ukuya ku-2030 kunye neeNjongo ezingama-27	7
3.	NgokwasePhondweni	10
4.	Uhlalutyo lweMeko oluHlaziyiweyo	14
4.1	IMeko eNgqonge uKwenziwa kweeNkonzo	14
4.2	Imeko yomsebenzi (organisational environment)	23
4.3	UkuHlaziywa kwemithetho neZinye iziGunyaziso	28
5.	Amaphulo ongenelelo neenkqubo ezicwangcisiweyo	32
6.	Isishwankathelo seBhajethi neeNgqikelelo zeMTEF zika-2016/17	35
6.1	IiTheyibhile zeeNgqikelelo zeNkcitho kunye neBhajethi yeSebe	35

ICandelo C: Izicwangciso zeeprogram neprogram ezisekelayo

1.	IProgram 1: Ezolawulo	37
1.1	IiNjongo eziPhambili kunye neeThagethi zoNyaka zika-2016/17 kunye nemiNgcipheko	
1.2	IiNjongo eziPhambili neeThagethi zeKota	
1.3	IiThagethi zoNyaka zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram	
1.4	IiThagethi zeKota zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram	
1.5	UkuDityansiwa kweeThagethi zeNdlela ekuqhutywa ngayo kunye neBhajethi kwakunye neMTEF	
1.6	Ukutshintsha-tshintsha kweeMeko zeNdlela ekuqhutywa ngayo kunye neNkcitho	

2.	IProgram 2: IMfundo yeZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	48
2.1	liNjongo eziPhambili kunye neeThagethi zoNyaka zika-2016/17 kunye nemiNgcipheko	
2.2	liNjongo eziPhambili neeThagethi zeKota	
2.3	liThagethi zoNyaka zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram	
2.4	liThagethi zeKota zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram	
2.5	UkuDityansiwa kweeThagethi zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neBhajethi kwakunye neMTEF	
2.6	Ukutshintsha-tshintsha kweeMeko zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neNkcitho	

ICandelo C: Izicwangciso zeeprogram neprogram ezisekelayo (zisaqhutywa)

3.	IProgram 3: liNkxaso-mali zeZikolo eziZimeleyo	62
3.1	liNjongo eziPhambili kunye neeThagethi zoNyaka zika-2016/17 kunye nemiNgcipheko	
3.2	liNjongo eziPhambili neeThagethi zeKota	
3.3	liThagethi zoNyaka zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram	
3.4	liThagethi zeKota zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram	
3.5	UkuDityansiwa kweeThagethi zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neBhajethi kwakunye neMTEF	
3.6	Ukutshintsha-tshintsha kweeMeko zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neNkcitho	
4.	IProgram 4: IMfundo yeZikolo zikaRhulumente zeMfundo eneeMfuno eziZodwa	66
4.1	liNjongo eziPhambili kunye neeThagethi zoNyaka zika-2016/17 kunye nemiNgcipheko	
4.2	liNjongo eziPhambili neeThagethi zeKota	
4.3	liThagethi zoNyaka zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram	
4.4	liThagethi zeKota zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram	
4.5	UkuDityansiwa kweeThagethi zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neBhajethi kwakunye neMTEF	
4.6	Ukutshintsha-tshintsha kweeMeko zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neNkcitho	
5.	IProgram 5: UPuhliso lweMfundo yabasaQalayo	73
5.1	liNjongo eziPhambili kunye neeThagethi zoNyaka zika-2016/17 kunye nemiNgcipheko	
5.2	liNjongo eziPhambili neeThagethi zeKota	
5.3	liThagethi zoNyaka zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram	
5.4	liThagethi zeKota zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram	
5.5	UkuDityansiwa kweeThagethi zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neBhajethi kwakunye neMTEF	
5.6	Ukutshintsha-tshintsha kweeMeko zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neNkcitho	

6.	IProgram 6: Uphuculo lweziseko zophuhliso (izakhiwo)	77
6.1	liNjongo eziPhambili kunye neeThagethi zoNyaka zika-2016/17 kunye nemiNgcipheko	
6.2	liNjongo eziPhambili neeThagethi zeKota	
6.3	liThagethi zoNyaka zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram	
6.4	liThagethi zeKota zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram	
6.5	UkuDityansiwa kweeThagethi zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neBhajethi kwakunye neMTEF	
6.6	Ukutshintsha-tshintsha kweeMeko zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neNkcitho	
7.	IProgram 7: Iimviwo kunye neeNkonzo eziNxulumene neMfundo	82
7.1	liNjongo eziPhambili kunye neeThagethi zoNyaka zika-2016/17 kunye nemiNgcipheko	
7.2	liNjongo eziPhambili neeThagethi zeKota	
7.3	liThagethi zoNyaka zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram	
7.4	liThagethi zeKota zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram	
7.5	UkuDityansiwa kweeThagethi zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neBhajethi kwakunye neMTEF	
7.6	Ukutshintsha-tshintsha kweeMeko zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neNkcitho	

ICandelo D: UkuNxulumana neZinye iziCwangciso

8.	Unxulumane neziSeko zoPhuhliso zeXesha elide kunye neZinye iziCwangciso zoKwakha	87
9.	IiGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile	101
10.	Amaqumrhu karhulumente	110
11.	Ubambiswano phakathi kwamacandelo karhulumente nawabucala	110

IziHlomelo

1.	IsiHlomelo A: IziCwangciso zokuSebenza ukuya kutsho ku-2019	111
2.	IsiHlomelo B: IiTheyibhile zeeNkcukacha-manani	114
3.	IsiHlomelo C: Izalathi-nkqubela zeeNjongo eziNgqalileyo zeeThagethi zoNyaka	116
4.	IsiHlomelo D: IiNdlela zokuQwalasela iNtsebenzo yeProgram (zeSizwe) – Izalathi-nkqubela zemiBa eThile	125
5.	IsiHlomelo E: Izalathi zeNtsebenzo yeProgram (zePhondo) – Izalathi-nkqubela zemiBa eThile	149
6.	IsiHlomelo F: Izifinyezo	154
7.	IsiHlomelo G: Ubume bezithuba zomsebenzi	155
8.	IsiHlomelo H: Ulungiso olwenziwe kwisiCwangciso sokuSebenza	156

ICandelo A: IiNkcukacha Gabalala

1. Umbono

Ukudala amathuba amahle omntu wonke ngokuphucula iziphumo zokufunda.

Oku kunokubonakaliswa kukufikelela kwezi njongo zintathu zongameleyo:

1. Ukuphucula umgangatho kulwimi nemathematika kuzo zonke izikolo
2. Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwabo kwiSatifiketi seMatrikhi sikaZwelonke
3. Ukunyusa umgangatho wokunikwa kwemfundo kwiindawo ezihlupheke kakhulu

2. Eyona njongo iphambili

Ukunika imfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi abakweli phondo ngezi ndlela zilandelayo:

- Ukucwangciselwa okupheleleyo, kunye nokulawulwa kwemfundo (education system)
- Imfundo kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente
- Inkxaso yezikolo ezizimeleyo
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneefundo ezizodwa
- UPuhliso lwabaNtwana abasasiQalayo iSikolo (ECD) kwiBanga R
- Amathuba okuqeqeshwa kootitshala
- Inkqubo yokutyisa ethagethiweyo kunye nezinye iindlela zokulwa nentlupheko nezokhuseleko
- Ukuxhaswa kweetitshala ngokunikwa imiqathango esisiseko yenkonzo, amaqithi-qithi kunye nenkqubo yentlalo-ntle yabasebenzi

3. IiNjongo eziPhambili neziJolise kwiziPhumo zokuFunda

INjongo ePhambili neJoliswe kwiziPhumo zokuFunda 1	Ukuphucula umgangatho kulwimi nemathematika kuzo zonke izikolo
Ingcaciso yeNjongo	Indlela abaqhube ngayo abafundi kuLwimi neMathematika iza kuphucuka ukwenzela ukuba kuthi kubetha u-2019: <ul style="list-style-type: none">- Abafundi beBanga lesi-3 babe befezekisa izinga lempumelelo lika-50% kuLwimi kunye no-63% kwiMathematika kwiimviwo ezisetwa zikorekishwe ngaphandle- Abafundi beBanga lesi-6 babe befezekisa izinga lempumelelo lika-48% kuLwimi kunye no-48% kwiMathematika kwiimviwo ezisetwa zikorekishwe ngaphandle- Abafundi beBanga le-9 babe befezekisa izinga lempumelelo lika-55% kuLwimi kunye no-24% kwiMathematika kwiimviwo ezisetwa zikorekishwe ngaphandle

INjongo ePhambili neJoliswe kwiziPhumo zokuFunda 2	Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwabo kwiSatifiketi seMatrikhi sikaZwelonke
Ingcaciso yeNjongo	<p>Indlela abaqhuba ngayo abafundi kwizifundo zeSatifiketi sematrikhi sikazwelonke (iNSC) iza kuphucuka ukuze:</p> <ul style="list-style-type: none"> - Inani labafundi abapasa iNSC ngo-2019 liya kube lingama-42 400. - Izinga lempumelelo lango-2019 liya kuba ngu-88%. - Inani labafundi abapasela ukwenza isidanga ngo-2019 liya kube lingama-21 200. - Inani labafundi abapasa iMathematika ngo-2019 liya kube lingama-11 900 - Inani labafundi abapasa iPhysical Sciences ngo-2019 liya kube lingama-9 700.
INjongo ePhambili neJoliswe kwiziPhumo zokuFunda 3	Ukunyusa umgangatho wokunikwa kwemfundo kwiindawo ezihlupheke kakhulu
Ingcaciso yeNjongo	<p>ISebe iWCED liza kutyala imali ekuxhaseni izikolo ezidinga inkxaso ukwenzela ukuba:</p> <ul style="list-style-type: none"> - Kukho ukwehla kwini lezikolo ezinezinga lempumelelo engaphantsi kuka-70% kwiBanga le-12 liye ku-0 xa kuphela unyaka ka-2019. - Kukho ukwehla kokuqhuba kakubi kwabafundi kwamanye amabanga njengoko kunokulinganiselwa ngokuHlola koNyaka kukaZwelonke (iAnnual National Assessment) kwibanga loku-1 – 6 nele-9 neemvavanyo zeSebe iWCED zebanga lesi-3, 6 nele-9 (jonga iNjongo yoku-1 kunye neProgram 7 apho uya kufumana khona iithagethi). - Kukho ukwehla kwenani lezikolo zaseprayimari ezineziphumo ezibi kwiimvavanyo zenkqubo kunye nezinga lokuphumelela elipheleleyo lawo onke amabanga elingaphantsi kuka-85% ukuya ku-30 ekupheleni kuka-2019. - Izinga lokugcinwa kwabafundi (baBanga le-12) besesikolweni liya kunyuka liye ku-68% xa kuphela u-2019. <p>Inani lezihlupheko zotyebile lwenkxaso liya kwahlulwa ukuze lihambelane nenkxaso edingekayo.</p> <p>Iziseko zophuhliso, inkxaso yezentlalo kunye nokunikwa kwenkxaso-mali ziya kukekelela ngasekugxileni kubafundi nezikolo eziyidinga kakhulu inkxaso.</p>

4. Iimfundiso ezisisiseko

- Ukubaluleka kakhulu komfundi
- Iimfundiso ezisisiseko zoMgaqo-siseko waseMzantsi Afrika noMqulu wamaLungelo oLuntu
- Ukwenza umsebenzi ogqwesileyo ngokuthi kubonelelwe yaye kunikwe inkxaso abasebenzi abangootitshala, abaxhotyiswe ngokwenene, abanenkqubela abaqeqeshiweyo nabazinikeleyo emsebenzini wabo
- Ukukwazi ukuphendula kwabo baphetheyo ngoxanduva lwabo nokwenzela izinto elubala
- Intembeko nokugqwesa kwimisebenzi yolawulo nakuleyo enika inkxaso

5. IMbulambethe eyenziwa nguMphathiswa

Sekuphantse kwayiminyaka emibini ndingenile njengoMphathiswa weMfundo weNtshona Koloni.

NjengoRhulumente, sikholelwa ekubeni ikamva elinemisebenzi emininzi, ukwehla kwezinga lokungalingani, imfundo engcono kunye nenkululeko engcono yokulandela amathuba owafumanayo ngumbono wabo bonke abantu baseMzantsi Afrika, yaye kufuneka elo kamva sililungiselele kangangoko. Ukuze sifezekise lo mbono, kufuneka siqinisekise ukuba abafundi bethu bafumana imfundo esemgangathweni, nto leyo ingundoqo ekuphuculweni komgangatho wobomi.

Eyona nto iphambili kulo mbono kukuqinisekisa ukuba siphucula iziphumo zemfundo yaye ngo-2015/16 sizibophelele ekusebenziseni imali kwiprojekthi, izixhobo kunye nabantu abanika imfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi kweli phondo.

Siqalise amaphulo amatsha amaninzi, onke angqamene ngqo nezalathi-nkqubela zempumelelo yethu ezibekwe kwisiCwangciso sokuSebenza sethu, zinto ezo ezizezi:

1. Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wempumelelo yabo kwiSatifiketi seMatrikhi sikaZwelonke (iNSC)
2. Ukuphucula umgangatho kulwimi nemathematika kuzo zonke izikolo
3. Nokunyusa umgangatho wokunikwa kwemfundo kwiindawo ezihlupheke kakhulu.

Xa sijonga ngasemva kulo nyaka uphelileyo sikwalinganisa inkqubela ephelileyo efezekiswe liSebe leMfundo leNtshona Koloni, sitsho sizingce malunga noko sikuphumeleleyo.

Okokuqala, sikufezekisile ukunyuka kwenani nomgangatho wempumelelo kwiNSC ka-2015, apho iNtshona Koloni iphumelele ngo-84.7%, elona zinga liphezulu elizweni, kunjalo nje yayiyo kuphela iphondo elikwazileyo ukunyusa izinga lempumelelo ukusuka ku-2014. Sikwazile nokufumana inani elaneleyo labafundi abapasela ukufunda isidanga, abonyuke ngomyinge we-2.9% ukusuka ku-38.8% ngo-2014 ukuya ku-41.7% ngo-2015. Sikwazile eNtshona Koloni ukunyusa izinga lempumelelo ngo-9% ukususela oko kuqale aba baphathi bangoku ngo-2009.

Okona kuphambili kokokuba iphucukile inkqubo yezikolo ezingaqhubi kakuhle, kangangokuba isikolo ngasinye kwezikwinqanaba (quintile) 1, 2 no-3 zifumene izinga lempumelelo elingaphezu kuka-70%. Kwakhona, zosibhozo izithili zethu zifikelele kwizinga lempumelelo engaphezu kuka-80% kwiNSC. Okona kubalulekileyo kukuba bonke abafundi abaphumelele imatrikhi eNtshona Koloni ngo-2015 baye bafaneleka ukuba babe nokufunda kumaziko emfundo ephakamileyo.

Besisoloko siqhubeleka nokugxininisa kakhulu ekuqinisekiseni ukuba sigcina abafundi abaninzi besesikolweni ithuba elide kangangoko. Ngoko ke, ndiye ndavuyiswa kukuba siphinde sakwazi ukunyusa izinga lethu lokugcina abafundi besesikolweni, lisonyuka ngo-3% ukusuka ku-63.8% wango-2014 ukuya ku-66.8% wango-2015.

Lo rhulumente ugxile kakhulu ekuphuculweni kwesifundo soLwimi neMathematika, yaye ndivuyiswa kukuba iziphumo zeemvavanyo zenkqubo zango-2015 ziye zabanisa ukuphucuka okukhulu kwiMathematika noLwimi eNtshona Koloni kule minyaka mihlanu idlulileyo. Iziphumo zeMathematika zalo nyaka uphelileyo bezisonelisa ngeyona ndlela.

Ndikwavuyiswa nakukuba iSebe leMfundo leNtshona Koloni liye lafumana uphicotho-zincwadi olungenachaphaza ngonyaka-mali ka-2014/2015, loo nto ilenza isebe lemfundo lokuqala emzantsi Afrika ukwenza oku.

Eyona njongo yethu iphambili kukunika bonke abafundi beli phondo imfundo esemgangathweni, sijolise kakhulu kwiindawo ezihlupheke kakhulu. Le nto iyabonakala kuko konke esikwenzayo nesiya kuqhuba sikwenza.

Sizingca ngokukodwa ngamaphulo ohlukeneyo esiwenzileyo okuncedisana nabafundi nezikolo zethu ezihlupheke kakhulu. Ngaphandle kwemingeni yezemali, iSebe iWCED lisajonge okuncedisana nezikolo zethu ezingathathi ntweni. Umzekelo, ukuxhasa ezinye izikolo ezingama-216 ezingahlawulisi zifizi nezifundisa abantwana abasuka kwiindawo zoluntu oluhlelekileyo, ukuthuthwa kwabafundi abangama-55 000 besisiwa bekwalandwa esikolweni, kunye nezigidi ezingama-R44 zembuyekiso yabafundi abangathathi ntweni abaxolelwayo ekuhlawuleni iifizi. Kodwa ke, imeko yezemali isifaka phantsi koxinzelelo olunzima. Nangona siye saneempumelelo ezininzi ngo-2015/16 kusekuninzi ekufuneka sijonge kuko ngo-2016/17.

Kulo nyaka, iSebe iWCED liqalise isiCwangciso-nkqubo esitsha soLwimi neMathematika nesijonge ukuwuphucula nangakumbi umgangatho wokufunda nokufundisa kuwo onke amabanga ukwenzela ukuqinisekisa ukuba abafundi baqhuba ngcono yaye sibagcina besesikolweni ixesha elide, ngokuhambelana neenjongo zethu eziphambili.

ISebe iWCED liphinde laqhuba iphulo elitsha elisalingwayo nelinika umdla, iProjekthi yeBanga R-3, ejonge ekuphuculeni ukufundwa nokufundiswa kolwimi nemathematika kubantwana abaselula ngokuthi kuqinisekise ukuba bonke abafundi bawafezekisile amanqanaba afunekayo okufunda nokubala xa bephumelela iBanga lesi-3.

Xa sicinga ngeziphumo zexesha elide zentlupheko nokungalingani, uninzi lwezikolo zikarhulumente ezikwiindawo ezingathathi ntweni zidinga ukuxhaswa nangakumbi kulawulo, iititshala kunye nabafundi, ngokunjalo nezemali. Ukuncediswa ekunyuseni izinga lokufumana imfundo esemgangathweni koluntu lwethu olungathathi ntweni, iSebe iWCED, libambisene neqela labaxhasi bemali, ekuqaleni kuka-2016 eli qela liqalise inkqubo entsha esalingwayo, iZikolo zoBambiswano.

Ngezi Zikolo zoBambiswano, iSebe iWCED lijonge ukuvavanya imodeli entsha yokufundisa ezikolweni, yona ebandakanya ukuzinzisa izixhobo zokulawula noqeqesho olungqingqwa oluvela kwicandelo labucala ukwenzela ukomeleza iziphumo zemfundo kwizikolo zikarhulumente ezidinga inkxaso, loo nto isenziwa ngobambiswano ekuqhubeni izikolo. Bonke abaqhuba olu bambiswano abayimibutho engenzi nzuzo exhaswa ngemali ngabaxhasi namaziko anikela ngesisa – sisebenzisa le projekthi isalingwayo ukwandisa isiseko abaza kugxila kuso abasebenzi neengcali ekuphuculeni umgangatho wemfundo karhulumente kwabona bafundi bahlelekileyo kweli phondo.

Kulo nyaka uphelileyo siye saqalisa uPhuculo lweNdlela yokuSebenza ngokusebenzisa i-e-learning (i-e-learning Game Changer). Injongo yolu Phuculo lweNdlela yokuSebenza kukunika i-intanethi yasimahla ehamba ngokukhawuleza esetyenziswa zizo zonke izikolo zeNtshona Koloni ekupheleni kuka-2016 ukwenzela ukuxhasa i-eLearning kunye nokusetyenziswa kwayo ekufundeni nasekufundiseni eNtshona Koloni. Iyilelwe ukufaka inkxaso enkulu ekuphuculeni umgangatho wokufunda nokufundisa kweli phondo kunye nokuzinzisa izakhono ezidingwa ngabantu ukuze bathathe inxaxheba kuqoqosho lwethu olulawulwa yitekhnoloji. Njengokuba sisiya phambili, iprojekthi ye-eLearning iza kuqhubeka

nokunika izikolo iWide Areal Network (iWAN), iiLocal Area Network (iiLAN) ze-real time ezihamba ngesantya esiphezulu, amagumbi okufundela axhaswa ngeteknoloji (ii-smart classroom), iilebhu zeekhompyutha ngokunjalo noqeqesho lweICT kunye neenkqubo zophuhliso lootitshala. Sikwagxile eusebenziseni yona ukujonga ekuphuculeni iziphumo zethu zeMaths noLwimi.

Ndilindele ngamehlo amanyama ukulibona eli phulo, kunye namanye esiwaqalayo, efezekiswa ekwaqhubeleka ngempumelelo kulo nyaka uzayo.

Ndiyayiqonda eyokuba kusekuninzi ekusafuneka sikwenzile ukuze sifezekise umbono wethu weLizwe eLinye eLineKamva eLinye elisekelwe phezu kweNkululeko, ubuLungisa kunye namaThuba oMntu Wonke, kodwa ndinethemba elikhulu lokuba la maphulo siwaqalayo za kuziphucula iziphumo zabafundi asincedise nathi ekuqinisekiseni ukuba bonke abafundi beli phondo bafumana imfundo esemgangathweni neya kubaxhobisa ngokwaneleyo ukuba babe nokufumana imisebenzi ebonelisayo batsho bafake igxalaba ngokubonakalayo kuqoqosho; ngokwenjenjalo sibanika isidima esibafaneleyo.

Debbie Schäfer

UMphathiswa weMfundo wePhondo

URhulumente weNtshona Koloni

6. Intshayelelo eyenziwa liGosa loCwangciso-mali

Esi siCwangciso seNkqubo yoNyaka (iAPP) sibeka iinjongo, izicwangciso-nkqubo, izenzo, iithagethi nebhajethi yeSebe leMfundo leNTshona Koloni ngo-2016/17.

Kwesi sicwangciso siqinisekisa ngokuzibophelela kwethu ekunikeni bonke abantwana beli phondo awona mathuba angcono empumelelo sinokubanika wona. La mathuba abhalwe kwezi njongo ziphambili zintathu zeSebe leMfundo leNtshona Koloni: ukuphuculwa kwezinga lolwimi nemathematika kuzo zonke izikolo; ukwanda kwenani nomgangatho ekuphuyelelweni kweSatifiketi seMatrikhi sikaZwelonke; ukwanda komgangatho wemfundo enikwa uluntu olungathathi ntweni.

Ngo-2015 siye sanenkqubela ephakathi ekufezekiseni ezi njongo. Ngo-2016 siza kwakhela phezu koko kuye kwasisebenzela size silungise izinto esizenzayo nezixhobo zethu ukwenzela ukuphucula ukunikwa kwenkxaso apho idingeka khona.

Kodwa ke kubalulekile ukuba siqaphele ukuba zonke izicwangciso neethagethi zethu ziza kukhanywa kukucuthwa kwebhajethi enikwe iSebe iWCED, nto leyo yenziwa nzima nangakumbi kukunyuka kwenani labafundi ezikolweni zethu kunye namaxabiso onyukayo empahla neenkonzelo ezidingekayo.

Ngexa yezi meko kubalulekile ukuba siqhubelele nokusebenzisana nabo baphambili ekubambisaneni nathi ukwenzela ukuba impumelo yethu ingabuyi mva. Siza kuqhubeka nokusebenza neemanyano zootitshala kunye nezabasebenzi bakarhulumente, imiButho yeBhodi eziLawula iZikolo kunye namaqumrhu eenqununu ekufezekiseni le APP.

Amaziko eMfundo ePhakamileyo (iiYunivesithi neeKholeji zeTVET), iiNGO noomasipala baza kudlala indima ephambili ekufezekiseni leWCED APP ka-2016/17.

ISebe iWCED lisethamsanqeni lokukhokelwa nokuxhaswa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi enamava, iqela loPhicotho lwaNgaphakathi kunye neloLawulo lwemiNgcipheko yeZiko, ngokunjalo nenkxaso yeOfisi kaNondyabo wePhondo kunye namanye amasebe karhulumente elixhasa eli sebe ekuqinisekiseni ngokwenziwa kwezenzo ezaneleyo neziyimpumelelo.

Okokugqibela, leAPP ka-2016/17 igxininisa kakhulu ekubeni ootitshala, abazali nabafundi babambisane ekuphuculeni iziphumo zezifundo.

ISebe iWCED lilindele ukusebenzisana nabo bonke esibambisene nabo ekufezekiseni le APP ka-2016/17.

Penny Vinjevold
INtloko yeCandelo leziFundo

ICandelo B: IsiCwangciso sobuChule (Strategic Overview)

1. UMgaqo-sikhokelo wokuSebenza weThuba eliPhakathi (iMTSF)

Isahluko sokuqala soMgaqo-sikhokelo wokuSebenza weThuba eliPhakathi (iMedium Term Strategic Framework - iMTSF) sivula ngolu hlobo: "Umbono ka-2030 weNDP ngulowo wokokuba abemi baseMzantsi Afrika bakwazi ukufikelela kuqeqesho nemfundo ekowona mgangatho uphezulu, oboniswa ziziphumo zokufunda ezichucuke kangangoko".

I-MTSF inale miba iphambili kwiziphumo zemfundo:

1. Ukuphucuka komgangatho wokufunda nokufundisa okwenziwa ngokuphuhliswa, ukugqeshwa nokusetyenziswa ngokukuko kootitshala.
2. Ukuphucuka komgangatho wokufunda nokufundisa okwenziwa ngokunikwa kweziseko zophuhliso neziXhobo eziXhasa ukuFunda nokuFundisa (iiLTSM) ezaneleyo nezisemgangathweni.
3. Ukulandelela indlela abaqhuba ngayo abafundi ngokwenziwa kweengxelo kunye nokuhlalutywa kokuHlola koNyaka kukaZwelonke (iANA) kwiBanga lesi-3, elesi-6 nele-6 nokuphuculwa kweANA ngokuhamba kwamaxesha ukwenzela ukuqinisekisa ukuba abafundi nootitshala bafumana ingxelo efanelekileyo kwanokumana kubekwa elona zinga liphantsi lendlela ekunokuqhutywa ngayo.
4. Ukwandiswa kokufikelela kukuPhuhliswa kweMfundo yaBantwana abaSaqaalayo kunye nokuphuculwa komgangatho weBanga R.
5. Ukomeleza ukuthatha uxanduva kunye nokuphucula ulawulo kwinqanaba lesikolo, eloluntu nelesithili.
6. Ukubambisana namaqela athile ukwenzela ukubuyisela isidima semfundo nokuphucula umgangatho wayo.

Le miba iphambili iza kufezekiswa ngezi njongo nezenzo zeSebe iWCED. Ukugxininisa kwethu kwezi zinto kuza kuba luqilima nanjengoko iisistim nezalathi-nkqubela zisiya zibekwa ngokubekwa, kwinqanaba lephondo nelikazwelonke, kukwalungiswa neebhajethi neemodeli ngokwendlela efunekayo.

Isiphumo ngasinye kwezi sinoluhlu lweziphumo ezisekelayo, izenzo kunye nezalathi-nkqubela ezinxulumene naso. Okwangoku akukabikho maxwebhu okufunda asisiseko kwezinye zezi zinto. Ezo ziluxanduva lwephondo zicaciswe phantsi kwezihloko neethagethi ezifanelekileyo ezibekelwe izalathi-nkqubela ezinxulumene nazo.

2. UkuFunda eZikolweni ukuya ku-2030 kunye neeNjongo ezingama-27

Izicwangciso zecandelo lemfundo laseMzantsi Afrika zibekwe kwisiCwangciso sokuSebenza sika-2019, sijonge kwiMfundo yaseSikolweni ka-2030 (Action Plan 2019, towards Schooling 2030). Esi sicwangciso siqulethe iinjongo ezingama-27. Iinjongo zokuqala ezili-13 zijongene neziphumo zokufunda, zize ezinye iinjongo ezili-14 zijongane nendlela ezinokufezekiswa ngayo ezi ziphumo zokufunda.

Ezi njongo zingama-27 zinxulumene **nezalathi-nkqubela**, zajoliswa kwiithagethi kunye **nezigaba zazo ezibalulekileyo**. Inani leenjongo liqingqiwe; izalathi-nkqubela zibekwe ngokucacileyo yaye zinako ukulinganiselwa. Iithagethi mazibe 'kanye kwezo nkalo kujoliswe kuzo' yaye injongo mayibe kukuya ziziphucula ngokuziphucula iziphumo zemfundophucula iziphumo zemfundo ngokungaphezulu. Zahlula-hlulwe ngokwamaphondo yaye mazingathathwa njengemida ekungenakudlulwa kuyo. Iithagethi zikazwelonke zibekelwe ithuba elide yaye izigaba zazo ezibalulekileyo zigxile kwiimpumelelo ezifuneka kwithuba eliphakathi (ukuya kutsho kwiminyaka emihlanu yexesha elizayo). Izigaba ezibalulekileyo

zizakwelonke zibekelwe iinjongo zokusebenza 1 – 13. Izigaba ezibalulekileyo azibekwanga kwinjongo ye-14 ukuya kweyama-27

Iinjongo zezi **ziphumo zokufunda** zezi:

- 1 ►Ukwandisa inani labafundi kwiBanga lesi-3 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lokubala lweBanga lesi-3.
- 2 ►Ukwandisa inani labafundi kwiBanga lesi-6 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nakulwazi lwemathematika kwiBanga lesi-6.
- 3 ►Ukwandisa inani labafundi kwiBanga le-9 abaya kuthi ekupheleni konyaka babe sele beqabele kolona lwazi lusezantsi lolwimi nowemathematika kwiBanga le-9.
- 4 ►Ukwandisa inani labafundi beBanga le-12 abakufaneleyo ukungenela iprogram yesiDanga sokuQala eyunivesithi.
- 5 ►Ukwandisa inani labafundi beBanga le-12 abapasa *imathematika*.
- 6 ►Ukwandisa inani labafundi beBanga le-12 abapasa *iphysical science*.
- 7 ►Ukuphucula ukupasa komndilili (average) wabafundi kwiBanga lesi-6 kwizifundo zeelwimi.
- 8 ►Ukuphucula ukupasa komndilili (average) wabafundi kwiBanga lesi-6 kwimathematika .
- 9 ►Ukuphucula ukupasa komndilili (average) wabafundi beBanga lesi-8 kwimathematika.
- 10 ►Ukuqinisekisa ukuba bonke abantwana bahlala beqhubeka ngokwenene nesikolo ubuncinane ukuya kunyaka abagqiba ngawo iminyaka eli-15.
- 11 ►Ukuphucula ukufikelela kwabantwana kwimfundo esemgangathweni yoPhuhliso lwabaNtwana abasasiQalayo iSikolo (iECD) abangaphantsi kweBanga loku-1.
- 12 ►Ukuphucula ukupasa kwabafundi nokugqithela kwamanye amaBanga ukuqala kwiBanga loku-1- 9.
- 13 ►Ukuphucula ukufikelela kolutsha kwiMfundo noQeqesho oluQhubekayo (FET) ngaphaya kweBanga le-9.

Iinjongo zokuba kufikelelwa **njani** na kwiziphumo zokufunda ezizezi:

- 14 ►Ukugaya kunyaka ngamnye iqela elitsha lootitshala abasebatsha, abanomdla abaqeqeshwe ngokufanelekileyo ukuba bangenele umsebenzi wobutiitshala.
- 15 ►Ukuqinisekisa ukubakho nosetyenziso lootitshala ngohlobo lokuba kuthintelwe ubukho beeklassi ezinamanani amakhulu.
- 16 ►Ukuphucula ulwazi lomsebenzi nokwenza umsebenzi ngokuchubekileyo kootitshala (professionalism), izakhono zokufundisa (teaching skills) ulwazi ngezifundo (subject knowledge) nabanolwazi lokusebenzisa ikhompyutha kuyo yonke imisebenzi yabo yokufundisa.
- 17 ►Ukwenza konke okusemandleni ukuqinisekisa ukuba abasebenzi abangootitshala baphile qete, banelisekile yaye bayawuthanda umsebenzi wokufundisa abawenzayo.
- 18 ►Ukuqinisekisa ukuba abafundi bafikelela kuzo zonke izihloko nenkalo zezakhono ekufanele bazifunde kunyaka wesikolo oQhubekayo.
- 19 ►Ukuqinisekisa ukuba umfundi ngamnye unako ukufikelela kweyona sethi ibubuncinane yeencwadi zezifundo nencwadi zomsebenzi (minimum set of textbooks and workbooks) ezifunekayo ngokomgaqo-nkqubo kazwelonke.
- 20 ►Ukwandisa ukwazi ukufikelela kwabafundi kwiintlobo ngeentlobo zemidiya (range of media), kuqakwa neekhompyutha, eziphucula umgangatho wemfundo yabo.
- 21 ►Ukuqinisekisa ukuba iinkqubo zolawulo ezisisiseko zonyaka (annual management

processes) ziyaqhubeka kwizikolo zonke kweli lizwe ngendlela enegalelo nekhokelela kwisikolo esiqhuba kakuhle.

22 ► Ukuphucula uthatho-nxaxheba lwabazali nabahlali kulawulo kwezikolo, ngokuphucula ukwazi ukufikelela kwingcaciso ebalulekileyo ngokusetyenziswa kwesicwangciso-nkqubo se-e-Education.

23 ► Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zixhaswa ngemali ngokwawona manqanaba asezantsi ngomfundi ngamnye nabalwa ngokwemimiselo kazwelonke nokuba imali isetyenziswa ngokungafihlisiyo nangendlela eyiyo (transparently and effectively).

24 ► Ukuqinisekisa ukuba iziseko zophuhliso ezizizakhiwo zezikolo (physical infrastructure) nendawo engqonge isikolo ngasinye, ziyabakhuthaza abafundi ukuba bafune ukuza esikolweni yaye bafunde, nootitshala bafundise.

25 ► Ukusebenzisa izikolo njengezixhobo zokukhuthaza ukwazi ukufikelela kwiindidi zeenkono zikarhulumente kwabafundi kwimiba efana nezempilo, ukunciphisa intlupheko, inkxaso yasengqondweni neyenzentlalo (psychosocial support), ezemidlalo nezenkcubeko.

26 ► Ukwandisa inani lezikolo eziwuphumeze ngempumelelo umgaqo-nkqubo wemfundo ebandakanya bonke abafundi (inclusive education policy) nokwazi ukufikelela kumaziko abonelela ngeenkono zeengcali (specialist services).

27 ► Ukuphucula ukwandiswa kwamaxesha nomgangatho weenkono zokubeka esweni nenkxaso enikwa ziifisi zezithili zemfundo ezikolweni ngokusetyenziswa bhetele kwemfundo i-e-Education.

Ngaphezulu, iSebe leMfundo esisiSeko livume uluhlu lwemixholo

1. Ukugxila kumgangatho nokugqibelela kwemfundo
2. Ukunxibelelana noluntu
3. Ukubekwa phambili kokufunda nokufundisa
4. Indima eyomeleziweyo edlalwa ngawo onke amaqela (amaqumrhu, iiarhente zokuqinisekiswa komgangatho, iimanyano, abazali, ekubanjisweni nabo)
5. Iindlela ezomeleziweyo edlalwa linqanaba lephondo nelikazwelonke, kuquka neendlela zonxulumano phakathi kwamasebe karhulumente kunye namasebe ngamasebe
6. UMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo yeSizwe (iNational Education Policy Act) - obeka esweni nokwahlola imimiselo nemigangatho; oku kuquka nokuhlolwa kwefuthe

Ezi zinto zikhatshwa luluhlu lwezinto ezingenakuguqulwa ezidweliswe liSebe leMfundo esisiSeko:

	Into	Umba
1.	IiLTSM	Imimiselo nemigangatho; ukufunyanwa kwazo; iindleko
2.	Iziseko zophuhliso (infrastructure)	Izixhobo zokusebenza; amanzi nogutyulo; ulungiso; ifenitshala needesika
3.	Izithili	Ukuxhaswa kwezikolo; ulungelelwaniso lwezithili zephondo; imimiselo nemigangatho yonxulumano, ukukwazi ukwenza umsebenzi, unxibelelwano, isistim yokubeka esweni ukufezekiswa kwekharithulam nophuhliso lweetitshala
4.	Ootitshala	Ukuqeshwa kwabo; ukutshintshwa kwabo nophuhliso lootitshala
5.	I-ICT	Ukungeniswa kwabantwana kwiNkulungwane yama-21
6.	I-Kha ri Gude	Ukufezekiswa, ukubekwa esweni nokuhlolwa kwayo okuphuculweyo
7.	IiNkonzo	Zisembindini wawo wonke umsebenzi. Ukugxila kuSuku lukaMadiba.

	Into	Umba
	zeeLayibrari	
8.	lilali	Ukufundiselwa kwamabanga amaninzi eklasini enye, ukudityaniswa kwezikolo ezincinci nezincinci kakhulu kunye nohlengahlengiso lwezikolo Izithuthi ezithutha abafundi
9.	Ikharityhulam	IMaths, iSayensi neTeknoloji (iMST): Ukuthatha inxaxheba kunye nokuphucuka kwenkqubela. Icandelo leMST. Ukulingwa kweeprojekthi: icandelo lokufunda, izifundo zobuchwepheshe, ukwandiswa kweeLwimi zesiNtu
10.	Ukubambisana namaqela kunye nokukhankaswa koluntu lwasentlalweni	Ukuba sempilweni nokhuseleko lwabafundi

3. NgokwasePhondweni

Kweli thuba leminyaka emihlanu ka-2015-2019 iphondo livume iiNjongo ezi-5 eziCwangciswe ngobuChule zePhondo. Zona ke zezi:

- INjongo ePhambili 1: Ukudala amathuba okuhluma kunye nawemisebenzi
- INjongo ePhambili 2: Ukuphucula iziphumo zemfundo kunye namathuba ophuhliso lolutsha
- INjongo ePhambili 3: Ukwandiswa kokuba sempilweni, ukhuseleko nokujongana neengxaki zentlalo
- INjongo ePhambili 4: Ukwenza ukuba indalo ephilayo esingqongileyo ikwazi ukumelana neemeko, izinze, ibe semgangathweni yaye iquke konke
- INjongo ePhambili 5: Ukuzinzisa ulawulo olululo kunye nokunikwa kweenkonzo okundindeneyo ngokusebenzisa ubambiswano kunye nokuhanjelaniswa kokunatyiswa kokusetyenziswa komhlaba

ISebe iWCED liza kufaka igxalaba kubambiswano olusele lukho oluphakathi kweli sebe kunye namanye amasebe, kuzo zonke ezi njongo, ngokungakumbi kwezo zichaphazela iinkonzo ezinikwa abafundi nezenzelwa ukuba sempilweni kwabo.

ISebe iWCED liza kuphinda lixhase ngokubonakalayo iNjongo yesi-1 eCwangciswe ngobuChule yePhondo: "Ukuzinzisa ulawulo olululo kunye nokunikwa kweenkonzo okundindeneyo ngokusebenzisa ubambiswano kunye nokuhanjelaniswa kokunatyiswa kokusetyenziswa komhlaba" kunye neziphumo zayo ezi-3:

IsiPhumo soku-1: Ulawulo oluphuculweyo;

IsiPhumo sesi-2: Intlalo ebumbeneyo ebandakanya wonke umntu

IsiPhumo sesi-3: Ukulawula ngokundindeneyo

ISebe iWCED liphala phambili kumba weNjongo yesi-2 eCwangciswe ngobuChule yePhondo

“Ukuphucula iziphumo zemfundo kunye namathuba ophuhliso lolutsha”

Ingcaciso yengxaki:

Uphando lubonisa ukuba ukufunda, ukubhala nokubala kwabantwana baseNtshona Koloni kungaphantsi kwenqanaba elifunekayo ukuze baqhubeleke nezifundo zabo kunye nelo lifuneka kwingqesho. Ezi zakhono zisisiseko zizo ezikhokelela bonke abantwana kumakhono abanokuwalandela kunye namathuba abanokuwafumana ebomini.

Kukho ukungalingani okukhulu komgangatho wemfundo enikwa abantwana baseNtshona Koloni yaye lento yenziwa mbi nangakumbi ziingxaki ezinabileyo zoqoqosho lwentlalo. Ezi ngxaki zimbini kufuneka ziye zilungiswa ngokulungiswa ezikolweni zethu kusetyenziswe nendlela yokujongana nentlalo xa iyonke.

IziPhumo eziCwangciso ngobuChule:

1. Ukuphucula umgangatho kulwimi nemathematika kuzo zonke izikolo
2. Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wempumelelo yabo kwiSatifiketi seMatrikhi sikaZwelonke (iNSC) kunye nezatifiketi ezihambelana nesi
3. Ukunyusa umgangatho wokunikwa kwemfundo kwiindawo ezihlupheke kakhulu
4. Ukunika ulutsha lwethu amathuba ongezelelekileyo kwezentlalo noqoqosho
5. Ukuphucula indlela intsapho ezibaxhasa ngayo abantwana nolutsha kunye nophuhliso lweendlela zokuncedisa aba bantwana

ISebe iWCED le njongo icwangciswe ngobuchule liyiqhuba libambisene neSebe loPhuhliso loLuntu kunye neSebe lemiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo.

Kuchongwe iindlela ezimbini "zophuculo lweNdlela yokusebenza" (ii-"Game changer") ezilungiselelwe le njongo kunye ne-"Lebhu ePhilayo". Ezi ndlela zophuculo lwendlela yokusebenza (iinkalo ekufuneka kugxilwe kuzo/izenzo ekuya kufufunyanwa inzuzo enizi kuzo ekwenzeni umahluko ebomini babant) yi-1.) E-Learning kunye 2.) EzaseMva kokuPhuma kweSikolo.

1. Kwi-e-learning, le projekthi sele ikwinqanaba lokuqhutywa, kugxilwe kwezi zinto zilandelayo:

IProjekthi yeWide Area Network (WAN) – iprojekthi kaRhulumente wePhondo

Iprojekthi yeWAN iza kunika izikolo zamanqanaba onke uqhagamshelo kwi-intanethi oluhamba ngesantya esiphezulu ngokunjalo noqhagamshelwano phakathi kwesikolo kunye nezinye izikolo, neefisi zesithili kunye neofisi kandlunkulu.

Kweli thuba lika-2016/2017 izikolo ezichongiweyo ziya kuqhagamshelwa kwi-intanethi ngeWAN.

IProjekthi yeLocal Area Network (LAN) – iprojekthi yeSebe iWCED

Iprojekthi yeLAN iza kunika ufikelelo olungasebenzisi ntambo kwi-intanethi kunye neintanethi yokuqhagamshela isikolo kunye nezinye iindawo ezikwiWAN.

Kweli thuba lika-2016/2017 zili-100 izikolo ezikwinqanaba (quintile) 1, 2, 3 kunye nezeMfundo eneeMfundo eziZodwa eziya kufumana iiLAN.

IProjekthi yokuKhumbuza ngolwazi lwekhompyutha (iComputer Refresh Project) kwiTeknoloji yeeAplikheyishini zeKhompyutha (iComputer Applications Technology), iTeknoloji yezolwazi (iInformation Technology) kunye nobuNjineli, iGrafikhi noYilo (Engineering, Graphic and Design) (CAT/IT/EGD).

Le nkqubo yokuhlaziya ulwazi lweteknoloji iyajikeleza yaye ijongene neemfuno eziphambili zezikolo ezifundisa iCAT, iIT neEGD.

Kweli thuba lika-2016/2017 zingama-88 izikolo ezikuwo onke amanqanaba eziya kuhlololwa ukuqinisekisa ukuba luyadingeka ngenene na uhlahaziyo lolwazi lweteknoloji zize zinikwe uhlahaziyo (upgrades) oluyimfuneko.

IProjekthi **Edulab Computer Refresh** inika izikolo iteknoloji yangoku nefanelekileyo ukwenzela ukuba abafundi bakwazi ukufikelela ngqo kwitekoloji kwimeko elungiselwe iICT.

Kwithuba lika-2016/2017 kuya kukhangelwa inkxaso-mali yabaxhasi besisa ukwenzela ukuncedisa izikole ezimalunga nama-75 ekuhlaziyeni iteknoloji yeelebhu zazo zeICT.

IProjekthi yeeKlasi ezineIntanethi (iSmart Classroom Project) inika izikolo iteknologi yangoku nefanelekileyo. Le teknoloji inesixhobo sikatitshala sokusebenzisa ikhompyutha (teacher computing device), isixhobo sikatitshala sokuprojektha (teacher projection device), isixhobo sikatitshala sokunxibelelana nabafundi (teacher interactive device) kunye nesixhobo sokubonisa (visualizer device) esikwaziwa njengekhamera yamaxwebhu (document camera)). Uninzi lwale teknoloji alusebenzisi ntambo zombane yaye iyaphatheka ngendlela yokuba uyakwazi ukuyipakisha uhambe nayo (*ipack-up-and-go mobility*).

Kweli thuba lika-2016/2017, kujongwe ukunikwa iiSmart Classroom kwizikolo ezimalunga nama-37 kwizikolo ezikwinqanaba 1, 2, 3 nele-4 kunye nezikolo zabafundi beMfundo eneeMfuno eziZodwa.

IProjekthi i-e-Portal yiprojekthi engemixholo efumaneka kwi-intanethi (online digital content).

Le e-Portal inika indlela esekelwe kwiinkonzo ngokuthi ijonge iimfuno zabasebenzisi abohlukeneyo, umz. umfundi, umzali, utitshala. Sele uqalile umsebenzi woku yaye le phothali sele imiselwe yavulelwa ukufakwa nouksetyenziswa kolwazi.

Kweli thuba lika-2016/2017 ziza kwandiswa izixhobo ezifunyanwa ngabasebenzisi.

IProjekthi **yeSistim yoLawulo lokuFunda (iLearning Management System) (LMS)** iquka uvimba wezixhobo zasekhompyutheni (digital resources repository) yaye ijonge ukunika ootitshala, abafundi nabazali izixhobo zokufunda nokufundisa zeintanethi (digital).

Ngo-2016/2017, iLMS yeSebe iWCED iza kufakwa kule projekthi ye-ePortal kusenzelwa ukudalwa koluhlu olubanzi noluka lweeaplikheyishini ezifunyanwa kwi-intanethi.

Zonke ezi zinto zingentla ziya kukhatshwa luqeqesho nenkxaso efunekayo.

2. Le Projekthi yeeNkqubo zaseMva kokuPhuma kweSikolo isalungiswa ukuze igqibelele. Injongo lale program ibekwe njengeyokuba; "Kukuthatha inxaxheba rhoqo (ubuncinane kabini ngeveki) nangokuzinzileyo (ngexesha elingu-70% nangaphezulu) kwabafundi baseNtshona Koloni kwiinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo ezifaka igxalaba kuphuhliso olwakhayo lolutsha". Elona sebe liphala phambili liSebe lemiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo yaye kugxilwe kwizikolo eziyinxalenye yeprogram yamaThuba noPhuhliso lwesiNinzi yasemva kokuphuma kwesikolo.

Izalathi zentsebenzo zezi:

- iziza ezikwimeko elungele iiProgram zeeNkqubo zaseMva kokuPhuma kweSikolo (iiASP)
- Inani labafundi abakwizikolo ezingahlawulisi zifizi nezikwaziyo ukufikelela kwiASP
- Inani labafundi abakwaziyo ukufikelela kwiiprogram ezisemgangathweni
- I-% yabafundi abathatha inxaxheba rhoqo nangokuzinzileyo
- Ukuphuculwa kweziphumo zabafundi esikolweni

Iithagethi zika-2019 zezi

- I-10% yabafundi baseWC abakwizikolo ezingahlawulisi zifizi abafikelela ngokukhuselekileyo kwiindawo zeenkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo (ama-56 000)
- I-8% yabafundi baseWC abakwizikolo ezingahlawulisi zifizi abafikelela kumathuba asemgangathweni eenkalo ezimbini abanomdla kuzo (iprogram yeentsika ezimbini) (ama-44 800)
- I-2% yabafundi baseWC abakwizikolo ezingahlawulisi zifizi abafikelela kwiinkqubo eziphangaleleyo ezisemgangathweni (ama-11 200)

ISebe iWCED liza kufaka igxalaba kule Projekthi ngokuxhasa amaZiko oPhuhliso lwamaThuba esiNinzi (*eMass Opportunity Development - MOD*). La mazikoancedisa ekufundisweni kwasemva kokuphuma kwesikolo okwenziwa ngohlobo lwesitadi nezemidlalo. Ngaphezulu, iSebe iWCED liza kuqhuba iNkqubo eGxile kuLutsha, nelungiselelwe abafundi abachongiweyo beBanga le-9 ababhalisele ukuphinda eli banga ngaphezu kwamatyeli amabini, loo nto isenzela ukuba bakwazi ukufunda ikhosi elungiselelweyo ekwiKholeji yoQeqesho kuMsebenzi wobuGcisa (*iTechnical Vocational Education Training - iTVET*) okanye amaZiko eMfundo noQeqesho lwabantu abadala (*iAdult Education and Training - AET*).

3. Elinye iphulo longenelelo eliphambili eliphantsi kwesi siCwangciso sokuSebenza sePhondo yiprojekthi esalingwayo yeBanga R-3 kwizikolo ezili-105 ezineziphumo ezingancumisiyo, ukwenzela ukuphucula impumelelo yesifundo sesiNgesi neMathematika.

Kweli thuba leminyaka emine ezayo, iSebe iWCED liza kuqhuba iprojekthi elingwayo yezikolo ezili-105. Oku kuthetha ukuba ngo-2015/16 kuye kwayilwa kwaze kwalungiselelwa iphulo longenelelo olutsolisiweyo neliya kuthi liqhutywe, lixhaswe lize libekwe esweni kule minyaka mine ka-2016-2019.

Olu yilo luthathelwe kwizenzo ngezenzo zophando eziqhutywe kwiZikolo zasePrayimari zeNtshona Koloni, ngokukodwa uPhando lweBanga lesi-3 lweYunivesithi yaseStellenbosch kunye neprojekthi iSPADE yeYunivesithi yaseKapa.

Ezona ziphumo nezindululo zifanayo kwezi zenzo zophando zezi;

- Imfuneko yokuvavanywa nokuchongwa ngobunono beeNtloko zesiGaba esisisiSeko kuney nokukwazi kwazo kwanexesha abalisebenzisa ekunikeni inkxaso yaseklasini nengeyoyaseklasini.
- Ubukho nokusetyenziswa ngokundindeneyo kweencwadi ezinkulu zamabali, iincwadi zokufunda, iitekstibhukhu, iincwadi zokusebenzela zabafundi kunye nezixhobo zokusebenza zesiGaba esisisiSeko.
- Ukuyilwa nokusetyenziswa kwemiMiselo yenkqubela ekufundeni, ekubhaleni nakwimathematika kwikota nganye yeBanga R - 3.

- Ukuhlola ukukwazi kootitshala ukumelana nokufundisa isiNgesi uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo nokubaqeqesha ekwenzeni oku.

Sele kukhathulwe ekulungiseni imodeli yeSebe iWCED, enika imiba emininzi kangangoko kule ingentla. Sele zichongiwe izikolo. Kunikwe izigidi ezingamashumi amabini zeerandi zokuthengela izikolo ezichongiweyo iithablethi.

Amanyathelo alandelayo:

- Le program yoqeqesho iza kuphuhlisa ngokweemfuno ezichongwe kuphicotho-zincwadi
- Kwaziswa abazali.
- IziXhobo zokuFunda nokuFundisa ziza kunikwa ngokwendlela ezifuneka ngayo.
- Kwenziwe imimiselo yokufunda nokubhala yaye ootitshala baza kuqeqeshwa kuyo nokuba bayisebenzisa njani ngekota ekuHloleni ukuFunda kwamaBanga asePhantsi.

4. UHlalutyo lweMeko oluHlaziyiweyo

4.1. IMeko eNgqonge uKwenziwa kweeNkonzo

Inani labantu baseNtshona Koloni lonyuke **ngo-28.7% phakathi kuka-2001 no-2011** yaye lisaqhuba nokukhula. Ngokobalo lwabantu luka-2011 olukhutshwe yiStatistics South Africa (iStatsSA), iNtshona Koloni likhaya labantu abazizi-5 822 734, nto leyo iyi-11% yenani elipheleleyo labantu baseMzantsi Afrika.


Nanjengoko kulindelekile, lonyukile inani labafundi ababhalise ezikolweni zikarhulumente.

ICandelo	2012	2013	2014	Ukuhlola kuka-2015	Umahluko
					2012 – 2015
IZikolo eziziiPO ezineBanga R	58 953	59 565	63 492	64 648	5 695
IZikolo eziziiPO ezineBanga loku-1 - 7	592 033	603 430	617 424	639 197	47 164
IZikolo eziziiPO ezineBanga loku-8 - 12	342 959	343 616	346 017	344 906	1 947
IZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa	19 470	19 627	18 702 ¹	18 777	-693

Owona mba mnye mkhulu ufuthela lonke ucwangciso nolungiselelo (provisioning) kwezemfundo ngulowo wokubhaliswa kwabafundi. ISebe iWCED liyisebenzise ngamandla idatha yeeSaveyi zamaKhaya Gabalala kunye nolunye uhlalutyo lwezenzo eziqhelekileyo ukwenzela ukuqikelela nokucwangcisa ubhaliso lwabafundi. Ukufunda nokufundisa ngokukuko kuxhomekeke ekubeni utitshala ajongana nenali elifanelekileyo labafundi, kubekho izakhiwo kunye neetekstbhukhu. Ukwanda kwamanani obhaliso lwabafundi kule minyaka yakutsha nje kukhokelele kuxinzelelo olukhulu lwendawo yokufundela kwiidolophu ezinkulu zesiXeko saseKapa. Okona kukhula kukhulu kwenzeka kwizikolo zaseprayimari. Kwangaxeshanye kubekho ukungazinzi kwamanani kwezinye iindawo zephondo.

¹ Oku kwehla kubonakala kumanani ababhalise ngo-2014 kwenziwa kukuhlelwa ngokutsha kwezikolo ezithathu zibe zizikolo eziQhelekileyo zikaRhulumente (eziziiPO)

Isicwangciso sobaliso sifuna kusetyenziswe yonke idatha efumanekayo. Inani elinyukileyo labantwana kweli phondo liza kuqhuba nokufaka uxinzelelo kwiindawo zokufundela iminyaka ngeminyaka.




IZikolo eziQhelekileyo zikaRhulumente													
UNyaka	Bng 1	Bng 2	Bng 3	Bng 4	Bng 5	Bng 6	Bng 7	Bng 8	Bng 9	Bng 10	Bng 11	Bng 12	Bebonke
2004 ²	104 105	82 130	81 489	76 781	66 060	82 574	89 614	85 053	78 964	80 756	54 199	39 451	921 176
2005	93 515	94 231	80 695	80 809	74 984	66 141	81 953	88 778	82 169	81 577	56 657	39 303	920 812
2006	87 650	85 972	89 828	80 443	77 811	73 106	65 347	78 926	80 595	83 529	57 536	40 198	900 941
2007	92 818	82 562	83 914	89 973	78 674	78 021	72 733	66 406	80 697	86 495	61 938	42 624	916 855
2008	91 853	83 267	79 454	85 891	87 116	78 290	76 146	71 410	72 914	79 133	63 819	43 470	912 763
2009	93 601	82 158	80 385	83 150	82 382	85 621	76 262	75 227	79 795	68 405	60 812	45 692	913 490
2010	98 086	83 046	79 155	84 234	80,290	81 402	82 777	75 426	85 114	70 630	53 799	44 876	918 835
2011	100 423	85 216	79 489	83 490	80 205	79 022	78 207	81 312	84 957	73 470	56 995	38 990	921 776
2012	103 444	88 536	81 415	83 922	79 900	78 384	76 432	77 561	90 815	72 714	58 758	43 111	934 992
2013	104 678	93 506	85 762	85 599	79 210	78 437	76 238	75 528	87 132	78 812	56 109	46 035	947 046
2014	106 917	97 647	89 385	90 617	81 441	76 690	74 727	76 000	82 714	75 838	64 619	46 846	963 441
2015	108 233	101 934	94 342	95 212	84 554	79 250	75 641	75 753	79 114	72 430	63 220	54 390	984 073

UMthombo weDatha: 2015: Annual Survey for Schools (Public Ordinary schools excluding LSEN unit learners)


Le theyibhile ingezantsi ibonisa ukunyuka okupheleleyo okungama-62 897 kumanani abafundi kumjikelo weminyaka eli-12 (2004 - 2015). Le theyibhile ibonakalisa ukukhula okukhulu ekubhalisweni kwabafundi beBanga loku-1 kunye nokuphucuka kokugcineka kwabafundi besesikolweni phakathi kweBanga le-10 nele-12.

Ukufudukela kwabantu kweli phondo kuhlala kusiba negalelo elibonakalayo kumanani obhaliso kuze kwandise noxinzelelo uzo zonke izixhobo.


² Lipatheni zamanani obhaliso zichatshazelwa lutshintsho kwinqanaba likazwelonke, kwiBanga loku-1 umgaqo-nkqubo wokwamkelwa kwabafundi esikolweni ngo-2000, owavumela ukuba izikolo zibhalise kuphela abafundi abaneminyaka esixhenxe kubhaliso lokuqala. Ngenxa yoku amanani obhaliso eBangala loku-1 aba ngaphantsi kuneminyaka edlulileyo. Ekubeni kutshintshwe iimfuno zeminyaka yobhaliso kwakhona ngo-2004, kwabuyela kwiminyaka yangaphambili, kubekho ukunyuka kumanani obhaliso kwakhona. Oku kubonisiwe kule theyibhile.



INTshona Koloni liPhondo elikwindawo yesibini kwawona maphondo akhula ngokukhawuleza.




INTshona Koloni ifumana abona bantu baninzi bafudukela kuyo kunamanye amaphondo amaninzi.




Abantu abadala baseNtshona Koloni baneavareji yeminyaka eyi-9.9 wemfundo yasesikolweni. Lo mzobo wodlulwa yiGauteng kuphela, eneminyaka eyi-10.5. I-avareji kazwelonke yiminyaka eyi-9.3.

Le grafu ingezantsi ishwankathela inkqubela yamazanga empumelelo akutsha nje. Amanani apheleleyo eBanga loku-1 nele-9 abonisa ukuba kukho abafundi abaninzi abawaphindayo la mabanga. Ezi ziimeko esisazinika ingqwalasela sinawo namaphulo ongenelelo akhethekileyo enzelwa ukuphucula mazinga empumelelo.



Kukho iimpawu ezibonisa ukuphucuka ngokunxulumene nokugcinwa kwabafundi besesikolweni nanjengoko beye balandelelwa kwezi nkukacha-manani zilandelayo.



Umgangatho wokufumana imfundo

Izikolo zaseprayimari

Umgangatho wemfundo yasePrayimari uye walandelelwa ngeprogram yokuvavanyela inkqubo okwenziwa kuLwimi neMathematika yeBanga lesi-3, 6 nele-9 eNtshona Koloni kule minyaka ili-13 idlulileyo.

Ukususela ngo-2002 ukuya ngo-2009, iSebe iWCED iye yaqhuba iimvavanyo zolwimi nemathematika kubafundi beBanga lesi-3 nelesi-6, kumana kutsityiswa unyaka, ukwenzela ukulandelela inkqubela kwanokuqaphela iingxaki abanazo. Ngo-2010, iSebe iWCED liye labahlola okokuqala abafundi beBanga lesi-3 nelesi-6 lisenzela ukukhangela imeko yokufundwa kolwimi nemathematikakwisikolo ngasinye seli phondo. Oku ibikwakokokuqala abafundi beBanga le-9 behlolwa kumsetyenzana olingwayo wokufumana inqanaba elisisiseko. Ngo-2011, iSebe iWCED liye lalinyusa izinga lokucelwa umngeni kwengqiqo kwiimvavanyo zolwimi ukwenzela ukubeka awona mazinga aphantsi matsha empumelelo kweli phondo. Eyona nto iye yenziwa kukuba ezi mvavanyo zibe neetekisi ezindana nezinzinyana, ukwenzela ukuba imiba yovavanyo ihambelane nemiba esetyenziswa kwiimvavanyo zamazwe ngamazwe ezenziwa kula manqanaba.

Iimvavanyo zibhalwa ngoOkthobha wonyaka ngamnye zize iziphumo zisiwe ezikolweni kwiveki yokuqala yokuvulelwa ikota yokuqala kwezikolo. Ezi ziphumo ziye zisetyenziswe zizikolo ukucwangcisa izifundo zazo zonyaka kwanokwenza iziCwangciso zazo zoPhuculo lweSikolo kwaneethagethi zabo. Ngaphezulu, ezi ziphumo zisetyenziswa zizithili xa zicwangcisa inkxaso efanelekileyo yezikolo.

IziPhumo zeeMvavanyo zenkqubo yeBanga lesi-3, 6, nele-9 zaseWCED zango-2014/2015- IZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo												
	IBanga lesi-3				IBanga lesi-6				IBanga le-9			
	IMathematika		ULwimi		IMathematika		ULwimi		IMathematika		ULwimi	
	2014	2015	2014	2015	2014	2015	2014	2015	2014	2015	2014	2015
I-% yabapasileyo	54	57.6	42.4	42.4	30.4	37.7	37.9	36.8	14.9	22.2	47.6	53

Kupaswa ngo-50%, Ukususela ngo-2011, amanqaku ezi mvavanyo abonisa ukuphucuka kuwo onke amabanga kuzo zozibini ezi zifundo.

Ngo-2015, ukuHlola koNyaka kukaZwelonke akubhalwanga ngokwesicwangciso, ngenxa yokungavisani kweemanyano zabasebenzi neSebe leMfundo esisiSeko. Izikolo ezithile ziye zazibhala ezi mvavanyo kodwa iziphumo khange zifakwe ngokusesikweni yaye khange kulandelwe ulawulo lwazo lwesiqhelo.

ISatifiketi seMatrikhi sikaZwelonke

U-2015 ibingunyaka wesibhozo weemviwo zeSatifiketi seMatrikhi sikaZwelonke (iNSC). ISebe iWCED ifumene izinga lempumelelo elingu-84.7%. Kuphumelele abaviwa abangama-45 496, apho abangama-22 379 (i-41.7%) bapase ngendlela ebibavumela ukuba bafunde iprogram yeSidanga. Abafundi abangama-12 397 baphumelele iMathematika ngezinga lempumelelo eliphucukileyo elingu-74%. KwiPhysical Science, izinga lempumelelo lango-2015 ibe ngu-73.3%. Inani labaphumeleleyo libe ngama-8 813.

Uthelekiso lweziphumo zeNSC zeWCED zango-2010 - 2015						
UNyaka	Ababhalileyo	Abapasileyo	I-% yokupasa	Abapasele isiDanga	I-% yabapasele isiDanga	Izikolo ezinereyithi yokupasa e-<60%
2010	45 783	35 139	76.8	14 414	31.5	78
2011	39 988	33 146	82.9	15 215	38.1	30
2012	44 700	36 992	82.8	16 319	36.5	26
2013	47 636	40 558	85.1	19 477	40.9	23
2014	47 709	39 237	82.2	18 524	38.8	31
2015	53 721	45 496	84.7	22 379	41.7	27

ISebe iWCED lijonge ukwandisa inani labafundi ababhala baze baphumelele iimviwo zabo zeSatifiketi seMatrikhi sikaZwelonke. IziCwangciso zoPhuculo lweZithili zigxile kule nto yaye zibeka izicwangciso-nkqubo nezicwangciso zokuzifizekisa ngokufanelekileyo.

Iprogram yokulungisa

ISebe iWCED, libambisene namanye amasebe karhulumente kunye nemibutho yasekuhlaleni, benza iindlela zokuthibaza ifuthe lobuhlwempu nolwaphulo-mthetho ezifundweni ngeendlela ezine eziphambili:

1. Izikolo "ekuNgahlawulwa ziFizi kuzo" kunye nokuxolelwa kwabafundi abafunda kwizikolo ezihlawula iifizi, ukuba bangazihlawuli iifizi;
2. Ukunikwa kwabafundi ukutya ngeProgram kaZwelonke youTyiswa kwaBantwana eZikolweni (iNational School Nutrition Programme - iNSNP);
3. Izikim zokuthutha abafundi kunye
4. Neendlela zokhuseleko.

Amanani abafundi abebexhamla kwezi ndlela zenkxaso yentlalo ngo-2015 ngala alandelayo:

	2011	2012	2013	2014	2015
Abafundi abaxhamlayo kolu khetho lokungahlawulwa kweefizi (NQ 1-3). Okunye okufakiweyo ukususela ngo-2014: Lnani labanye abafundi (NQ4 no-NQ5) ababhengezwe bengazicelelanga ukuba abazi kuzihlawula iifizi	365 812	370 617	371 122	554 523	566 968
Abafundi abaxhamla ekuxolelweni ekuhlawuleni iifizi	48 063	69 940	90 506	103 988	73 342
Abafundi abaxhamlayo kwinkqubo yokutyisa ezikolweni (NQ 1-3) kunye nabeNQ 4 no-5 ezikhethwe ngokweemfuno	426 707	427 576	438 437	454 855	465 480
Abafundi basebenzisa isikimu sezithuthi ezisa abafundi ezikolweni	50 992	50 526	49 944	52 065	58 252

Ezi program ziza kuqhuba ngo-2016. Amanani abafundi abaxhamlayo aya kuxhomekeka kumanani ezikolo ezikwiNqanaba 1 -3 nakumanani ezicelo ezifakiweyo xa kuthethwa ngezintlu zabafundi abasiwa esikolweni ngezithuthi kunye nabaxolelwayo ekuhlawuleni iifizi.

Iimali ebekelwe i*Mimiselo nemiGangatho (Norms and Standards)* yolwabiwo-mali ezikolweni zilinganiselwa ngokweemfuno ukwenzela ukuba izikolo zabahlali abangathathi ntweni zabelwe imali engaphezulu. Izixa ezihlawulwe izikolo zikarhulumente "ngokomfundi ngamnye" kumaNqanaba kaZwelonke (National Quintiles) 1, 2 no-3 ziye zenziwa zalingana ngo-2013/14; ngamanye amazwi, izikolo ze-NQ 2 no-3 zifumana isixa-mali sifanayo nesezikolo eziku-NQ 1.

Izabelo zeethagethi zikazwelonke			
	2014/15	2015/16	2016/17
INqanaba 1	R1 059	R1 116	R1 144
INqanaba 2	R1 059	R1 116	R1 144
INqanaba 3	R1 059	R1 116	R1 144
INqanaba 4*	R 830	R 882	R 909
INqanaba 5*	R 317	R 334	R 345
* <i>lindleko eziphakathi kuzo zonke izikolo</i>			

Imeko yeefizi	Inani elipheleleyo lezikolo
Ezingabizi fizi	884
Izikolo ezibiza iifizi	572
Xa ewonke edibene	1 456

Ngo-2014, iye yandiswa iprogram yezikolo ezingahlawulisi zifizi. Izikolo ezingama-216, ezinabafundi abangama-172 541, ezikwiNqanaba 4 no-5 ziye zaba zizikolo "Ezingabizi Fizi", kuba ziye zafaka izicelo zokubekwa kwimeko yokungabizi fizi.

Izikolo ezibiza iifizi zesikolo zinokwenza isicelo sokubuyiselwa iintlawulo apho bangenako ukuhlawula iifizi abazali abaxolelweyo ekuhlawuleni iifizi. Ngo-2015, zizigidi ezingama-R43.7 ezihlawulelwe ukuxhasa ukuxolela abafundi abangama-73 342 bezikolo ezingama-548 ukuba bangazihlawuli iifizi.

IProjekthi yokuLingwa kwezikolo eziBambiseneyo

Iqela labaxhasi ngemali kunye nemibutho yenkxaso baye baya kwiSebe iWCED befuna ukuvavanya imodeli eyahlukileyo yezikolo ezingahlawulisi zifizi bekwafuna nokuncedisa ngokuyixhasa ngemali. Le ndlela iye yavelisa iprojekthi elingwayo ebizwa ngokuba "ziZikolo eziBambiseneyo".

Abantu esibambisene nabo abaqhuba le projekthi baza kuqinisekisa ngenkxaso eluqilima enikwa ootitshala neenqununu ezikolweni, loo nto isenziwa ngoqeqesho, izixhob ezongezelelweyo, ukubekwa esweni kunye nokusoloko kunikwa ingxelo. Inkxaso evela kwiSebe iWCED iza kudityaniswa naleyo inikwa ngabaxhasi bethu abaqhuba le projekthi, ngelixa izikolo ezibambiseneyo ziza kuqhuba nokufumana inkxaso-mali, iziseko zophuhliso kunye neenkonziso ezifana nezothutho nokutyiswa kwabafundi ezikolweni, ezo nkonziso zivela kwiSebe iWCED ngokwalo mgaqo-nkqubo wangoku.

Le projekthi yokulingwa kweZikolo eziBambiseneyo ijonge:

- ukuphucula umgangatho wemfundo kwizikolo zikarhulumente;
- ukubonisa iimodeli ezisebenzayo xa kubanjisenwe kwimfundo;
- ukomeleza ulawulo nokuthatha uxanduva kwezikolo zikarhulumente;
- ukuphuhlisa ootitshala; kunye
- nokufezekiswa kwamaphulo ongenelelo ajonge ekuphuculeni umgangatho wemfundo yezikolo zikarhulumente ezifundisa abantwana abasuka kwiindawo ezinoluntu olunemivuzo ephantsi.

Le projekthi ilingwayo yenziwa kuluhlu lwezikolo, ukususela kwezidala ukuya kwezitsha, ukususela eziprayimari ukuya ezisekondary, ukususela kwizikolo esele kukudala zabakhona ukuya kwezisandula kusekwa, isenzelwa ukunika obona bungqina buluncedo ekuza kuthathwa kubo izigqibo malunga nempumelelo yale projekthi ilingwayo. Le projekthi ilingwayo imiselwa ngokusesikweni ngezikolo ezi-5 apha ku-2016 yaye iza kuqhuba ithuba leminyaka emihlanu, ngokuxhomekeke kwindlela abaqhuba ngayo abo sibambisene nabo kunye nezikolo ezo.

Ngo-2015, iProgram kaZwelonke yokuTyisa eZikolweni (iNSNP) inike abafundi abangama 465 480 izidlo ezinesondo yonke imihla kwizikolo ezili-1023 ezichongiweyo zasePrayimari, eSekondari nezeMfundo eneeMfuno eziZodwa. Apha ku-2016 kuza kutyiswa abafundi kwizikolo ezingama-557 zaseprayimari ezikwiNqanaba 1 – 3, ezili-111 zasesekondari ezikwiNqanaba 1 – 3; izikolo ezingama-44 zeeMfundo ezizodwa zeMfundo kunye nabafundi abachongiweyo kwizikolo ezingama-311 zasePrayimari naseSekondari ezikwiNqanaba 4-5.

Izidlo zasemini eziphekiweyo ziquka irayisi, umngqusho, isoya minsi, intlanzi esetotini kunye nemifuno. Izidlo ezingaphekwa ziquka isonka esiqatywe ibhotolo nejem, iziselo ezinesondlo, iziqhamo nemifuno efanelekileyo. Kunikwa i-200ml yobisi kanye ngeveki. Ukususela ngonyaka-mali ka-2013/2014, iNSNP yeSebe iWCED ikwanike isidlo sakusasa kahlanu ngeveki. Ngo-2016/2017 siza kugxila ekwandiseni isondla sezidlo esizinika abantwana.

Iziko lemiNxeba yeZikolo eziKhuselekileyo lifumana ukuya kutsho kwiminxeba engama-20 000 ngonyaka, itsalwa ngabafundi, abazali nootitshala. Iminxeba emininzi icela ulwazi malunga nendlela yokujongana nezigrogriso ezithile, ulwazi olunxulumene neHIV AIDS, ukukhulelwa kwabafundi okanye iindlela ezilandelwayo xa kukho abangaziphathanga kakuhle. Eminye iminxeba inxulumene nokuxhatshazwa (ngokwasemzimbeni, emoyeni nokusetyenziswa kwenxa kwezinyobisi). Eli Ziko lemiNxeba leZikolo eziKhuselekileyo linika inkxaso ngokuqala licacisele umntu lowo kwi-intanethi, lize emva koko umntu lowo limdlulisele kwiingcebiso zaboluleki-ngqondo abaqeqeshiweyo, apho kuyimfuneko. Eli Ziko lemiNxeba linxulumana noluhlu lwabaniki beenkonzo abaxhasa iimfuno zabaxumi. Ngaphezulu, eli Ziko lemiNxeba likwanika inkxaso kwimiba enxulumene:

- IiMeko/iingxaki eziNgxamisekileyo eziquka ubuNdlombongela bemiGewu kunye noMothuko omkhulu
- Ulwaphulo-mthetho lwasesikolweni oluquka ulwaphulo-mthetho olunxulumene neepropati kunye nokuhlaselwa ngokwasemzimbeni nasengqondweni
- Iintlobo zonke zokuxhatshazwa
- Imibuzo gabalala

Le nto iza kuqhubeka nango-2016.

Zonke izikolo zinikwa inkxaso yokhuseleko. Kukho iindlela zokhuselo ezibekelwe ukujongana neemfuno kunye nemingcipheko emva kokugqitywa kophicotho-zincwadi olusisiseko. ISebe iWCED liza kunika iindlela zokhuselo olungundoqo kwizikolo ezichongiweyo ezingama-50 apha ku-2016. Ezinye izikolo ezininzi zikwancedwa ngenkxaso yoonogada basemasangweni. ISebe iWCED liza kwandisa iinkqubo zangethuba leeholide nasemva kokuphuma kwesikolo, loo nto isenziwa ngophuhliso lolutsha oluya kwenziwa ngokwakha nokuxhasa iiKlabhu zoLutsha lweZikolo eziKhuselekileyo. Le program yeZikolo eziKhuselekileyo emva kokuphuma kwesikolo iza kuhambelana kakhulu noPhuculo lweNdllela yokuSebenza yaseMva kokuPhuma kweSikolo kaRhulumente weNtshona Koloni.

Izikolo zigcinwa zikhuselekile kusetyenziswa iindlela zokhuseleko ezibonakalayo, ukuphathisana nabeeNkonzo zesiPolisa saseMzantsi Afrika, siXeko saseKapa (AmaPolisa nokuQinisekiswa kokuLandelwa koMthetho kwiMetro), kunye nokubandakanyeka koluntu ekukhuseleni izikolo. Ngaphezulu, iSebe iWCED, ibambisene namanye amasebe karhulumente kunye neSAPS, iza kuqhuba ukusetshwa nokohluthwa kwezinto ezingafanelekanga, ngokunjalo nokuvavanyelwa iziyobisi lprogram elingwayo, apho kusasazwe amaGosa eziXhobo zeZikolo eziKhuselekileyo wizikolo ezi-6 ngo-2013 ibambisene neCoCT (amaPolisa eMetro), iye yabonisa iinzuzo yaze yakhokelela kwisivumelwano esitsha sokuxhasa izikolo ezili-18 ukususela ngmhlaka woku-1 kuJuni ka-2016 kusenzelwa ukunika imeko ekhuselekileyo yokufuna nokufundisa.

Icandelo leZikolo eziKhuselekileyo lisebenzisa iindlela zokulwa nolwaphulo-mthetho eziquka:

- UkuSonjululwa kweeNgxabano
- Uqeqeshelo lokuLawula iintlekele/iOHSA
- Ukusetyenziswa gwenxa kweziyobisi
- Ukulwa nokuvuyelelwa kwabanye
- UPuhliso lweMfundo
- Uqeqeshelo loNcedo lokuQala
- AmaPhulo oKwazisa / okuQuquzelela uKhuseleko

Ngokophando olwenziwe yiUNODC (2012) malunga nokusetyenziswa gwenxa kweziyobisi, ukuziphatha ngendlela ebabeka esichengeni kunye nempilo yasengqondweni yabafundi bebanga lesi-8-10 eNtshona Koloni, i-44% yabafundi bebanga le-10 bayazibandakanya kwisondo, i-27.6% yolutsha olusesikolweni itshaya rhoqo, i-22.4% yolutsha olusesikolweni lusela rhoqo, i-10% isebenzisa intsangu rhoqo ize i-2.5% isebenzise iziyobisi ezinzima. Ikharithulam yeZakhono zoBomi esezikolweni kunye neeprogram ezenziwa neSebe lezeMpilo, elemiCimbi yenKcubeko nezemiDlalo kunye nezoPuhliso loLuntu aya kunika iphulo longenelelo oludibeneyo nolujoliswe ekulweni neengxaki zentlalo kunye nefuthe lazo elibi emakhayeni nakubafundi. Iinkcukacha zikwisiCwangciso sokuSebenza sePhondo sika-2015 - 2019 phantsi kweNjongo ePhambili yePhondo yesi-3: *Ukwandiswa kokuba sempilweni, ukhuseleko nokujongana neengxaki zentlalo.*

Isikimu sokuthuthwa kwabafundi sinika ibhasi yokusa nokulanda esikolweni abafundi abamalunga nama-55 000, ngokukodwa abeendawo zasezilalini. Ukulawulwa ngononophelo lwale sistim kubalulekile ekuqinisekiseni ngokhuseleko lwabafundi. Umgqaq-nkqubo unika ukuthuthwa kwabafundi abasuka ezilalini nabaphala kude kangangeekhilomitha ezi-5 nangaphezulu ukusuka kwisikolo esifanelekileyo. Ukukhula okuqhubekayo kwamanani abafundi kusaqhuba nokuchaphazela iimfuno. Xa kungoku zingama-531 iindlela zesi sikim sokuthuthwa kwabafundi, ngakumbi ezilalini. Ngo-2016 kuza kugxininiswa ekuqinisekiseni ezi ndlela kunye nenani labafundi abafanele esi sikim kwanokujonga eyona ndlela ingcono yokujongana neemfuno zeendawo zokufunda kunye nezothutho.

4.2. Imeko yomsebenzi (organisational environment)

ISebe iWCED lijonge ekunikeneni iinkonzo ezijongana neengxaki nezigqibeleleyo kwanokuphucula iinkqubo neesistim zokwenziwa komsebenzi weli Sebe. UNdlunkulu kunye neeofisi ezisibhozo zezithili zeWCED zilungiswe zayilelwa ukunika inkonzo nenkxaso ekhawulezileyo negqibeleleyo ezikolweni nakootitshala.

Iziseko zophuhliso nezixhobo ezizimfuno zesebe

Imfuno zeziseko zophuhliso

Iiofisi zangoku zeSebe iWCED zimi ngolu hlobo:

UNdlunkulu	Isakhiwo esingundoqo sikaNdlunkulu sikwiSakhiwo esiseMbindini weDolophu (iGrand Central Building). Kodwa ke, inani elikhulu labasebenzi lisezifisini eziseGolden Acre.	Zozibini ezi zakhiwo ziipropati ezirentwayo. IOfisi kaNondyebo wePhondo ivume iNtsebenziswano kaRhulumente namaQumrhu abuCala (iPublic Private Partnership) ukuba kwakhiwe iOfisi entsha kaNdlunkulu weSebe iWCED, ekufutshane nendawo enepalamente. Le ofisi intsha iza kwenza ukuba bonke abasebenzi bakandlunkulu babe kwisakhiwo esinye.
IiOfisi zeZithili	Zisibhozo iiofisi zeZithili: <ol style="list-style-type: none"> 1. yiMetro North (eParow) 2. iMetro South (eMitchell's Plain) 3. iMetro Central (eMaitland) 4. iMetro East (eKuilsvier) 5. iWest Coast (ePaarl) 6. iCape Winelands (eWorcester) 7. iEden-Central Karoo (eGeorge) 8. iOverberg (eCaledon) 	ISakhiwo esiseGeorge sisakhiwo esirentwayo. Kungekudala, iSebe iWCED liza kuthuthela eYork Building, neyipropati yephondo. Amalungiselelo okwakhiwa kweofisi yesithili entsha eMetro South sele ekhathulwe. Xa kungoku, isiza esiseOttery sikwinqubo yokucandwa ngokutsha. Kukho izicwangciso zexesha elide zokuthutha iOfisi yaseWest Coast isuke ePaarl iye eMalmesbury.
IiNdawo zokuNikwa kweenkonzo	Izikolo nazo zikwanikwa iinkonzo ziindawo ezahlukeneyo zokunika iinkonzo, uninzi lwazo ezikwizithili ezisezilalini. Kukho iindawo zokunikwa kweenkonzo ezi kwezi ndawo: <ol style="list-style-type: none"> 1. eFish Hoek 2. eLentegeur (eMitchell's Plain) 3. eStellenbosch (iyarentwa) 4. ePaarl 5. eSwellendam 6. eKnysna (iyarentwa) 7. eVredenburg (iyarentwa) 8. eVredendal 9. eRiversdale (iyarentwa) 	<ol style="list-style-type: none"> 10. eRobertson (eThusong Centre) 11. eMossel Bay 12. eOudtshoorn 13. eClanwilliam 14. eCeres 15. eMalmesbury 16. ePiketberg (iyarentwa) 17. eOttery Injongo yezi ndawo zokunikwa kweenkonzo kukusondeza iinkonzo kufutshane nabaxumi beSebe iWCED (abazali/izikolo/ootitshala).
Ezinye izakhiwo	iEdulis – iinkonzo zelayibrari. Kwindawo erentwa eBellville	Ukwakhiwa kwesakhiwo esitsha seEdulis kwikhampasi yaseCTLI kuza kuqala ngo-2016/17.
	IEdumedia - eMowbray.	

limfuno zezixhobo

Amagosa eSebe iWCED asebenzisa izixhobo zesiqhelo zasekhompyutheni ezisenewaranti nezihambelana nemigangatho yeICT yeziko, iSebe iWCED kufuneka liqinisekise ukuba izixhobo zomsebenzisi wekhompyutha ziyahambelana nemigangatho yeWCG yaye zihlaziywa rhoqo kumjikelelo weminyaka emithathu ngokuhambelana nomgaqo-nkqubo wokuNikwa kweziXhobo. Kwabiwe ibhajethi yeR7.34m yohlaziya izixhobo zesiqhelo zeICT yeziko (iikhompyutha eziziidesktophu, iilephutophu ezincinci (iinodebook) neeprinta) kulo nyaka-mali ka-2016/17. Ngo-2016 kuza kuhlaziywa malunga needesktophu ezingama-285, iilephutophu ezi-5 neeprinta ezingama-380.

ULungiselelo (Provisioning) lweMfundo

I-WCED inesebe lezemfundo lephondo (iprovincial ministry of education), elikhokelwe nguMphathiswa weMfundo weNtshona Koloni, undlunkulu wephondo, ii-ofisi zesithili kunye namaziko emfundo, kuquka izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezemfundo eneemfundo ezizodwa kunye namaziko eECD.

Ezi theyibhile zingezantsi zibonisa inani labasebenzi kunye nezithuba zomsebenzi ezikwiSebe iWCED ekupheleni kukaDisemba ka-2015. Kufuneka kuqatshelwe ukuba la manani ayatshintsha-tshintsha, ngokuxhomekeke kwelo xesha lonyaka.

Ukuqeshwa nezithuba ngokweProgram, ngowama-31 kuDisemba ka-2015							
Iqela laBasebenzi	IProgram	Inani lezithuba ezixhaswa ngemali	Izithuba ezingaxhaswa ngemali	Inani lezithuba ekuQeshiweyo kuzo	I-% yeReyithi yezithuba	Inani labantu abagqithisweyo kwababewe ukuqeshwa kwiziko	Inani elipheleleyo labasebenzi
Bonke abasebenzi	IProgram 1	2 083	54	1 875	10	34	1 909
	IProgram 2	34 859	20	35 146	0	225	35 371
	IProgram 3	0	0	0	0	0	0
	IProgram 4	2 931	5	2 799	5	23	2 822
	IProgram 5	15	0	163	0	0	163 *
	IProgram 6	0	0	8	0	0	Eyesi-8
	IProgram 7	183	7	170	7	5	175
	Ewonke	40 071	86	40161	0	287	40 448
Ootitshala	IProgram 1	716	7	675	6	19	694
	IProgram 2	28 598	1	28 955	0	133	29 088
	IProgram 3	0	0	0	0	0	0
	IProgram 4	1 837	0	1809	2	13	1 822
	IProgram 5	15	0	163	0	0	163 ³
	IProgram 6	0	0	0	0	0	0
	IProgram 7	49	0	57	0	5	62
	Ewonke	31 215	8	31 659	0	170	31 829
beNkonzo zikaR	IProgram 1	1 367	47	1 200	12	15	1 215
	IProgram 2	6 261	19	6 191	1	92	6 283

• ³ IProgram 5: Izithuba zootitshala: bepri-prayimari ziyapheliswa nje ukuba kungabikho bantu baqeshwayo kuzo. ISebe iWCED lamkele ngokusemthethweni umgaqo-nkqubo ezithi ngawo iimali ezinxulumene nezithuba ezishiywe ngabantu endaweni zazo kungenalawulo yenkxaso-mali (subsidy payment) kwiinzame zokudala amaziko okufunda amaninzi abafundi boPhuhliso lweMfundo yaBasaqalayo (Early Childhood Development). Ootitshala abali-163 abakwiprogram 5 ngaBasebenzi bePri-prayimari. Aba basebenzi bahlawulwa kwizithuba ezigqithisileyo kwezo zabelwe ukuqeshwa kwiziko.

Ukuqeshwa nezithuba ngokweProgram, ngowama-31 kuDisemba ka-2015							
IQela laBasebenzi	IProgram	Inani lezithuba ezixhaswa ngemali	Izithuba ezingaxhaswa ngemali	Inani lezithuba ekuQeshiweyo kuzo	I-% yeReyithi yezithuba	Inani labantu abagqithisiweyo kwababelwe ukugqeshwa kwiziko	Inani elipheleleyo labasebenzi
	IProgram 3	0	0	0	0	0	0
	IProgram 4	1 094	5	990	10	10	1 000
	IProgram 5	0	0	0	0	0	0
	IProgram 6	0	0	8	0	0	8
	IProgram 7	134	7	113	16	0	113
	Ewonke	8 856	78	8 502	4	117	8 619

Ukuqeshwa nezithuba ngokwamaNqanaba eMivuzo, ngowama-31 kuDisemba ka-2015							
Icandelo lomvuzo	Inani lezithuba ezixhaswa ngemali	Izithuba ezingaxhaswa ngemali	Inani lezithuba ekuQeshiweyo kuzo	I-% yeReyithi yezithuba	Inani labantu abagqithisiweyo kwababelwe elo ziko (Ngaphandle kwabasebenzi)	Inani elipheleleyo labasebenzi	
Bonke abasebenzi	AbaneZakhono eziseZantsi (iNqanaba loMvuzo (SL) 1-2)	3 098	23	3 220	0	25	3 245
	Abanezakhono (iNqanaba loMvuzo 3-5)	4 211	18	3 856	8	54	3 910
	Abanezakhono eziphezulu zokuvelisa (iNqanaba lemiVuzo 6-8)	28 627	30	29 386	0	158	29 544
	AbaQwalaseli abaneZakhono eziPhezulu (iNqanaba lemiVuzo 9-12)	4 090	15	3 654	11	48	3 702
	AbaPhathi abaPhezulu (iNqanaba 13-16)	45	0	45	0	2	47
	Ewonke	40 071	86	40 161	0	287	40,448
	Ooifitshala	AbaneZakhono eziseZantsi (iNqanaba loMvuzo (SL) 1-2)	0	0	0	0	0
AbaneZakhono (iNqanaba loMvuzo (SL) 3-5)		0	0	0	0	0	0
Abanezakhono eziphezulu zokuvelisa (iNqanaba lemiVuzo 6-8)		27 373	1	28 215	0	127	28 342
AbaQwalaseli abaneZakhono eziPhezulu (iNqanaba lemiVuzo 9-12)		3 842	7	3 444	Eye-10	43	3487
AbaPhathi abaPhezulu (iNqanaba 13-16)		0	0	0	0	0	0
Ewonke		31,215	8	31 659	0	170	31,829

Ukuqeshwa nezithuba ngokwamaNqanaba eMivuzo, ngowama-31 kuDisemba ka-2015							
	Icandelo lomvuzo	Inani lezithuba ezixhaswa ngemali	Izithuba ezingaxhaswa ngemali	Inani lezithuba ekuQeshiweyo kuzo	I-% yeReyithi yezithuba	abagqithisileyo kwabo babelwe elo ziko (Ngaphandle kwabaSebenzi	Inani elipheleleyo labasebenzi
ABasebenzi beenkonzozo zikaRhulumente	AbaneZakhono eziseZantsi (iNqanaba loMvuzo (SL) 1-2)	3,098	23	3,220	0	25	3,245
	AbaneZakhono (iNqanaba loMvuzo (SL) 3-5)	4,211	18	3,856	8	54	3,910
	Abanezakhono eziphezulu zokuvelisa (iNqanaba lemiVuzo 6-8)	1 254	29	1 171	7	31	1 202
	AbaQwalaseli abaneZakhono eziPhezulu (iNqanaba lemiVuzo 9-12)	248	8	210	15	5	215
	AbaPhathi abaphazulu (iNqanaba lemiVuzo 13-16)	45	0	45	0	2	47
	Ewonke	8,856	78	8,502	4	117	8,619


Ubume bezithuba buqhotyoshelwe njengesihlomelo G.

Amandla nobunzima bokwenza umsebenzi

Izikolo zancedwa ngamaqela amagosa ezithili anezakhono namava. Uninzi lomsebenzi wabo usekelwe kwiprogram yokuBekwa eSweni koPhuculo lweZikolo uze uxhaswe ngamacandelo afanelekileyo kaNdlunkulu. Uphando lonyaka loKwaneliseka kwabaXumi lukhangela lukwalandelela iingxelo ezivela ezikolweni malunga neenkonzozo ezininzi kwisiSebe iWCED yaye kwenziwa zonke iinzame zokujongana nabo nabuphi ubuthathaka obuthe baqatshelwa. ISebe iWCED likwinkqubo yokubuyela kwimodeli yokunikwa kweenkonzo kwizithili zezemfundo ngokuhambelana neengcaciso ezintsha zezithuba zemisebenzi zikazwelonke.

Ukusasazwa kwezikolo

Indlela ezahlulwe ngayo izikolo iboniswe apha ngezantsi



4.3. UkuHlaziywa kwemithetho neZinye iziGunyaziso

Ngowesi-8 kuJanyuware ka-2013, uMphathiswa weMfundo esisiSeko wamisela imiGaqo eNxulumene neyona Mimiselo nemiGangatho iphantsi iFanayo kwiziseko zophuhliso zeZikolo zikaRhulumente (iRegulations Relating to Minimum Uniform Norms and Standards for Public School Infrastructure), kwiGazethi kaRhulumente enguNamba 36062 ukuze uluntu luhlomle. Le Mimiselo yabhengezwa ngokweCandelo 5A(1)(a) loMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (iSouth African Schools Act), 1996 (uMthetho wama-84 ka-1996). Emva kopapasho lokuqala imiGaqo ehlaziyiweyo enxulumene neyona Mimiselo nemiGangatho iphantsi kwiziseko zophuhliso zeZikolo zikaRhulumente (irevised Regulations relating to Minimum Uniform Norms and Standards for Public School Infrastructure) iye yapapashelwa ukuba uluntu luhlomle, kwiGazethi kaRhulumente enguNamba 36837 yomhlawe-12 kuSeptemba ka-2013. Emva kokuqwalaselwa kwezimvo zoluntu neengxoxo kunye noMphathiswa wezeMali, uMphathiswa weFundo esisiSeko uye wayimisela le miGaqo eNxulumene neyona Mimiselo nemiGangatho iphantsi kwiziseko zophuhliso zeZikolo zikaRhulumente (iRegulations Relating to Minimum Uniform Norms and Standards for Public School Infrastructure), njengoko ipapashwe kwiGazethi kaRhulumente enguNamba 37081 ngomhla wama-29 kaNovemba ka-2013.

INkcazelo yeKharithulam yeSizwe iBanga R-12 (iNational Curriculum Statement Grade R - 12) inala maxwebhu: (a) INkcazelo yePolisi yeKharithulam nokuHlola (iCurriculum and Assessment Policy Statement) yazo zonke izifundo ezivunyiweyo, (b), iNational Policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grade R - 12, kunye (c) neNational Protocol for Assessment Grades R - 12. ICurriculum and Assessment Policy Statement (iCAPS) icacisa ixesha lokufundisa lesifundo

ngasinye, ikhontenti, izakhono, izixhobo zokuxhasa ukufunda nokufundisa (iILTSM) eziyimfuneko nomlinganiselo wobungakanani bamanqaku ovavanyo nemigqaliselo kuxwebhu olunye. I-CAPS iqaliswe kwisiGaba esisisiSeko nakwiBanga le-10 ngo-2012, yaye iya kuphunyezwa kwiSigaba esiPhakathi nakwiBanga le-11 ngo-2013, nakwiSigaba saBadala nakwiBanga le-12 ngo-2014.

Ngomhla we-19 kuNovemba 2014 iSebe leMfundo esisiSeko lipapashe isimemo seziphakamiso ezibhaliweyo ezivela kumaqumrhu amaqela achaphazelekayo kunye noluntu ngokubanzi, apho kuhlomlwa malunga noxwebhu lomgaqo-nkqubo elithi, *National Policy Pertaining to the Programme and Promotion Requirements of the National Curriculum Statement Grade R - 12* kwiGazethi kaRhulumente enguNamba 38226, apho bekujongwe ukuhlalutya la xwebhu lomgaqo-nkqubo alandelayo: (a) *National Policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12*, ebhengezwe njengeSaziso sikaRhulumente esinguNamba 1115 no-1116 kwiGazethi kaRhulumente enguNamba 36042, yomhla wama-28 kuDisemba ka-2012 (iShedyuli yoku-1); kunye noluthi (b) *National Policy pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate Examination* (iShedyuli yesi-2).

Kwangokufanayo, kukhutshwe isimemo seziphakamiso ezivela kumaqumrhu amaqela achaphazelekayo kunye noluntu ngokubanzi, apho kuhlomlwa malunga nemiGaqo esaYilwayo yoHlaziyo lweNkcazelo yeKharithulam yeSizwe yeBanga R-12 (iDraft Amendment Regulations pertaining to the National Curriculum Statement Grades R-12), simemo eso sapapashwa liSebe leMfundo esisiSeko kwiGazethi kaRhulumente enguNamba 38225, yomhla we-19 kuNovemba ka-2014, apho bekujongwe ukuhlaziya: (a) *iNational Policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12*, ebhengezwe njengeSaziso sikaRhulumente esinguNamba 1114 no-1116 kwiGazethi kaRhulumente enguNamba 36041, yomhla wama-28 kuDisemba ka-2012 (iShedyuli yoku-1); kunye noluthi (b) *National Policy pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate Examination* (iShedyuli yesi-2).

UMphathiswa weMfundo esisiSeko, esebenza phantsi kwecandelo 4(1) loMthetho wokuSetyenziswa kweelwimi eziseMthethweni (iUse of Official Languages Act) ka-2012 (uMthetho we-12 ka-2012), upapashe iinjongo zakhe zokuvuma umgaqo-nkqubo wolwimi weSebe leMfundo esisiSeko kwiSaziso sikaRhulumente esinguNamba 38679, somhla wesi-7 kuEpreli ka-2015 waza wacela ukufakwa kweziphakamiso ngamaqela achaphazelekayo kunye noluntu gabalala olunomdla. Lo mgaqo-nkqubo usayilwayo uquka imiba efana nokusetyenziswa kweelwimi ezisemthethweni liSebe leMfundo esisiSeko, ukuxhotyiswa kwabasebenzi ngezakhono, ukunxibelelana noluntu ngolwimi abazikhethela lona olungeyonxalenye yeelwimi ezisemthethweni zeRiphabliki yaseMzantsi Afrika, ukunxibelelana noluntu jikelele ngolwimi abalukhethayo oluluLwimi loMjeku (iSouth African Sign Language) kunye neendlela zokufaka izikhalazo.

Isimemo seziphakamiso ezibhaliweyo ezivela kumaqumrhu amaqela achaphazelekayo kunye noluntu jikelele siye sapapashwa ngomhla wesi-5 kuMeyi ka-2015 nguMphathiswa weMfundo esisiSeko kwiGazethi kaRhulumente enguNamba 38763, iSaziso sikaRhulumente esingu-395 ka-2015, simemo eso besixela injongo yokuvuma uMgaqo-nkqubo oYilwayo weSebe leMfundo esisiSeko malunga neHIV, iISTI neTB (Draft Policy of the Department of Basic Education on HIV, STIs and TB) ngokweccandelo 3(4)(a) loMthetho wemiGaqo-nkqubo yeMfundo kaZwelonke (iNational Education Policy Act), ka-1996 (uMthetho wama-27 ka-1996). Lo mgaqo-nkqubo uyilwayo unemimiselo ekhokelayo nemixholo yomgaqo-nkqubo efana nemeko eyamkelayo, ukuthintela, unyango, ukhathalelo, ulungiso-ngqondo kunye nenkxaso, ukujongana namafuthe, imiba yasemsebenzini kunye nokulawulwa kwendlela ophendula ngayo umgaqo-nkqubo ngokweHIV, iISTI kunye neTB.

Isimemo seziphakamiso ezibhaliweyo ezivela kumaqumrhu amaqela achaphazelekayo kunye noluntu jikelele malunga nokuHlaziywa okuYilwayo koMgaqo-nkqubo wokuQhutywa, ukuPhathwa nokuLawulwa kweeMviwo zeSatifiketi seMatrikhi (*iDraft Amendment Policy pertaining to the Conduct, Administration and Management of the Senior Certificate Examination*) siye sapapashwa kwiGazethi kaRhulumente enguNamba 38771 ngomhla wama-25 kuMeyi ka-2015, iSaziso sikaRhulumente esingu-410, sipapashwa nguMphathiswa weMfundo esisiSeko. Olu hlaziyo luyilwayo lupapashiweyo beluquka ukuhlaziywa koMgaqo-nkqubo kaZwelonke wokuQhutywa, ukuPhathwa nokuLawulwa kweeMviwo zeSatifiketi seMatrikhi olupapashwe ngeSaziso sikaRhulumente esinguNamba 1081 kwi Gazethi kaRhulumente enguNamba 26789 yomhla we-17 kuSeptemba ka-2004 lwaza lwahlaziywa njengeSaziso sikaRhulumente isinguNamba 827 kwiGazethi kaRhulumente enguNamba 30267 yomhla wesi-7 kaSeptemba ka-2007; kunye nakwiSaziso sikaRhulumente esinguNamba 1151 kwiGazethi kaRhulumente enguNamba 31535 yomhla wama-31 kuOkthobha ka-2008.

ISebe leMfundo esisiSeko lipapashe isaziso kwiGazethi kaRhulumente enguNamba 38820 yomhla wama-25 kuMeyi ka-2015, iSaziso sikaRhulumente esingu-435, apho kuye kwaniwa imvume yesimemo seziphakamiso ezibhaliweyo ezivela kumaqela achaphazelekayo malunga nale *Draft Amendment Policy pertaining to the Conduct, Administration and Management of the Senior Certificate Examination*, ngokwecandelo lama-27 loMthetho weMfundo Gabalala neQhubekayo kunye nokuQinisekiswa komGangatho woQeqesho (*iGeneral and Further Education and Training Quality Assurance Act*), ka-2001 (uMthetho wama-58 ka-2001). ImiGaqo eYilwayo iza kuhlaziya amacandelo athile ale migaqo ngokufakelwa kwemiba emitsha kunye nokucinywa kwamacandelo apheleleyo alawula ukukhutshwa kwezatifikethi liBhunga lokuQinisekisa ngomGangatho kwiMfundo Gabalala kunye neMfundo noQeqesho oluQhubekayo.

Ngokwecandelo 3(4)(l) kunye nelesi-7 loMthetho weMfundo kaZwelonke (*iNational Education Act*), ka-1996 (uMthetho wama-27 ka-1996) uMphathiswa weMfundo esisiSeko uye wabiza iziphakamiso ezibhaliweyo ezivela kumaqela achaphazelekayo malunga noMgaqo-nkqubo kaZwelonke wokuQhutywa, ukuPhathwa nokuLawulwa kokuHlola koNyaka kukaZwelonke (*iNational Policy on the Conduct, Administration and Management of the Annual National Assessment (ANA)*). Olu xwebhu lomgaqo-nkqubo luza kuba sisiseko aza kusisebenzisa uMphathiswa weMfundo esisiSeko ukubeka imimiselo nemigangatho, ngokunjalo neenkqubo kunye neenkqubo ezilandelwayo xa kuqhutywa, kuphathwa kukwalawulwa ukuhlola konyaka kukazwelonke (iANA), okuyinxalenye yempumelelo yomfundi njengoko kuxeliwe kwicandelo 6A(2) loMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (*iSouth African Schools Act*) ka-1996 (uMthetho wama-84 ka-1996). Ngoko ke lo mgaqo-nkqubo uza kusebenza kuzo zonke izikolo zikarhulumente nezizimeleyo.

NgokoMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo kaZwelonke (*iNational Education Policy Act*), ka-1996 (uMthetho wama-27 ka-1996) kunye noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (*iSouth African Schools Act*) ka-1996 (uMthetho wama-84 ka-1996) uMphathiswa weMfundo esisiSeko uye wapapasha isimemo seziphakamiso ezibhaliweyo ezivela kumaqumrhu amaqela achaphazelekayo kunye noluntu ngokubanzi, behlomla malunga nemiGaqo eNxulumene neyona Mimiselo nemiGangatho iphantsi iFanayo yamaZiko oPhuhliso lweetitshala ePhondo kunye namaZiko oPhuhliso lweTitshala eSithili eMzantsi Afrika (*iDraft Regulations Relating to Minimum Uniform Norms and Standards for Provincial Teacher Development Institutes and District Teacher Development Centres In South Africa*) kwiGazethi kaRhulumente enguNamba 39038, iSaziso sikaRhulumente esingu-657, somhla wama-31 kuJulayi ka-2015. Injongo yale migaqo iyilwayo kukunika umgaqo-sikhokelo olawulayo wokujongana nemiba engundoqo enxulumene neendima zamaziko ephondo kunye namaziko esithili ekuthethwe ngawo kolu xwebhu, ngokukodwa kwiziseko zophuhliso kunye nezixhobo zokusebenza, ukuqeshwa kwabasebenzi, ukuphathwa nokulawulwa kwakunye nenkxaso-mali.

ISaziso esingu-482, esipapashwe kwiGazethi kaRhulumente engu-38822 yomhla wama-29 kuMeyi ka-2015, besixela injongo yoMphathiswa weMisebenzi kaRhulumente (Public Works) yokuhlaziya imiGaqo yoPhuhliso loShishino loKwakha (iConstruction Industry Development Regulations), epapashwe phantsi kweSaziso sikaRhulumente esingu-692, somhla we-9 kuJuni ka-2004.

Amaphulo ongenelelo ngoncedo amatsha ephondo

ISebe leNkulumbuso lincele ukuba iSebe leMfundo esisiSeko leNtshona Koloni lihlomle malunga noMthetho oYilwayo wokuHlaziya iZiko laseMzantsi Afrika lezemiDlalo ezingaSebenzisi ziYobisi (iSouth African Institute for Drug-free Sport Amendment Bill). Lo Mthetho wokuHlaziya uYilwayo uza kuhlaziya uMthetho wamaZiko aseMzantsi Afrika ezemiDlalo ezingaSebenzisi ziYobisi (iSouth African Institute for Drug-free Sport Act), ka-1997 (uMthetho we-14 ka-1997).

UMthetho weMfundo yeSikolo wePhondo leNtshona Koloni (iWestern Cape Provincial School Education Act) ka-1997 (uMthetho we-12 ka-1997) (lo Mthetho) uqale ukusebenza ngomhla we-16 kuJanyuwari ka-1998 yaye uhlaziyo lokuqala lalo Mthetho luey lwavunywa ngomhla wesi-6 kuDisemba ka-2010. Imigaqo emininzi ekulo Mthetho sele ingenandima iyidlalayo eminye ayisanantsingiselo, nanjengoko ingasahambelani nemithetho emitsha eMzantsi Afrika.

UMthetho wokuHlaziya oYilwayo ka-2016 ujonge ukulungelelanisa loMthetho ukwenzela ukuba ulungisele uphuhliso oluthile lwemimgaqo-nkqubo ngokwemeko yangoku yemfundo. Ngaphezulu, uza kulungiselela uhlaziyo oluyimfuneko apho imfundo sele yahlulwe yangamaqumrhu amabini ohlukeneyo, iMfundo esisiSeko kunye neMfundo ePhakamileyo. Uza kuhlaziya iingcaciso ezithile, ukuqoka iingcaciso ezintsha yaye uza kulungisa iimpazamo ezithile, ezifana neentetho eziphelelewe lixesha.

ImiGaqo ngokoMthetho weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, ka-1997 (uMthetho we-12 ka-1997), yenziwe ngolu hlobo:

ImiGaqo yokuKhutshwa kwezalathi zeNtsebenzo eziBophelelayo kwiZikolo zikaRhulumente (Issuing of Performance Indicators Binding on Public Schools), ka-2015 ivunye nguMphathiswa wePhondo ojongene neMfundo eNtshona Koloni ngomhla we-18 kuMeyi ka-2015 yaza yapapashwa kwiGazethi eKhethekileyo yePhondo enguNamba 7399, yomhla wesi-2 kuJuni ka-2015. Le miGaqo ihtunyelwe kwizikolo zikarhulumente ziphantsi kweSetyhula 0036 ka-2015, yomhla wama-29 kuJuni ka-2015. Le miGaqo ibeka izibonisi zezikolo zikarhulumente ukwenzela ukubeka esweni nokuhlola intsebenzo ngokwasezifundweni kwizikolo zikarhulumente ukwenzela ukunceda iSebe libe nako ukuncedisa, licebise yaye linike inkxaso efunekayo ukunceda ezo zikolo zikarhulumente zichaphazelekayo ziqhube bhetele ezifundweni.

Uxwebhu iDetermination of the Functions and Procedures for the Establishment and Election of Representative Councils of Learners at Public Schools luye lwapapashwa ngomhla we-13 kuOkthobha ka-2014 kwiGazethi eKhethekileyo yePhondo (Provincial Gazette Extraordinary), Namba 7317. Luye lwadluliselwa ezikolweni ngeSetyhula 0001 ka-2015. Ngaphandle kokubekwa kwemisebenzi neenkqubo emazilandelwe ekusekweni nasekunyulweni kwamaBhunga aMele abaFundi, olu xwebhu luphinde lwanika nendima kunye nemisebenzi yeGosa loNxulumano lweTitshala kunye nemisebenzi eliza kuyenza njengeGosa loNyulo lokunyulwa kweBhunga eliMele abaFundi esikolweni.

ImiGaqo enxulumene nokuBhengezwa kweMidla yobuQu yamaLungu eeBhodi eziLawulayo ekuThengweni kweMpahla neeNkonzo zeZikolo zikaRhulumente (iRegulations relating to the Declaration of Personal Interest of Members of Governing Bodies in the Procurement of

Goods and Services for Public Schools) ibhengezwe kwiGazethi eKhethekileyo yePhondo enguNamba-7179, yomhla we-18 kaNovemba ka-2013, yaye isiwa ezikolweni ngeSetyhula enguNamba-0052 ka-2013 ukuze ifezekiswe ngo-2014. Ezi ziBhengezo ziseka iprothokholi yamalungu ebhodi elawulayo ukuba axele imidla yawo yobuqu xa ejongene nemiba enxulumene nokuthengwa kwempahla neenkonzozo zezikolo, ngokwenjenjalo elawula ukungqubana kwemidla phakathi kwelungu nesikolo.

Ngo-2003, uRhulumente wePhondo leNtshona Koloni lenze umgaqo-nkqubo wokutshaya wephondo oobizwa ngokuba nguMgaqo-nkqubo woLungiselelo lwePhondo leNtshona Koloni (iSmoking Policy of the Western Cape Provincial Administration). Ngenxa yokuhlaziywa kwemithetho enxulumene nokutshaya kwiindawo zikawonke-wonke obekusoloko kusenziwa, iSebe leMfundo leNtshonaKoloni lenze umgaqo-nkqubo oyilwayo weli Sebe kuphela. Olu xwebhu luyilwayo lusiwe kuwo onke amaSebe akuNdlunkulu kunye neeofisi zezithili ukuze kuphawulwe malunga nalo. Olu webhu luye lwagqitywa lwaza lwalungiselelwa ukuvunywa nguMphathiswa wePhondo ojongene neMfundo. UMgaqo-nkqubo wokuTshaya weSebe iWCED (iWCED Smoking Policy), ka-2015 uvunywe nguMphathiswa ngomhla we-15 kuDisemba ka-2015 waza wasasazelwa phantsi kweSetyhula 0001/2016.

Imigaqo ka-2011 enxulumene neBhunga leMfundo lePhondo leNtshona Koloni ihlaziyiwe. Olu hlaziyo luza kulawula ngokutsha amalungu eBhunga leMfundo kunye nokunikwa koMphathiswa wePhondo ingxelo ecebiso . Uhlaziyo luka-2015 lupapashwe ngomhla we-11 kuDisemba ka-2015.

5. Amaphulo ongenelelo neenkqubo ezicwangcisiweyo

ISebe iWCEDI iza kugxila kuPhuhliso neNkxaso yooTitshala nakuLawulo nokuPhathwa kweZikolo (iSchool Management and Governance), ekufezekiseni iinjongo ezi-3 zemfundo yephondo, ezizezi

- Ukuphucula umgangatho kulwimi nemathematika kuzo zonke izikolo
- Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwabo kwiSatifikethi seMatrikhi sikaZwelonke;
- Ukunyusa umgangatho wokunikwa kwemfundo kwiindawo ezihlupheke kakhulu

Kuza kunikwa iitekstibhukhu neziseko zophuhliso ngokubambisene nokwandiswa kwe-e-learning.

Inkxaso nokuthatha uxanduva olusekelwe kwizigqibo noluphendula kwizinto ezithile ziya kuba zezona zinto kujongwe kuo kule minyaka mine izayo, kungayekwanga ukusetyenziswa nokwandiswa kwesistim yokulungiselela okusebenzisa i-intanethi (ie-administration system) kunye neziCwangciso zoPhuculo lweZikolo noPhuculo lweZithili kwakunye nokuBekwa eSweni koPhuculo lweZikolo.

Ukucwangcisa okuxhomekeke kwidatha kuza kukhokela izigqibo ezithathwa kwinqanaba likaNdlunkulu nneleSithili. Kwinqanaba lesikolo, inkqubo yokuCwangcisa eluPhuculo lweSikolo yiyo eza kuqhuba uphuculo ekufundeni nakwiziphumo zabo bonke abafundi.

IiSistim nenkxaso yeziphumo zokufunda eziphuculiweyo

UkuLawulwa kwaBasebenzi (People Management)

Ku-2016 kucetywa izintlu ezimbini zezithuba zootitshala. Isistimu yokukhangela abasebenzi ngeintanethi (ie-recruitment system) iza kuya incedisa ngokuncedisa kuyo yonke imiba isicwangciso seNkqubo yoNyaka sika-16/17 – 2018/19

yenkqubo yokukhangelwa kwabasebenzi. Izikolo ziza kwaziswa abasebenzi eziza kubaqeshelwa ngo-2017 kwangoAgasti ka-2016, ukwenzela ukuba ukucwangcisa nokucwangciswa kwamaxesha ezifundo kwenzeke kwangethuba.

Izithuba zeenqununu namasekela-nqununu ziza kubhengezwa kuluhlu lwezithuba ngalunye naxa zifuneka. Ukwenzela ukwandisa ukuzinza kolawulo ezikolweni, inkqubo yokugqibezela ukuqeshwa kweenqununu zezikolo iza kuqhubeka ukunikwa ingqalelo ephambili, kuzanywa kangangoko ukunciphisa ukulibazisa. Iikrayitheriya zokuqeshwa ezicaciswe kwizibhengezo zezithuba ziquka ugxininiso lokuba lowo uza kuqeshelwa ukulawula isikolo kufuneka anike ubungqina bokuba uzise utshintsho kwizithuba abekuzo ngaphambili. Ukuhlolwa okusekelwe ekukwazini ukwenza umsebenzi kuza kwenziwa kubo bonke abachongelwe ukuvavanyelwa ukuqeshelwa izithuba zobuNqununu, ubuSekela-nqununu nokuba ziiNtloko zamaCandelo eziFundo, njengenxalenye yenkqubo yokomeleza le nkqubo yokukhangelwa abasebenzi.

Uluhlu lwezithuba zeenqununu luya kuqinisekisa ukuba izikolo ziya kuqesha kwangethuba, ngokwenjenzalo kuqinisekiswa ngotshintsho lobunkokeli olungenamagingxi-gingxi. Iinkqubo ezilungiselelweyo zokungenisa abasebenzi emsebenzini ziya kuxasa abo baqeshwa batsha.

UPhuhliso looTitshala

Uphuhliso looTitshala olwenzelwe ootitshala nabalawuli bezikolo lungoyena ndoqo ligxile kuye iSebe iWCED. Oku kuquka uluhlu lweekhosi, iisemina neenkomfa ezibanjelwa eCape Teaching and Leadership Institute (eCTLI). Ngaphezu kweekhosi ezinolwazi oluninzi ezenziwa ngeveki enye okanye eizimbini (zisekelwe kwiimfuno ezithile zekharithulam, izikolo, ootitshala, abafundi okanye abazali), iCLTI ikwanika uluhlu lweesemina neenkomfa ezimalunga nemiba egqubayo kwimfundo. Ngaphezu kwamaphulo ongenelelo loqeqesho gabalala enziwa yiCTLI, kukwakho amaqela enxaso eendawo ezithile ajongana nezihloko neemfuno ezithile ngeeprogram ezisekelwe esikolweni okanye kwindawo ethile kwinqanaba lesithili. Kule minyaka mine izayo (u-2016 ukuya ku-2019) kuza kubakho amaphulo ongenelelo ajongene nokuxhasa ootitshala nooHOD njengenxalenye yeprojekthi yezikolo ezili-100 zeBanga R ukuya kwelesi-3. Enye inkalo ephambili ekujoliswa kuyo kule program iya kuba kukusetyenziswa kwelCT kunye nokufundiswa kwabafundi abaneengxaki eziyimiqobo ekufundeni. Oku kuya kuqhubeka ngo-2016 kuqhuba nokufezekiswa kwesiCwangciso soPhuhliso looTitshala ukususela ngo-2016.

Kwimeko yeenqununu, kuya kugxilwa ekunikeni uzinzo oluphuculweyo ezikolweni nakuphuhliso nenxaso yeenqununi ezisandula kuqeshwa kwakunye nezo zidinga ukukhokelwa kwimiba ethile. Zonke izithili zibamba iiseshoni zokufundisa abasebenzi abatsha umsebenzi ukulungiselela bonke abasebenzi abatsha, njengenxalenye yenkqubo elungiselelweyo yokufakwa kwabasebenzi abatsha emsebenzini. Iikhosi zaseCTLI eziqeqesha kulawulo lwesikolo ziya kuquka ezi zihloko zilandelayo: *inqununu njengomlawuli wekharithulam; iindima noxanduva lamasekela-nqununu; iindima noxanduva leentloko zamacandelo ezifundo, zeenqununu ezifikayo kunye neenkokeli zesikolo; ukufakwa emsebenzini kweenqununu namasekela-nqununu; ukuqeqeshwa kweqela elilawula isikolo kunye namanina akulawulo nangenayo kulawulo.*

ULawulo nokuPhathwa kweSikolo

Amaphepha abhalwayo malunga nophando lwaseMzantsi Afrika abonisa ubungqina befuthe elingakhiyo lokuphazamisa izifundo. Ngoko ke kugxininiswa kakhulu ekusetyenzisweni ngokukoko kweeyure zokufundisa. Olu gxininiso luxhaswa ngokunikwa kweengxelo zekota ezimalunga nokungabikho sikolweni kwabafundi nootitshala kunye nomgaqo-nkqubo

wokuphutha kwabafundi esikolweni. Ngo-2016 kusaza kuqhutywa nokugxininisa nokusetyenziswa kangangoko kwexesha lesikolo.

Isaza kuqhubeka le *program yokubeka esweni ukwenzela ukujonga nokuxhasa iziCwangciso zokuPhuculwa kweZikolo*. Eyona miba iphambili kukubeka esweni iitekstibhukhu, kuquka ukuodwa nokusetyenziswa kwazo; ulawulo lwesikolo; izicwangciso zeBanga loku-1 nele-9 zokuphucula ukupasa kula mabanga; ukugqitywa kwekharithulam; ukuphathwa ngokugqibeleleyo ngokugcina iinkcukacha zeCEMIS yesikolo ineenkcukacha ezizizo; ukulawulwa kwezakhiwo kunye nokugcinwa kakuhle kwezindlu zangasese; ukusebenza nabazali kunye nokuqeshwa kwabasebenzi kwizithuba ezivulekayo.

I-WCED lenze iprogram eyandisiweyo yokuxhasa izikolo elandela ukonyulwa kweeBhodi eziLawula iZikolo ezonyulwe ngo-2015. Uqeqesho luka-2016 luza kugxila kwiindima noxanduva lwamalungu eSGB, eziquka indima yawo ekunyulweni kweenqununu nootitshala, kulawulo lwesikolo kunye nasekuxhaseni iinkqubo zophuculo lwesikolo. Kuza kugxilwa kakhulu kwindima yabo ekulawuleni imali. Kuza kugxininiswa ngokukodwa kwimfuneko yokugcina abazali besazi yaye bebandakanyeka kwimicimbi yesikolo kwanokomeleza indima yabo yobuzali. IISGB ziza kukhuthazwa ukuba zibeke iindlela zokuxhasa iinqununu, abasebenzi nabafundi kuzo zonke izikolo.

Ukulungiselela uNyaka weSikolo ka-2017

Iprogram yokubhalisa kwangoko inemihla epapashiweyo yokuba abazali babhalise abantwana babo yaye iiofisi zezithili ziza kuseka iikomiti namaziko obhaliso ukwenzela ukuncedisa abazali. Imihla yokugqitywa kwenkqubo yokubhalisa ihlehliselwe ukuba ibe kwangoko ku-2016 ukwenzela ukuncedisa ekubekweni nasekucwangciseni u-2017.

Yonke imiba yokulungela kwesikolo ukufundisa ngo-2017 iya kufezekiswa ngokucwangcisiweyo. Oku kuquka ukulungela ngokobume ngokunjalo nokulungela ngokwekharithulam, ulawulo nokuphathwa kwaso. Ifenitshala eyimfuneko iya kuthunyelwa ezikolweni phambi kokuba zivulele u-2017. Oku kuquka ukuthengelwa kwezikolo ezitsha.

ISebe leWCED liza kukhuthaza lixhase izikolo ezizizikolo ezikhathalayo njengenxalenye yeprogram yoku-"Khathalela nokuXhasa ukuFunda nokuFundisa", ekuqa ukuxhaswa ngamanye amacandelo, umzekelo iProgram yeMpilo eNdindeneyo yeSikolo (Integrated School Health Programme), ikunye neSebe lezeMpilo kunye nezoPhuhliso loLuntu .

6. IsiShwankathelo seBhajethi neeNgqikelelo zeMTEF zika-2016/17

6.1 IiNgqikelelo zeNkcitho

BT ⁴ 001	Icandelo lemfundo lephondo - lindlela eziphambili ezilandelwayo					
	2013/14	2014/15	2015/16	2016/17	2017/18	2018/19
	Inkcitho	Inkcitho	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo
Ingeniso (R'000)						
Ukwabiwa ngokobungakanani bamanani	13,898,802	15,089,713	16,377,367	17,454,785	18,929,292	20,032,864
IiGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile	1,128,656	1,402,076	1,414,010	1,375,283	1,327,950	1,403,924
Inkxaso yezipho-mali (Donor funding)	0	0	0	0	0	0
Enye inkxaso-mali (uVimba wokuBambisa ngeeAsethi kwiMali-mboleko)	50,208	62,295	28,886	386,548	0	0
Ingeniso yeziko	33,554	34,689	29,106	30,648	32,180	34,046
Ewonke	15,111,220	16,588,773	17,849,369	19,247,264	20,289,422	21,470,834
Iintlawulo ngokweprogram (R'000)						
1. Ezolawulo	1,032,806	1,169,176	1,317,782	1,460,007	1,516,125	1,618,029
2. Imfundo yezikolo zesiqhelo zikarhulumente (jonga okunye ukwahlulwa apha ngezantsi)	11,359,028	12,156/526	13,154,194	14,086,741	15,039,975	15,889,823
3. Iinkxaso-mali zezikolo ezizimeleyo	84,648	89,845	95,384	101,298	107,174	113,391
4. Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfundo ezizodwa	910,338	973,642	1,073,773	1,181,976	1,230,530	1,311,563
5. UPhuhliso lweMfundo yabasaQalayo	465,535	511,778	489,769	665,354	694,331	736,346
6. Uphuculo lweziseko zophuhliso (izakhiwo)	1,054,312	1,439,491	1,439,982	1,454,815	1,428,014	1,509,793
7. Iimviwo kunye neeNkonzo eziNxulumene neMfundo	204,553	248,315	278,485	297,073	273,273	291,889
Ewonke	15,111,220	16,588,773	17,849,369	19,247,264	20,289,422	21,470,834
UkuHlawulwa kweZikolo eziQhelekileyo zikaRhulumente (R'000)						
2.1 Izikolo zaseprayimari zikarhulumente	6,597,359	7,276,039	7,697,402	8,205,323	8,667,589	9,092,751
2.2 Izikolo zasesekondari zikarhulumente	4,400,697	4,489,245	5,047,234	5,497,187	5,919,394	6,317,622

⁴ U-BT umele uBudget Table (iTheyibhile yeBhajethi)

BT ⁵ 001	Icandelo lemfundo lephondo - lindlela eziphambili ezilandelwayo					
	2013/14	2014/15	2015/16	2016/17	2017/18	2018/19
	Inkcitho	Inkcitho	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo	Eqikelelweyo
Ukuhlawulwa ngokuhlelwa ngokwemeko yoqoqosho (R'000)						
Iintlawulo zangoku	12,776,213	13,585,996	15,363,588	16,437,641	17,369,363	18,366,918
Imbuyekezo yabasebenzi	11,273,164	12,132,442	13,345,499	14,351,980	15,270,203	16,157,008
► Ootitshala	9,536,228	10,253,687	11,275,082	12,119,043	12,880,182	13,616,048
► Abasebenzi abangengabo ootitshala	1,736,936	1,878,755	2,070,417	2,232,937	2,390,021	2,540,960
Impahla neenkonzo kunye nezinye izinto zangoku	1,503,049	1,453,554	2,018,089	2,085,661	2,099,160	2,209,910
Iimali eziya kwizibonelelo neenkxaso-mali	1,585,964	1,780,444	1,465,572	1,753,089	1,837,955	1,944,268
Ukuhlawulelwa kweeasethi ezinkulu (capital assets)	736,777	1,212,384	1,015,380	1,051,406	1,076,679	1,153,908
Ukuhlawulelwa kweeasethi zezemali (financial assets)	12,266	9,949	4,829	5,128	5,425	5,740
Ewonke	15,111,220	16,588,773	17,849,369	19,247,264	20,289,422	21,470,834

ST003	Icandelo lemfundo lephondo - Izixhobo eziqhutywa ngokusebenzisa imimiselo yokulungiselelwa kwezithuba zengqesho (i-post provisioning) (2015)				
	Izithuba ezikuPL1	Izithuba ezikuPL2	Izithuba ezikuPL3	Izithuba ezikuPL4	Zizonke
IProgram / Injongo yezithuba zengqesho					
Izithuba zengqesho ezahlulwe ngokwemodeli	21 855	4 472	1 492	1 540	29 359
Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	20 532	4 245	1 415	1 472	27 664
Izikolo zaseprayimari zikarhulumente	12 877	2 589	858	1086	17 410
Izikolo zasesekondari zikarhulumente	7 655	1 656	557	386	10 254
Imfundo kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfundo ezizodwa	1 323	227	77	68	1 695

Umthombo wolwazi: Post Provisioning Model 2015 (Rounded)

Ukubala kusekelwe kwiModeli yokuSasazwa kweziThuba zika-2015 ukwenzela ukuzinzisa izikolo.

⁵ U-BT umele uBudget Table (iTheyibhile yeBhajethi)

ICandelo C: Izicwangciso zeeprogram neeprogram ezisekelayo

1. Iprogram 1: Ezolawulo

Injongo: Ukunika ulawulo lwamacandelo ephela nenkxaso kwinkqubo yezemfundo ngokungqinelana noMthetho woMgaqo-nkqubo wezeMfundo kuZwelonke (National Education Policy Act), uMthetho woLawulo lweeMali zikaRhulumente (Public Finance Management Act) neminye imigaqo-nkqubo efanelekileyo

Ngokweprogram:

Ngo-2016 kuza kugxininiswa kwisistim ephuculweyo, equka ukulindelwa kokugcinwa kweerekhodi ngeyona ndlela, ukuthatha uxanduva kunye nenkxasho yasesikolweni enikwa izikolo.

Ezona ndawo kujoliswe kuzo ngo-2016:

- Ezona nkonzo zezaBasebenzi zinikwa liSebe iWCED ziya kuba (i) kukulawula inkqubo yokuLungiselelwa kweziThuba zengqesho zize izikolo zibe sele zazisiwe ngoAgasti ka-2016 malunga nokwabelwa kwazo abasebenzi ngo-2017 (ii) ukubhengezwa kunye nenkxaso ekuchongweni kweenqununu neeHOD ezikumgangatho ophezulu (iii) Ukulawulwa koMgaqo-nkqubo weKhefu lokuNgabikho kwiMeko yokuSebenza kunye noMhlala-phantsi wokungaBikho seMpilweni (iv) ukukhangelwa nokuchongwa kwabasebenzi abawaziyo umsebenzi (v) ukulawulwa kwembuyekezo (vi) ukufakwa emsebenzini kwabafundi abanezidanga kunye nabasebenzi abangekho kwizithuba zengqesho kunye (vii) nezenzo ezifanelekileyo zabasebenzi ezenziwa ngabantu bangaphakathi nabangaphandle.
- Ukuqhutywa kwesiCwangciso semiNyaka emiHlanu soPhuhliso looTitshala.
- Ukuqinisekisa ukuba zonke iinkqubo zokukhangelwa nokuthengwa kwempahla zigxila ekongeni imali nasekuthatheni uxanduva.
- Izikolo ziza kunikwa isixhobo esilungelelanisiweyo seintanethi esiza kusetyenziswa ekufakeni isiCwangciso soPhuhliso lweSikolo. Sona siza kuvumela izikolo ukuba ziphonononge ukuqhuba kwazo ngokwezifundo ukwenzela ukuthatha izigqibo ezisekelwe kulwazi malunga nophuculo neethagethi. IziCwangciso zokuSebenza ezikwiziCwangciso zokuPhuculwa (iiSIP) ziza kuqhutywa zibekwe esweni.
- Iinkqubo ezininzi zokusebenza okuzenzekelayo (automated business) ziza kunika izixhobo ezifumaneka kwi-intanethi, ufikelelo, iindlela zokunika ingxelo nokubeka esweni izikolo, izithili kunye noNdlunkulu.
- Yonke imiba yeCEMIS iza komelezwa ukuze idatha ibe yethembekileyo nengaphelelwanga xesha.
- Ukuqinisekisa ukuba nayiphi imingcipheko kunye nokuphatha okuqhubekayo okusebenzisa i-intanethi (online e-administration) kuyafezekiswa kulawulwe.
- ISebe iWCED liza komeleza kugxila kwizenzo zobalo-mali kunye nemiba yokukhangelwa nokuthengwa kwempahla ukwenzela ukugcina nokuphucula ukuhlolwa kophicotho-zincwadi koMphicotho-zincwadi Jikelele kunye nokumana kujongwa imiba eqatshelwe yinkqubo yoPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi.
- UPhononongo oluPheleleyo lweSikolo (iWSE) iza kwenziwa kwizikolo ezingama-75. Izihlandlo zotyalelo zophononongo olupheleleyo ziza kwenzeka kwiintsuku ezi-3 nezi-5. ISebe iWCED liza kwazisa uphononongo olugxile kokuthile ngo-2016. Ezi zihlandlo zotyalelo ziza kwenzeka kwiintsuku ezi-2. Ugxininiso luza kuba seluLawulweni nasekuPhatheni okanye ekuFundisweni kweKharithulam. Izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa kunye nezikolo ezizimeleyo ziza kubandakanywa kwisampule yeWSE. Ezo zikolo zityelelweyo ziza kukhutshelwa iingxelo ezibandakanya konke zesikolo ngasinye. Ngesiqingatha ngasinye sonyaka, ezi zikolo ziza kufakwa kwiikhowudi ngokomgangatho weWSE. Iziphumo ziya kukhutshwa kwiingxelo zokusebenza kakuhle kunye neendlela ezilandelwayo.

- Izikolo ezidinga inkxaso ngolawulo lweemali ziya kujongwa kuqala. Ugxininiso luya kuba kwinkxaso yezikolo ezingama-216 eziguqulelwe ekubeni zibe zizikolo "eziNgahlawulisi ziFizi" ngokunjalo nezikolo ezichongwe njengezidinga inkxaso ngokolawulo lwezemali. Ukuqeqeshwa kweenqununu kulawulo lwemali yesikolo luya kunikwa ukususela ngoEpreli ka-2016.
- Ukufezekiswa kwecandelo 16A loMthetho weZikolo waseMzantsi Afrika, ngakumbi ngokokunxulumana kwawo nemisebenzi eyenziwa ziinqununu, uza kuqhutywa, ubekwe esweni uze uphononongwe ngokuqhubelekayo.
- ISebe iWCED liza kubhexsha ukufakwa emsebenzini kunye noqeqesho lokuqala lweeSGB ngokweprogram evunyiweyo yoqeqesho lweminyaka emi-3.
- ISebe iWCED liza kumisela ngokusesikweni ubambiswano neSouth African Institute of Chartered Accountants (iSAICA), apho kuza kuphuculwa inkxaso yolawulo lwemali kusetyenziswa ukubandakanywa komcwangciso-mali kuso ngasinye kwizikolo ezingama-20 ezibandakanyeka kule program ilingwayo.
- Ukuphicothwa kwazo zonke iihostele ukwenzela ukujonga ukuba zisetyenziswa kangakanani, imeko yazo kunye neemfuno gabalala ngokunxulumene nemiGaqo yeWCED kunye nesiCwangciso seeHostele neMfundo.
- Ukuphicotha iindlela ezisetyenziswa zizithuthi ukuqinisekisa imigama kunye nemfuno.

Iiprogram ezisekelayo

IProgram eSekelayo 1.1: IOfisi kaMEC

Ukulungiselela ukusebenza kakuhle kweofisi yoMphathiswa kwePhondo (uMEC) wemfundo ngokuhambelana nencwadana yabaphathiswa

IProgram eSekelayo 1.2: IiNkonzo zeNkxaso (Corporate Services)

Ukunika iinkonzo zolawulo ezingajolisanga ngqo kwezemfundo kwinkqubo yezemfundo

IProgram eSekelayo 1.3: ULawulo lwezeMfundo

Ukunika iinkonzo zolawulo kwezemfundo kwinkqubo yezemfundo

IProgram eSekelayo 1.4: Uphuhliso lwaBasebenzi

Ukunika uphuhliso lwezakhono zabasebenzi kubasebenzi basezifisini

IProgram eSekelayo 1.5: ISistim yeeNkcukacha zoLawulo lwezeMfundo (Education Management Information System) (EMIS)

Ukunika iSistim yeeNkcukacha zoLawulo lwezeMfundo ngokungqinelana noMgaqo-nkqubo kaZwelonke weNkcukacha zezeMfundo (National Education Information Policy)

1.1. IiNjongo eziPhambili kunye neeThagethi zoNyaka zika-2016/17

IProgram 1 IiNjongo eziPhambili	
INjongo ePhambili 1.1	Ukwenza nokuqhuba isicwangciséminyaka emi-5 sophuhliso loofitshala.
Ingcaciso yenjongo	<ol style="list-style-type: none"> 1. Iintlanganisó ezisibisa unyaka eziphakathi kweSebe iWCED namaZiko eMfundo ePhakamileyo (iiHEI) kunye neDHET ukwenzela ukufuthela uqeqesho loofitshala abasafundayo 2. Ukwenza nokuqhuba isicwangciso seminyaka emihlanu sophuhliso loofitshala abaphangelayo (kuquka ukukwazi ukujongana neenkcukacha ezivela ekwenziweni kweemvavanyo; ukucaciswa kweefitshala (<i>teacher profiling</i>); ukuqeqeshelwa ie-learning) 3. Ukwenza nokuqhuba iprogram ebandakanya konke yokubuyekeza oofitshala eyenzelwa uphuhliso loofitshala ukwenzela ukuphucula ukusebenza kwabo okubonisa ukuqeqeshelwa, izakhono zokufundisa, ulwazi lwesifundo kunye nokukwazi ukusebenzisa iikhompyutha kooofitshala neenqununu. 4. Ukukhangela ukuchonga nokugcina iinqununu neeHOD eziwaziyo umsebenzi nezisemgangathweni.

<p>Okusisiseko (kusuka kwisiCwangciso sokuSebenza sika-2015-2019)</p>	<p>Abe maninzi amaphulo ongenelelo awenziwa ngethuba leeholide zesikolo, maphulo lapho aye ajongana neemfuno zekharithulam yelizwe ngoku esele ifike kwiBanga le-12 ngo-2014 okanye ukuba yinxalenye yesicwangciso sephondo soqeqesho kuLwimi neMaths kootitshala beBanga loku-1 - 6. Olu qeqesho lokugqibela belunikwe kwizinga lezikolo ezingama-250 ngonyaka kumjikelo ofuna uqeqesho kwiminyaka emibini elandelanayo. Iikhosi zeeveki ezimbini ziye zenzelwa eCape Teaching and Leadership Institute rhoqo ngonyaka kule minyaka mithandathu idlulileyo, zisenziwa ngeeholide zikaJuni. Kodwa ke khange sibekho isicwangciso esiphangaleleyo esigxile kootitshala sokulawula ezi program kungakhange kubekho namodeli yeziko yokuwakhokela la maphulo, nto leyo iwenze angamaphulo ongenelelo asebenza ngokuthe cwaka.</p> <p>Iinkcukacha malunga neemfuno ezithile zoqeqesho lootitshala azikafakwa kwiiprofayile yaye nezo mfuno azikalandeli nkqubo ithile yaye zingekafezekiswa ngokucwangcisiweyo. Isebe khange likhe likhokele inkqubo ejoliswe ekucebiseni nasekulawuleni unxulumano neeHEI ngokunxulumene noqeqesho lootitshala abasafundayo. Esi senzo sibanzi sisafunekayo sikwabonisa imfuneko enkulu yokuba ootitshala baqeqeshelwe ukusebenzisa ie-learning.</p>
<p>Okusisiseko (kusuka kwisiCwangciso sokuSebenza sika-2015-2019)</p>	<p>Uqeqesho lootitshala njengemodeli ecacileyo ngethuba lekharithulam ezinzileyo alukafezekiswa ngendlela echaphazela konke yaye loo nto iboniswe njengefuneka ngamandla.</p>
<p>INjongo ePhambili 1.2</p>	<p>Ukuphucula ulungiselelo (<i>administrative</i>) nenye inkxaso enikwa izikolo, okwenziwa ngokukhulayo kusetyenziswa iinkonzo zeintanethi.</p>
<p>Ingcaciso yenjongo</p>	<ol style="list-style-type: none"> 1. Ukunika zonke iinkonzo ezinyanzelekileyo ezikolweni ngempumelelo kwanokulandelela amazinga okwaneliseka ngeendlela zokufakwa kwezikhalazo kunye nesaveyi yokwaneliseka kwabaxumi yonyaka. 2. Ukusebenzisa iinkonzo ezifumaneka kwi-intanethi ngokukhulayo nakakhulu kangangoko, ukwenzela ukukhawulezisa ukunikwa kweenkonzo nokunciphisa ukungasebenzi kakuhle ukwenzela ukuba iSebe iWCED linike iinkonzo ezikolweni, kootitshala, ebazalini nakubafundi nanini na naphi na (ulungiselelo olwenziwa kwi-intanethi (<i>ie-Administration</i>)) 3. Ucwangciselwemfundo luqhutywe ngokweziphumo zophando yaye lubonise ukuthatha uxanduva

**Okusisiseko
(kusuka
kwisiCwangciso
sokuSebenza sika-
2015 - 2019)**

Kule minyaka mihlanu idlulileyo iSebe iWCED liye lagxila ekunikweni kweenkonzo okuphuculweyo kunye nokwenziwa nokusetyenziswa kweenkqubo eziphuculweyo zokusebenza kunye nokulandelela ukwaneliseka kwabaxumi ngokusebenzisa iisaveyi zonyaka.

Iinkonzo zakwi-intanethi eziqalwe kunyaka ka-2010 - 2014 ziquka:

iIMS: Isixhobo sokulandelela amaxwebhu/imiba efakiweyo/exeliweyo.

iEduInfoSearch (yokusetyenziswa ngabaLawuli)

Uphuculo oluvumela ukufakwa kweengxelo zokulawula izinto ezinokwenzeka kwisiCwangciso seNkqubo yoNyaka (iAnnual Performance Plan - iAPP), kuquka izixhobo zedeshbhodi kunye nokwenziwa ngokuzenzekelayo kwezi nkqubo zilandelayo:

- Ulungiselelo lwezithuba zengqesho (kuquka nezithuba zokunyuselwa)
- Izikolo "eziNgahlawulisi ziFizi"
- Ukutshintsha kwezifundo namabanga
- IiSaveyi

ISistim yeeNkcukacha zoLawulo lweMfundo olunguNdoqo (iCentral Education Management Information System - iCEMIS) (esetyenziswa zizikolo)

Uphuculo olukhulu olwenzelwa ukuvumela:

- ukuodwa kweetekstibhukhu neencwadi zokusebenzela, izixhobo zokusebenza zaseofisini (*istationery*), ifanitshala nezixhobo zokucoca
- ukufakwa kweemali ezifakwa esikolweni
- izikim zokuthutha abafundi
- iinkcukacha zeebhodi/imibutho elawula izikolo
- ukufakwa kwezicelo zezikolo "eziNgahlawulisi ziFizi"
- ukulawulwa ngekhompyutha kwesiCwangciso soPhuhliso lweSikolo nokuBekwa eSweni koPhuculo lweSikolo
- iSaveyi yokwaneliseka kwabaXumi
- iisaveyi eziKhawulezileyo (*isnap survey*) nezoNyaka
- iNdlela esiQhuba ngayo iSikolo ngeKota
- ukuPhutha esikolweni okujongwa rhoqo ngeKota
- amaphepha okurekhoda eGET
- ukuvavanywa kweNkqubo kweBanga lesi-3, 6 nele-9 amanqaku okuHlola koNyaka kukaZwelonke.

Idathabheyisi yeeNPO: Isixhobo sokufaka iinkcukacha ezinxulumene nemiButho eNgenzi Nzuzo esebenza ezikolweni.

I-DMIS: Isixhobo sokufaka izihlandlo zotyelelo zenkxaso ezikolweni, ukumiselwa neenkqubo zokwenziwa komsebenzi wesithili.

**Okusisiseko
(kusuka
kwisiCwangciso
sokuSebenza sika-
2015 - 2019)**

Ukukhangela abasebenzi ngeintanethi (ie-Recruitment): Isixhobo sokufaka iSivi kwi-intanethi nokufaka izicelo kwizithuba zootitshala.

ISistim yokuLawula amaKhefu anikwa abaSebenzi (iHuman Capital Leave Management System - iHCLMS): Isixhobo sokulandelela ukuhamba isikolo kootitshala kunye nokulawula amakhefu, ulawulo lweenkcukacha zokuhlawula nge-elektronikhi

IZikolo eziKhuselekileyo: Isixhobo sokufaka izehlo ezinxulumene nale ndawo yokusebenza.

Uluhlu lweeNombolo zeminxeba yeSebe: Uluhlu lweenombolo zeminxeba yabasebenzi bakandlunkulu nabesithili.

I-CONMIS: Isixhobo sokufaka iinkcukacha zeekhontrakthi.

ISistim yokuLawula iCASE: Isixhobo sokufaka iinkcukacha ezinxulumene nemisebenzi yonxulumano lwabasebenzi lwangaphakathi kwisebe.

ELEZEEMVIWO: Ukuyilwa kweesistim ezisekelayo ezingama-34 zokuxhasa iinkqubo ezinxulumene neemviwo zematrikhi nezeANA.

ISistim yeeRisithi zomHlawulisi: Isixhobo sokufumana iintlawulo size sikhuphe iirisithi kwiZiko leSebe iWCED lokuNgena ngaphandle kokwenza idinga.

IsiCelo seBhasari esiFakwa ngelIntanethi: Isixhobo sokufaka iinkcukacha ezinxulumene nezicelo ezifakelwa iiBhasary.

I-SLIMS: ISistim yeIntanethi yeeNkcukacha zoLawulo lweeLayibrari yeelayibrari zemfundo.

Isixhobo seziseko zophuhliso noCwangciso lweGIS: Isixhobo zeemephu zokunaba komhlaba ezilungiselelwe ukucwangcisa ngohlobo lweendawo eziza kuba kuzo izikolo ezitsha.

Iwebhusayithi yeKharithulam eNtsha: Isixhobo sokulawula ikhontenti esisetyenziswa ngabacebisi beKharithulam kuney nabacwangcisi beKharithulam abaziintloko ukwenzela ukuba bafake iinkcukacha ezimalunga neKharithulam.

I-SAMI: Isixhobo sokulawula iinkcukacha zabafundi abangekafakwa ezikolweni.

IiFomu zeeMviwo ezifumaneka kwiIntanethi: Ifomu yesicelo esifakwa kwi-intanethi esilungiselelwe uBhaliso lweSatifikethi seMatrikhi (sabafundi abazimeleyo).

I-D6 Communicator: Isixhobo esinxulumene newebhusayithi sokuphucula unxulumano phakathi kweofisi yesithili nezikolo (silingwa kwisithili esinye semfundo).

I-MIS YEEMVIWO: I-intafeyisi yewebhusayithi eyenzelwa iziphumo zeeMVIWO

Uluhlu loBhaliso lweSayensi yeZikolo: Isixhobo sokubhala iinkcukacha ezinxulumene nezixhobo zesayensi ezisezikolweni.

Uluhlu lweziThuba: Ukuphuculwa kwesistim ukwenzela ukuvumela ukufakwa kwezibhengezo zezithuba kwinqanaba lezikolo. Ukucwangcisa sele kwenziwe ngokukhulayo ngokunxulumene nedatha nokuhlalutywa kwayo. Ezi nkcukacha zisetyenziselwa ukwenza iingqikelelo zokuqinisekisa ukuba izicwangciso nezenzo zisekelwe kubungqina obuthile. Le minyaka mihlanu izayo iza kwakhela phezu kwala maqonga angentla ize iwandise.

UkuShwankathelwa kwemiNgcipheko		
liNjongo eziPhambili (iStrategic Objectives)	Imingcipheko	Indlela yokuwuthomalalisa
Ukwenza nokuqhuba isicwangciséminyaka emi-5 sophuhliso lootitshala.	Ukungafuni kwamaZiko eMfundo ePhakamileyo ukulandela iziphakamiso zoqeqesho esele zibekiwe	Ukusekwa kweqela elisesikweni lokuxoxa namaZiko eMfundo ePhakamileyo lize libe neentlanganiso ezicwangcisiweyo kunye nawo. Ukufaka ingxalaba ngokwabelana nawo malunga neenkukacha kunye nobungcali kumba "wokuFunda okuNyanzelekileyo" ("iFundamental learning") kwii-program zoqeqesho lweetitshala ezixila ekusetyenzisweni kwelCT ekufundiseni nasekuphuculeni ukufunda
Ukwenza nokuqhuba isicwangciséminyaka emi-5 sophuhliso lootitshala.	Isicwangciso sophuhliso lootitshala asamkelwa ngokukhululekileyo ngootitshala neemanyano. Ukuthatha inxaxheba kootitshala neemanyano kumsebenzi wokuqokelelwa kweenkcukacha kunye neprogram yokubuyekeza kuyaphazamiseka.	lingxoxo eziqhubekayo phakathi kwamaqela abasebenzi ePELRC kunye nawo onke amanye amaqela achaphazekayo, malunga nonxulumano olubalulekileyo phakathi kophuhliso oluqhubekayo loqeqesho lootitshala kunye neziphumo zokufunda eziphuculweyo. Iprogram esebenzayo neqhubekayo yokwandisa ulwazi (egxininisa uphuhliso oluqhulelekayo koqeqesho okuthathela ingqalelo izinga lento abakwaziyo ukuyenza ootitshala kunye nenqanaba lokwazi ukwenza abanokuba bakulo) kunye nokuthatha inxaxheba okubuyekizwayo.
Ukuphucula ulungiselelo (administrative) nenye inkxaso enikwa izikolo, okwenziwa ngokukhulayo kusetyenziswa iinkonzo zeintanethi.	Ukususela oko yaqalwayo ngo-2002, iCEMIS ikhule kakhulu njengokuba iinkqubo ezongezelelweyo zokusebenza zisenziwa ngekhompyutha zize zisetyenziswe rhoqo ngonyaka. ISebe iWCED lifikelela kwelona nqalaba liphezulu ngokokwandiswa nangakumbi kokusetyenziswa kwayo. Ngaphezulu, kukho imfuno eyandileyo evela kubasebenzisi - yeaplikheyishini elungele ukusetyenziswa ezifowunini (<i>mobile-ready application</i>).	Ukujongwa ngokutsha koyilo kunye nokuma kwemenyu yale aplikheyishini nokuvumela iCEMIS ukuba ifumaneke nakumaqonga eefowuni (mobile) ukuze ifumaneke ize isebenziseke lula. Ukuphononongwa rhoqo kwezicwangciso-nkqubo zokuyiqhuba kunye/okanye nokuhlaziya ioganogram ukwenzela ukulungiselela ukuqhutywa kwayo ngokwamanqanaba ngamanqanaba.

INjongo ePhambili 1.1	Inkqubo yokweNyani/ePhicothiweyo			Inkqubo eqikelelwayo	Iithagethi zexesha eliphakathi		
	2012/13	2013/14	2014/15		2016/17	2017/18	2018/19
1.1.1. Isicwangciso sophuhliso looitshala	Intsha	Intsha	Isicwangciso simi okomga qo-sikhokelo	Senziwe isicwangciso	Siqalisiwe isicwangciso	Sisekiwe isicwangciso	Sihloliwe isicwangciso
1.1.2. Inani looitshala ⁶ abaya kwiikhosi zeeveki ezimbini eCape Teaching and Leadership Institute	Intsha	Intsha	Intsha	800	1 250	1 300	1 300
1.1.3. Inani looitshala abaya kuqeqesho lokusebenzisa iICT	Intsha	Intsha	Intsha	3 000	3 000	3 000	3 000

INjongo ePhambili 1.2	Inkqubo yokweNyani/ePhicothiweyo			Inkqubo eqikelelwayo	Iithagethi zexesha eliphakathi		
	2012/13	2013/14	2014/15		2016/17	2017/18	2018/19
Inani lezikolo ezisebenzisa ⁷ iinkonzo zolawulo ezikwiintanethi xa zisenza umsebenzi wazo	1 452	1 458	1 524 ⁸	1 517	1 516	1 512	1 512

1.2. IiNjongo eziPhambili neeThagethi zeKota

Ezi thagethi zixelwe apha ngentla ziithagethi zonyaka.

1.3. IiThagethi zoNyaka zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram

IiNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram kwiProgram 1	2013/14 Inkcitho	2014/15 Inkcitho	2015/16 Eqikelelweyo	2016/17 Eqikelelweyo	2017/18 Eqikelelweyo	2018/19 Eqikelelweyo
PPM 101: Inani lezikolo zikarhulumente ezisebenzisa iisistim zolawulo lokuphathwa kwezikolo (school administration management system) ezisekhompyutheni ukunika idatha kwisistim kazwelonke yokulandelela abafundi (<i>national learner tracking system</i>) ⁹	1 459	1 524	1 517	1 516	1 512	1 512
PPM102: Inani lezikolo zikarhulumente ekunokuqhagamshelwana nazo ngekhompyutha (ngeimeyile) ¹⁰	1 459	1 524	1 517	1 516	1 512	1 512
PPM103: Ipesenti yenkcitho yangoku kwezemfundo emalunga nezinto ezinganxulumene nabasebenzi (<i>non-personnel items</i>)	21.5%	19.42%	19.53%	19.85%	19.39%	19.33%
PPM 104: Inani lezikolo ezityelelwe ngamagosa esithili ukuze abeke sweni axhase.	Intsha	Intsha	1 517	1 516	1 512	1 512

⁶ Liyuka nabalawuli bezikolo abali-100

⁷ Uajikelelo aluzifaki izikolo ezi-5, umz. izikolo zasezibhedlele apho abafundi babhaliswe ngokusingxina kwenye indawo

⁸ Ingcaciso ilungiselelwe ukuquka nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa

⁹ Ingcaciso ihlaziywe ngo-2014 ukuze iquke nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa

¹⁰ Ingcaciso ihlaziywe ngo-2014 ukuze iquke nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa

1.4. Iithagethi zeKota zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram

UMlinganiselowentsebenzo yeProgram ¹¹	Ithuba lokunika ingxelo	Iithagethi yonyaka ka-2016/2017	Iithagethi zekota			
			Eyoku-1	Eyesi-2	Eyesi-3	Eyesi-4
PPM: 101 Inani lezikolo zikarhulumente ezisebenzisa iisistim zolawulo lokuphathwa kwezikolo (<i>school administration management system</i>) (esekhompuyutheni) ukunika idatha kwisistim kazwelonke yokulandelela abafundi (<i>national learner tracking system</i>)	2016/17	1 516	1 518	1 520	1 523	1 516
PPM 102: Inani lezikolo zikarhulumente ekunokuhagamshelwana nazo ngekompuyutha (ngeimeyile)	2016/17	1 516	1 518	1 520	1 523	1 516
PPM 104: Inani lezikolo ezitye elwe ngamagosa esithili ukuze abeke sweni axhase	2016/17	1 516	1 518	1 520	1 523	1 516

1.5. UkuDityansiwa kweethagethi zendlela ekuqhutywa ngayo kunye nebhajethi kwakunye neMTEF

BT 101	Ulungiselelo (<i>Administration</i>) - lindlela ezilandelwayo eziphambili					
	2013/14 Eyenyani	2014/15 Eyenyani	2015/16 Eqikelelweyo	2016/17 Eqikelelweyo	2017/18 Eqikelelweyo	2018/19 Eqikelelweyo
Iintlawulo ngokweprogram esekelayo (R'000)						
1.1 IOfisi yomPhathiswa wePhondo (MEC)	6,117	6,504	8,228	8,875	9,569	10,238
1.2 IiNkonzo zeNkxaso (<i>Corporate Services</i>)	238,351	264,120	283,170	296,883	319,795	341,580
1.3 Ulawulo lwemfundo	758,600	864,306	987,076	1,129,885	1,145,102	1,222,137
1.4 UPuhliso lweZakhono zaBasebenzi	834	1,330	5,036	2,304	2,435	2,575
1.5 ISistim yeeNkcukacha zoLawulo lweMfundo (<i>Education Management Information System</i>) (EMIS)	28,904	32,916	34,272	22,060	39,224	41,499
Zizonke	1,032,806	1,169,176	1,317,782	1,460,007	1,516,125	1,618,029
Ukuhlawulwa ngokuhlelwa ngokwemeko yoqoqosho (R'000)						
Iintlawulo zangoku	907,475	1,057,939	1,210,352	1,375,786	1,411,136	1,506,951
Imbuyekezo yabasebenzi	695,123	760,947	835,455	899,727	974,195	1,045,219
▶ Ootitshala	145,978	159,801	175,448	188,945	204,583	219,499
▶ Abasebenzi abangengabo ootitshala	549,145	601,146	660,007	710,782	769,612	825,720

• ¹¹ Uqikelelo aluzifaki izikolo ezi-5, umz. izikolo zasezibhedlele apho abafundi babhaliswe ngokusingxina kwenye indawo

BT 101	Ulungiselelo (Administration) - lindlela ezilandelwayo eziphambili					
	2013/14 Eyenyani	2014/15 Eyenyani	2015/16 Eqikelelweyo	2016/17 Eqikelelweyo	2017/18 Eqikelelweyo	2018/19 Eqikelelweyo
Impahla neenkonzokunye nezinye izinto zangoku	212,352	296,992	374,897	476,059	436,941	461,732
Iimali eziya kwizibonelelo neenkxaso-mali	94,115	68,547	68,515	46,752	65,348	69,140
Ukuhlawulelwa kweeasethi ezinkulu (capital assets)	18,950	32,741	34,086	32,341	34,216	36,198
Ukuhlawulelwa kweeasethi zezemali (financial assets)	12,266	9,949	4,829	5,128	5,425	5,740
Zizonke	1,032,806	1,169,176	1,317,782	1,460,007	1,516,125	1,618,029

1.6. Ukutshintsha-tshintsha kweeMeko zeNdlela ekuqhutywa ngayo kunye neNkcitho

Ukunyuka kwenkcitho kubangelwa kukuphucuka kwemiqathango yengqesho, inkxaso-mali eyabelwe ngokukodwa iTeknoloji yokuNxibelelana ngoLwazi (iICT) kunye nokunyuka kwamaxabiso.

BT102	1. Ulungiselelo	2. iPOSE	3. Ezizimeleyo	4. Ezemfundo enee-Mfundo eziZodwa	5. ECD	6. Iziseko zophuhliso	7. Iimviwo	Zizonke
Iintlawulo zangoku	1,375,786	13,144,079		1,000,654	217,164	450,644	249,314	16,437,641
Imbuyekezo yabasebenzi	899,727	12,131,991		964,688	161,840	22,433	171,301	14,351,980
Ooitiishala	188,945	10,918,791		762,103	161,840		87,364	12,119,043
Imivuzo nemirholo	165,727	9,512,514		664,478	148,977		83,481	10,575,177
Ukuncediswa koluntu	23,218	1,406,277		97,625	12,863		3,883	1,543,866
Abasebenzi abangengabo ooitiishala	710,782	1,213,200		202,585		22,433	83,937	2,232,937
Imivuzo nemirholo	623,438	1,056,947		176,634		22,433	80,206	1,959,658
Ukuncediswa koluntu	87,344	156,253		25,951			3,731	273,279
Impahla neenkonzokunye nezinye izinto zangoku	476,059	1,012,088		35,966	55,324	428,211	78,013	2,085,661
Iintlawulo zolungiselelo (administrative fees)	793	55					210	1,058
Izibhengezo	6,447	100			Eyesi-4		64	6,615
Iiasethi ezingaphantsi kwemali ekhoyo	7,910	17,990					9,100	35,000
Iindleko zophicotho-zincwadi: Ezomphicothi wangaphandle	14,023							14,023
Ilibhasari: Abasebenzi	818	1,957						2,775
Ukutiyiswa kwabantu: Kwimicimbi yeSebe	4,682	1,672		13	50		6,232	12,649
Unxibelelwano (G&S)	13,497	188					1,649	15,334
Iinkonzo zekhompuyutha	18,687	22		59				18,768
Iinkonzo zabacebisi nezooitiishala: Iinkonzo zoshishino neengcebiso	38,170	53		1,996				40,219
Iinkonzo zabacebisi nezooitiishala: Iinkonzo zezomthetho	2,329							2,329

BT102								
	1. Ulung-selelo	2 iPOSE	3. Ezizimeleyo	4. Ezem-fundo enee-Mfuno eziZodwa	5. ECD	6. Iziseko zophuhliso	7. Iimviwo	Zizonke
likhontrakhi	9,095	694					2,124	11,913
linkonzo zeeahente nenkxaso / ezinikwe iinkonzo zangaphandle	9,240	311,812			41,533		2,658	365,243
Ukonwabisa (Entertainment)	235						2	237
linkonzo zezithuthi (kuquka neemoto zikarhulumente)	20,063	1,066		5,752			1,356	28,237
Ubhaliso lwempahla yesebe (inventory) lziXhobo zokuXhasa ukuFunda nokuFundisa zabafundi nootitshala	940	198,146		5,691	5,480		2,124	212,381
Ubhaliso lwempahla yesebe (inventory) limathiriyeli nezixhobo (materials and supplies)	325	18						343
Ubhaliso lwempahla yesebe (inventory) Ezinye izixhobo ezithengwayo	276,106	61,791		3,741		54,829	46	396,513
Izixhobo ezisetyenziswa ziphele	1,200	869		15	194		794	3,072
Izixhobo ezisetyenziswa ziphele: Isiteyishinari, izixhobo zokuprinta nezaseofisini	11,515	1,852		3	53		10,801	24,224
Ukurentiswa kweendawo zokusebenzela	2,978	38,183		18,567			5,720	65,448
Ukuhlawulwelwa kweepropati	13,059	62,423		104		373,382	3,329	452,297
Ezothutho ezinikiweyo: Kwimicimbi yeSebe	1,429	303,100			7,424		3	311,956
Ukuthatha uhambo nezibonelelo ezinxulumene nako	12,488	1,651		13	67		3,166	17,385
Uqeqesho nophuhliso	2,357	7,018			517		3,320	13,212
lintlawulo zokuqhutywa komsebenzi	5,055	1,119					20,872	27,046
lindawo zokusebenzela nezixhobo zokusebenzela	2,401	154		12	1		2,352	4,920
Ukurentwa kweendawo nokuqeshwa kweemoto	217	155			1		2,091	2,464
Ukuhlawulelwa kweeasethi zezemali (financial assets)	5,128							5,128
limali eziya kwizibonelelo neenkxaso-mali	46,752	941,216	101,298	148,106	448,190	20,000	47,527	1,753,089

BT102								
	1. Ulung-selelo	2 iPOSE	3. Ezizimeleyo	4. Ezem-fundo enee-Mfuno eziZodwa	5. ECD	6. Iziseko zophuhliso	7. Iimviwo	Zizonke
Iiarhente neekhawunti zesebe	6	3					6,850	6,859
Amaziko angenzi nzuzo	40,101	914,160	101,298	146,458	446,432	20,000	39,099	1,707,548
Izikolo ezizilawulelayo iimali zazo (Section 21 schools): iILTSM		517,498						517,498
Izikolo ezingazilawuleli ngokupheleleyo iimali zazo (Section 20 schools)		107,557						107,557
Amanye amaziko emfundo	40,101	289,105	101,298	146,458	446,432	20,000	39,099	1,082,493
Ezamaziko ezinokungalingani	6,645	27,053		1,648	1,758		1,578	38,682
Ukuhlawulelwa kweeasethi ezinkulu (capital assets)	32,341	1,446		33,216		984,171	232	1,051,406
Izakhiwo nezinye iindawo ezingasukiyo						984,171		984,171
Izakhiwo						754,566		754,566
Ezinye izakhiwo ezingasukiyo						229,605		229,605
Oomatshini nezixhobo ezincedisa umsebenzi (equipment)	32,341	1,446		33,216			232	67,235
Izixhobo ezincedisa ekusebenziseni izithuthi	18,652	842		33,216				52,710
Abanye oomatshini nezixhobo ezincedisa umsebenzi	13,689	604					232	14,525
Isoftwe nezinye iisoftwe ezingaphathekiyo								
Xa ewonke edibene	1,460,007	14,086,741	101,298	1,181,976	665,354	1,454,815	297,073	19,247,264

2. IProgram 2: IMfundo yeZikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo

Injongo: Ukunika imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ukususela kwiBanga loku-1 ukuya kwiBanga le-12 ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (South African Schools Act), 1996 noXwebhu lweNgcaciso yeMiba 6 (White Paper 6) emalunga nemfundo ebandakanya zonke iintlobo zabafundi. (ne-E-learning ifakiwe.)

Uhlalutyo ngokweprogram:

Ngo-2016, eyona nto igxile kuyo le program iya kuba zisistim ezifunekayo ekutyebiseni ulwazi lokufunda ezixhasa ezi njongo zintathu zeSebe iWCED. Ezi njongo zezi:

- **Ukuphucula umgangatho kulwimi nemathematika kuzo zonke izikolo**
- **Ukuphucula amanani abafundi abapasayo nomgangatho wokupasa kwabo kwiSatifikethi seMatrikhi sikaZwelonke**
- **Ukunyusa umgangatho wokunikwa kwemfundo kwiindawo ezihlupheke kakhulu**

Ezona ndawo kujoliswe kuzo ngo-2016:

- Ukuqalisa ukuqhutywa kwemigaqo-zikhokelo zeKharityhulam noLawulo lweZikolo okuboniswe kwiNjongo yokuSebenza 2.1 no-2.2, ngokukodwa izicwangciso-nkqubo zeMathematika nezolwimi.
- Ukuqinisekisa ngokwenziwa nokuqhutywa kweziCwangciso zoPhuculo lweZikolo (iiSIP) apho izikolo zibeka iithagethi, zomjikelo weminyaka emithathu, zemiba ephambili phantsi kokuFundisa ukuya ku-2030 (iSchooling 2030) kunye nesiCwangciso sokuSebenza sika-2019, kuquka neethagethi zentsebenzo ngokwasezifundweni kwibanga ngalinye. Ngokwenza oku, kuza kugxininiswa kakhulu kwixesha lokufundisa elichithwa ekufundiseni, ukulawulwa kwezixhobo nokunciphisa ukuphutha kootitshala nabafundi esikolweni.
- Ukuqhutywa kokuBekwa eSweni koPhuculo lweSikolo rhoqo ngekota kusetyenziswa uluhlu lwezibonisi ezingundoqo.
- Ukuxhaswa nokulungiselelwa kwezikolo, ngokusekelwe kwiimfuno zazo.
- Ukunika, nokubeka esweni ukusetyenziswa kweetekstibhukhu, ifenitshala, izixhobo zokufundisa kunye nezixhobo zokuncedisa ekuqhutyweni kwesifundo.
- Ukomeleza iisistimi zokulawula nokusebenzisa iziXhoba zokuXhasa ukuFunda nokuFundisa kwinqanaba lesikolo nelesithili.
- Ukwandisa ulwazi malunga, kunye nenkxaso yokufikelela nokusetyenziswa kweelayibrari.
- Imimiselo emiselweyo yesiGaba esisisiSeko nesiPhakathi yiyo eza kusetyenziswa njengesiseko sokwazi kwabafundi isigama kunye nokufunda ngokutyibilika kwibanga loku-1-6.
- Ukulungisa nokuqhuba iinqqubo amaBanga aPhakamileyo ezixhasa iimfuno zokufunda zabo baludinga kakhulu uncedo.
- Ukugxila kumazinga abafundi abaphindayo kuwo onke amabanga, kukho namaphulo ongenelelo okunciphisa oku.
- Ukuqhutywa kwesicwangciso-nkqubo se-e-learning kwisigaba sokuqala.
- Ukusetyenziswa kweemali zenkxaso yabafundi abangathathi ntweni kunye nokwandisa ufikelela nokugqibelela. Oku kuquka iprogram yeGranti eKhutshwa Phantsi kwemiQathango yokomeleza iziphumo zeMathematika, iSayensi neTeknoloji, iProgram yokuTyisa eZikolweni kaZwelonke, iprogram yeHIV neAIDS kunye neegranti ezimbini zeziseko zophuhliso.
- Ukuqeqesha iinqununu zezikolo kulawulo lwemali kunye nokukhangelwa nokuchongwa kwabasebenzi.
- Ukuqinisekiswa kweeprogram ezifanelekileyo zoqeqesho nenkxaso yamalungu eBhodi eziLawula izikolo.

- Ukuqinisekisa ukuba iiSGB ziqhuba ulawulo lwemali neesistim zolawulo lwangaphakathi ezaneleyo, ezigqibeleleyo nezingafihlisiyo kwanokuba imiMiselo nemiGangatho ziyasetyenziswa ukudlulisela kwangoko iimali ezikolweni ukuze zisetyenziselwe imisebenzi yazo.
- Makugxininiswe kwizikolo ezizizikolo ezikhathalayo eziya ziqhuba ngokuqhuba uMgaqo-sikhokelo okuKhathalela nokuXhasa ukuFunda nokuFundisa kuqalwa kwiZikolo ezibekwe njengezineNkonzo ePheleleyo/eziQuka zonke iintlobo zabafundi. Oku kuza kuphinda kuphuculwe ngokuqhutywa kweNkqubo yeMpilo eNdindeneyo yeZikolo.
- Ukunikwa koluhlu lweenkonzo zokukhathalela nokuxhasa izikolo ezichatshazelwe lulwaphulo-mthetho nobundlobongela kuusetyenziswa abasebenzi beZiko lemiNxeba leZikolo eziKhuselekileyo, abaLungelelanisi beZikolo eziKhuselekileyo zezithili kunye nabo basebenza ezikolweni (iifieldworker). Kuza kugxininiswa kukhuseleko lwezikolo ngokuthi kunikwe izixhobo eziyimfuneko kwizikolo ezitsha ezingama-50.
- Ukuqhuba ucwangciso kubanjiswene noomasipala kunye namanye amasebe karhulumente.

Iiprogram ezisekelayo

IProgram eSekelayo 2.1: INqanaba lasePrayimari likaRhulumente

Ukunika izikolo eziqhelekileyo zaseprayimari zikarhulumente (kuquka ezemfundo equka zonke iintlobo zabafundi) ngezixhobo ezifunekayo kwinqanaba leBanga loku-1 ukuya kwelesi-7

IProgram eSekelayo 2.2: INqanaba laseSekondari likaRhulumente

Ukunika izikolo eziqhelekileyo zasasekondari zikarhulumente (kuquka ezemfundo equka zonke iintlobo zabafundi) ngezixhobo ezifunekayo kwinqanaba leBanga lesi-8 ukuya kwelesi-8

IProgram eSekelayo 2.3: UPuhliso lweZakhono zaBasebenzi

Ukunika iinkonzo zesebe upuhliso lwezemfundo nolunye upuhliso kootitshala nakwabangezotitshala kwizikolo zikarhulumente.

IProgram eSekelayo 2.4: IiGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile

Ukunika iiprojekthi eziphantsi kweProgram 2 ezichongwe liSebe leMfundo esisiSeko nezixhaswa ngemali yeegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango (conditional grants).

Qaphela ukuba iiprogram ezisekelayo: "IiNkonzo zezemiDlalo zaseSikolweni, iNkcubeko nezeMidiya" azilungiselelwanga, nanjengoko lo umsebenzi ungena phantsi kweSebe lemiCibi yeNkcubeko, ubuGcisa nezemiDlalo.

2.1. IiNjongo eziPhambili kunye neeThagethi zoNyaka zika-2016/17

IProgram 2: IiNjongo eziPhambili	
INjongo ePhambili 2.1	Ukwenza nokuqhuba izicwangciso-nkqubo zolawulo nenkxaso yekharithulam kwinqanaba lephondo
INGcaciso yeNjongo	<ol style="list-style-type: none"> Ukwenza isicwangciso-nkqubo solwimi esiqinisekisa ukuba <ul style="list-style-type: none"> Bonke abafundi bayayifezekisa imimiselo esekiweyo yokufunda nokubhala ngokutyibilika kwiBanga ngalinye kwisikolo saseprayimari Iprogram yoqeqesho lwasemsebenzini esekelwe kwiimfuno ezichongwe ngokuhlalutya uvavanyo lolwimi kwiBanga lesi-3, elesi-6 nele-9 kunye neeANA Ukwenza isicwangciso-nkqubo semathematika esiqinisekisa ukuba <ul style="list-style-type: none"> Kugxininiswa ekuqondweni kwemixholo engundoqo yeMathematika kwisiGaba esisisiSeko. Kukho ugxininiso kwizakhono zaphambi kokusetyenziswa kolwazi lokubala, kwiminyaka yepri-skuli, ngokukodwa kwiBanga R. Kugxininiswa ekuphuculeni umgangatho wokufundiswa kweMaths kwisikolo gabalala, kugxilwe ekufundiseni kwesigaba esiPhakathi Abafundi bamabanga aphakamileyo abanakho ukufunda iMathematika bayachongwa baze babhalisele iMathematika. Ukwenza isicwangciso sokulawula ikharithulam ukwenzela uphuhliso lwezifundo zeSayensi nezobuGcisa (iiTechnical Subject) Ukwenza isicwangciso sokulawulwa kwekharithulam ukwenzela ukujonga iimfuno ezikhethekileyo kwisiGaba esisisiSeko nesiPhakathi. Ukwenza isicwangciso sokusebenza esenzelwa ukuxhasa izikolo ekucwangciseni nasekufundiseni kwekharithulam.
Okusisiseko (kusuka kwisiCwangciso sokuSebenza sika-2015 - 2019)	Kukho isiCwangciso-nkqubo seLitheresi neNyumeresi sePhondo kunye nesemathematika neSayensi ezikolweni zamaBanga aPhakamileyo. Ezi zicwangciso-nkqubo zidinga ukuhlaziywa. Ezi zihlaziyiweyo ziza kuba sisicwangciso-nkqubo seMaths esinye esicaciswe ngokukodwa esilungiselelwe ukuqhubeka kwesikolo sonke kunye neso siquka umxholo weMaths Litheresi. Akukho mimiselo ibekiweyo yokufunda nokubhala yebanga ngalinye kwiSikolo sasePrayimari. Isicwangciso-nkqubo soLwimi esihlaziyiweyo siza kwenza iingcaciso ezilungiselelwe zona.
INjongo ePhambili 2.2	Ukuqinisekisa ngokulawulwa kwesikolo okuphuculweyo
INGcaciso yenjongo	<p>Ukwenza iiprogram zenkxaso kunye neeshedyuli zamaphulo ongenelelo alungiselela oku kulandelayo:</p> <ol style="list-style-type: none"> Ukuqinisekisa ngolawulo oluluqilima lwekharithulam kuzo zonke izigaba zesikolo, kugxininiswa ngokukodwa kwisiGaba esisisiSeko Izicwangciso zolawulo lwesikolo ziza kujongana neemfuno ezichaphazela iimvakalelo nokufunda ngempumelelo kwabafundi kwinqanaba lamabanga aphakamileyo Iikrayitheriya zokuqesha ziza kuquka ukukwazi kwenqununu ukukhokela iinkqubo zokulawulwa kwekharithulam ezikolweni. IiSMT ziza kuxhaswa ekujonganeni nayo yonke imiba yokuphatha isikolo, kuquka ukungalawuleki kwabafundi kunye nokungasihambi isikolo, njalo njalo. Abalawuli besikolo baza kuqinisekisa ngokugxila kubafundi Abalawuli besikolo baza kwamkela ukuthatha uxanduva ngomsebenzi wabo opheleleyo Ukuqeqeshwa kunye nenkxaso yamalungu eeBhodi eziLawula iSikolo, kunye nokubekwa esweni kwendima nokusebenza kwabo <p>Ukuphucula ukwandiswa kwamaxesha nomgangatho weenkono zokubeka esweni nenkxaso enikwa ziifisi zezithili ezikolweni</p>

<p>Okusisiseko (kusuka kwisiCwangciso sokuSebenza sika-2015 - 2019)</p>	<p>1. Indima nemisebenzi yenqununu neSMT yesikolo njengabalawuli bekharityhulam iye yayinxalenye yoqeqesho ngoku bekuqalwa iNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHOLA (iCAPS), kodwa ezi zinto azikalandelelwa njengokwenziwa kwephulo lokungenelela elidityanisiweyo okanye elifanayo. Ulawulo olululo lwekharityhulam luza kuqinisekisa ngokwenziwa kwezicwangciso zamaxesha okufundisa (iithayimtheyibhile), izicwangciso zokugxila ekufundiseni izifundo esikolweni ukwenzela ukuba zinike isiseko esisiso sengqesho okanye izifundo eziqhubekayo yaye zinokunikwa ngokukuko ngootitshala abafumene uqeqesho olululo kunye nokukhokelwa okuluqilima ngokwekhono, ukuhlola kunye nokulungela ukufundisa kootitshala. Ukucwangcisa nenkxaso kuza kwenzelwa ukuncedisa kuzo zonke ezi zinto.</p> <p>2. Esi sicwangciso sesokugxininisa kumfundi ukwenzela ukuqinisekisa ukuba ziyafezekiswa zonke iimfuno zokufunda nezeemvakalelo zabafundi. Le nto ibingafakwanga ngokusesikweni kwisicwangciso-nkqubo ngaphambili.</p> <p>3. Izikolo zicetyisiwe malunga neenkqubo eziyimfuneko ekuqeshweni kweenqununu, kodwa imiba yendima yenqununu nengomlawuli wekharityhulam ifuna ukuxelwa yaye ukuchongwa kwabo bafanele ukuqeshelwa ubunqununu kufuneka kube nokusekelwa okuthile kumava nezakhono zokwenza oku.</p> <p>4. ISebe iWCED belisoloko linika iiprogram zophuhliso ukwenzela ukuncedisa ukujongana nokuziphatha ngendlela engalawulekiyo. Eli thuba liza kwandiselwa ukuqinisekisa ukuba ezo zikolo zindle mingeni ziyaya kwezi program.</p> <p>5. Nangona ukugxila ebafundini bekusoloko kuyeyona yenziwa yile sistim, kwixesha langaphambili bekungabekwanga ngokucace kakhulu. Olu joliso lutsha luyinxalenye yokutshintshwa kwendlela yokusebenza kwephondo okuboniweyo ngokunxulumene noPhuhliso loLutsha.</p> <p>6. Kukho izixhobo ngezixhobo ezigxila ekuthatheni uxanduva, umz. iithagethi zeziCwangciso zoPhuculo lweZikolo, iSistim yoLawulo loMgangatho oluNdindeneyo, iNdlela yokuZiphatha kunye nophononongo lwendlela abaqhuba ngayo. Kuza kwandisa ugxininiso lokundindanisa iisistim zokuthatha uxanduva okucacileyo.</p>
<p>Okusisiseko (kusuka kwisiCwangciso sokuSebenza sika-2015 - 2019)</p>	<p>7. ISebe iWCED liqwalasela ukunyulwa kweeBhodi eziLawula iZikolo yaye zininika uqeqesho nenkxaso. Ubambiswano oluxhaswa ngemali ngokusesikweni kwenziwe nemiButho yeeBhodi eziLawulayo ukuze le mibutho iqhube uqeqesho.</p> <p>8. Kude kube ngoku, indima yamagosa esithili kunye nohlobo lwezihlandlo zotyelelo lwenkxaso ayixelwanga ngokupheleleyo ukwenzela ukucacisa ulandelelwniso nokuqhubeleka kwenkxaso nongenelelo. Ukususela ngo-2014, izikolo bezihlelwa zibe ziintlelo ezi-4 yaye ezo zikolo zidinga ukujongwa kakhulu zityelelwa matyeli amaninzi kunezinye. Utyelelo olubizwa ngokuba lutyelelo lokuBeka eSweni uPhuculo lweSikolo lugxila kuluhlu lweendawo ezibekiweyo yaye lunika ingxelo rhoqo ngekota. Utyelelo olwenziwa zizithili lunika ingxelo kwisistim ebizwa ngokuba yiDMIS (iSistim yokuLawulwa koLwazi yeSithili - iDistrict Management Information System).</p>

INjongo ePhambili 2.3	Ukuqinisekisa ngokunikwa kwemfundo kangangoko kubo bonke abafundi kugxininiswa ngokukodwa kwabo badinga inkxaso kakhulu.
Ingcaciso yenjongo	<ol style="list-style-type: none"> 1. Ukwandiswa kofikelelo kwiilayibrari kunye nezixhobo zokufunda ngokusebenzisa iprogram yokwakha nokuhlaziya, ubambiswano neelayibrari zephondo nezikamasipala, ukuthengwa kwemathiriyeli zaselayibrari kusetyenziswa inkxaso-mali yemimiselo nemigangatho kunye nokuqhutywa komgaqo-sikhokelo we-e-learning 2. Ubambiswano lokuncedisana oluza kunceda abafundi kuquka onke amaqela achaphazelekayo, amanye amasebe karhulumente, oomasipala nabazali. Le program kufuneka iphucule umgangatho noqeqesho wabaphathi bezikolo kunye nenkxaso eyandileyo enikwa ngabazali ezikolweni nakubantwana babo 3. Ukuqhuba ukudityaniswa kwezikolo okwenzelwa ukunceda abafundi kunye nesicwangciso sokusetyenziswa kangangoko kweehostele kunye nokubekwa ngokufanelekileyo kweendlela zokuhamba izithuthi ezithutha abafundi 4. Ukuqinisekisa ngokugxila ezilalini kwezicwangciso zolungiselelo lwemfudno. 5. Ukuqinisekisa ngofikelelo ekufundisweni kwekharithulam. Oku kufuneka kuquke ukunika ukukhokelwa okuphuculweyo kunye neengcebiso malunga nezifundo emazikhethwe ngabafundi, kuquka izifundo zobugcisa nezobuchule nezobuchwepheshe kubafundi beendawo ezichongiweyo. 6. Ukunika izakhiwo (jonga kwiProgram 6) nezixhobo zokusebenza ezixhasa ukufunda nokufundisa nezinyusela iziphumo zokufunda. Ukuqinisekisa ukuba iziseko zophuhliso ezizizakhiwo zezikolo (physical infrastructure) nendawo engqonge isikolo ngasinye, ziyabakhuthaza abafundi ukuba bafune ukuza esikolweni yaye bafunde, nootitshala bafundise. 7. Ukuqhuba inkqubo yeE-learning ukwenzela ukomeleza intsebenzo ngokwasezifundweni
Okusisiseko (kusuka kwisiCwangciso sokuSebenza sika-2015 - 2019)	<ol style="list-style-type: none"> 1. Izikolo ezitsha zokhiwa zinezakhiwo zeelayibrari, yaye zili-1 252 izikolo ezineelayibrari. Izikolo ezingama-87 zilungiselelwa ngeelayibrari ezisi-7 ezijikelezayo. Iilayibrari zeeklassi okanye izinto ekuphiswe ngazo kwiilayibrari zikhona kwezinye izikolo yaye izikolo zibambisana neelayibrari zendawo. Iinkonzo zeelayibrari zemfundo, iEdulis, zinika zonke izikolo nootitshala iimathiriyeli zaselayibrari, kuquka ufikelelo kwiimathiriyeli neejenali ezikwi-intanethi. Izikolo zikhunjuzwa rhoqo ngonyaka malunga nemfuneko yokuchitha inkxaso-mali yemimiselo nemigangatho kwiimathiriyeli zaselayibrari ukwenzela ukuba umfundi ngamnye akwazi ukufumana iincwadi ezilishumi. 2. Kukho ubambiswano oluqhubayo phakathi kwamasebe karhulumente ephondo ngokunxulumene neenkonzo zeelayibrari, ezemidlalo, ubugcisa nenkcubeko, iinkonzo zezempilo, ukhuseleko loluntu, ezothutho nemisebenzi karhulumente. Ngaphezu ukubanjwa kweentlangansio rhoqo kunye nokubambisana okwinqanaba likamasipala zinceda ekuncedweni kwezikolo nasekufunweni kweziza neenkonzo. Unxulumano namaqela achaphazelekayo kuyinxalenye yoxwebhu lweprothokholi, yaye kukho iintlanganisano ezimiselweyo nezibanjwa rhoqo nemibutho yeebhodi ezilawulayo, iiforam zeenqununu kunye namaziko emfundo ephakamileyo. Ngaphezulu, kukho izivumelwano zokwenziwa kweenkonzo ezisayinwe namashishini anika inkxaso-mali kunye memibutho engagjonganga nzuzo ethi inike iinkonzo ezikolweni okanye incedise kwiiprogram zenkxaso yekharithulam. Kweli thuba leminyaka emihlanu ezayo, ifuthe lezi program liza kulinganiswa lize lilungiswe ngokufanelekileyo.

<p>Okusisiseko (kusuka kwisiCwangciso sokuSebenza sika-2015 - 2019)</p>	<p>3. ISebe iDBE libonise ukuba ukuhlenga-hlengiswa kwezikolo yinto engenakutshintshwa kwanokuba onke amaphondo kufuneka akuquke oku kwizicwangciso zawo zeminyaka emihlanu. ISebe iWCED lichonge izikolo ezineziseko zophuhliso ezingonelanga ezikwiipropati ezirentlwayo kunye noluhlu lwezinye, zibonwa ngokungazinzi kwamanani okanye apho izikolo ezibini ezimeleneyo bezinokuncedakala xa zidityaniswa. Kwenziwe uphicotho lweehostele kunye neendlela ezithile ezisetyenziswa zizithuthi zabafudni. Ezi zinto ziza kwandisa, zisebenzisana nezicwangciso zokuphucula uhambelwano lukatitshala nenani labafundi kunye nokufikelela kwizifundo zezikolo zobuchwepheshe.</p> <p>4. Le nkqubo yokuhlenga-hlengiswa kwezikolo ibalulekile xa kuthethwa ngokucwangciseka iilali ezichongwe liSebe leMfundo esisiSeko njengento "engenakujikwa" kazwelonke. Imiba yolwimi, ufikelelo, uphuhliso lolutsha kunye namathuba okwenziwa kolunye uphando ayikachathazelwa kuphicotho olusisiseko, ngokukodwa olungiselelo lweelali. Uphando lwangoku lolungiselelo (provisioning), oluxhaswa zizicelo ezivela koomasipala, yeyona nto kusekelwe phezu kwayo.</p> <p>5. Ayikenziwa isaveyo yokunatyiswa kofikelelo kwizifundo zekharithulam kunye nezifundo zobuchule nezobuchwepheshe kwabafundi abacongiweyo.</p> <p>6. Isicwangciso soLawulo lweeAsethi zomsebenzisi, izenzo zophando zeepateni zobhaliso, uphicotho lweehostele kunye neendlela zokuhamba izithuthi, ukuxoxa nezithili kunye noomasipala nokuya kukhokelela kwizicwangciso zezikolo (jonga kwiProgram 6) ukuxhasa ukufunda nokufundisa kunye nokwandisa iziphumo zokufunda. Ukubambisana noomasipala, uluntu kunye nezinye iiarhente zabaxhasi-mali besisa ukwenzela ukulungiswa nokuhlaziywa kwezikolo yiyona nto kuza kujoliswa kuyo ukwenzela ukuqinisekisa ukuba izakhiwo zophuhliso ezizizakhiwo (<i>physical infrastructure</i>) kunye nemeko yesikolo ngasinye ziphembelela ukuba umfundi afune ukuza esikolweni afundi, nootitshala bafundise.</p> <p>7. Iprogram yeE-learning ikwinqanaba lokuqaliswa yaye kufuneka ibe nefuthe ekuqiniseni indlela ekuqhutywa ngayo ezifundweni. ISebe iWCED lijonge ukwandisa ukunika kwalo ie-learning kule minyaka mi-3-5 ezayo ukwenzela ukuxhasa umbono wokusetyenziswa kweekhompuyutha (<i>ie-vision</i>).</p>
<p>INjongo ePhambili 2.4</p>	<p>Ukunika inkxaso yoluntu kunye neqonga lophuhliso lolutsha</p>
	<p>1. Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo zixhaswa ngemali kwawona manqanaba aphantsi ngomfundi ngamnye.</p> <p>2. Ukunika uxolelo ekuhlawuleni ifizi kwabafundi apho abazali bangakwaziyo ukuhlawula iifizi ezicelwe sisikolo kwanokuba ezo zikolo zifaka isicelo sokuxolelwa ekuhlawuleni iifizi</p> <p>3. Ukwandiswa kwenani lezikolo "eziNgahlawulisi ziFizi", ngokokuvuma kwenkxaso-mali</p> <p>4. Ukuphucula ukufikelela kwiinkonzo zezempilo ezikolweni ngokusetyenziswa kokutyiswa izidlo ezinesondlo kunye neeklinikhi ezijikelezayo</p> <p>5. Ukujongana nemiba yokhuseleko ezikolweni ngokusebenzisa iprogram yezikolo ezikhuselekileyo nangokubambisana namanye amasebe</p> <p>6. Ukunika inkxaso eyaneleyo ekukhethweni kwezifundo kunye nasekukhokelweni kwabafundi ekukhetheni amakhono. Ukuxhobisa ootitshala ukuze bakwazi ukujongana neemfuno zabafundi kugxilwe kumfundi ngamnye: ukuncedisa ekukhetheni izifundo ezifanelekileyo kwibanga le-9; ukunika iindlela zokufunda; ezinye iinkcukacha ezifanelekileyo kunye nokuqinisekisa ngokubandakanyeka kwabazali kunye nonxibelelwano.</p> <p>7. Ukuqhutywa kweziCwangciso-nkqubo zoPhuhliso loLutsha ngezi zinto</p>

	<p>zilandelayo:</p> <ul style="list-style-type: none"> - Ukuxhaswa kwamaZiko amaThuba noPhuhliso lwesiNinzi, ukunika inkxaso yasemva kokuphuma kwesikolo - ngakumbi kwiindawo ezinamazinga aphantsi okugcinwa kwabafundi esikolweni - linkqubo zokunika amava (iProjekthi yeNkulumbuso yokuQhutyelwa phambili koLutsha, iProjekthi yokuNikwa aMava kwabaneziDanga, iProjekthi yoNyaka wokuPhumla emva kweMatrikhi koLutsha lweNtshona Koloni - iPremiers Advancement of Youth, Graduate Internship Project, Western Cape Youth Gap Year Project) - zinika amava nolwazi olujonge ukubalungiselela ukuba balungele ukusebenza kunye nokufumana umvuzo. - Uphuhliso lwezakhono (iProjekthi eGxile kuLutsha kunye neZakhono zeZikolo - iYouth Focus Project and Schools of Skills) - ukufunda izakhono zezandla kunye neendlela zokusebenza.
	<ul style="list-style-type: none"> - ULawulo loKhuseleko lweMfundo - ukwenza amaphulo ongenelelo akhuthaza izikolo ezikhuselekileyo, iindawo zoluntu ezinezikolo ezinika inkxaso ezikolweni kunye nokuba sempilweni kwabafundi. - Ubunkokeli bolutsha kunye namaBhunga aMele abafundi (iiRCL) - ukwakha izakhono nolwazi olujonge ekuphuhliseni ubunkokeli. - Impilo, ukhathalelo nenkxaso - iiprogram zeHIV/AIDS nemfundo enikwa ngoogxa babafundi. - Ukwandiswa kolwazi lwezikolo - ukuphuhlisa izakhono nolwazi olujonge ekuveliseni umvuzo, umz. ukufundiswa koluntu, ukusombulula iingxabano, ukulawulwa kwemali/kwamatyala, impilo.
<p>Okusisiseko (kusuka kwisiCwangciso sokuSebenza sika-2015 - 2019)</p>	<p>1.- 3. ISebe iWCED linika ukuxolelwa ekuhlawuleni iifizi kunye nenkxaso-mali kwinganaba lomfundi ngamnye yaye liza kusebenzela ukugcina okanye ukuzandisa ezi zinto, ngokokuvuma kweenkxaso-mali namanani abafundi. Ngo-2013 izikolo ebezibiza ngaphantsi kwe-400 (<400) yeefizi ngonyaka ziye zamenyelwa ukuba zibe zizikolo "eziNgabizi ziFizi" yaye zibe ngama-216 izikolo eziye zavilandelela loo nto.</p> <p>4. ISebe iWCED liyandisile iiprogram yalo yokutyisa abafundi ukuuba iquke abafundi abafanelekileyo abakwizikolo ezikwinqanaba 4 nelesi-5, yaye longeze nesidlo sakusasa kule program. Ngo-2014 kuye kwabekelwa bucala iimali zokuncedisa ekuthengweni kweeklinikhi ezijikelezayo ezi-2, eziza kutyelwa izikolo zisenzela ukuvavanya amehlo kunye nokuva, zize zijonge inkqubela yokukhula kwabantwana, ezo zinto zisenziwa liSebe lezeMpilo.</p> <p>5. Iiprogram yokhuseleko lwezikolo yongeza izikolo ezitsha ezingama-50, ezisekelwe kwiimfuno nemingcipheko, kwiprogram yayo rhoqo ngonyaka. Kukho izivumelwano ezikhoyo kunye neSebe loKhuseleko loLuntu namaPolisa aseMzantsi Afrika, ngokunjalo neSebe loPhuhliso loLuntu, izezokuncedisa ekunikeneni imeko ekhuselekileyo yokufunda. Ukunikwa kwezikolo ezingama-30 amagosa aqeqeshiweyo ezixhobo zokhuseleko lwezikolo kubanjiswene namaPolisa eMetro lutshintsho olwenziwe kutsha nje.</p> <p>6. Ngoku, isebe lincedisa ootitshala ngokubanika inkxaso eyiyo ngokunxulumene nasekukhokelweni kwabafundi ekukhetheni amakhono. Yonke imiba ekwingcaciso yenjongo kufuneka inike ugxininiso olutsha oluza kunikwa kule minyaka mihlanu izayo.</p> <p>7. Le miba idweliswe apha ngentla iyinxalenye yoluhlu lwemisebenzi yangoku eyenziwa liSebe leWCED. UkuTshintshwa kwendlela yokusebenza (iGame changer) okunxulumene neNjongo yokuSebenza yePhondo yesi-2, egxile kwiiprograms zasemva kokuphuma kwesikolo xa kungoku iyalungiselelwa (scoped) yaye iza kuqhutywa ngokubonakalayo kunye namanye amasebe neearhente zikarhulumente kule minyaka mihlanu izayo, njengenxalenye yoMgaqo-sikhokelo woPhuhliso loLutsha wePhondo.</p>

UkuShwankathelwa kwemiNgcipheko		
Injongo	Imingcipheko	Indlela yokuwuthomalalisa
2.1. Ukwenza nokuqhuba izicwangciso-nkqubo zolawulo nenkxaso yekharithulam kwinqanaba lephondo	Izicwangciso-nkqubo zeSebe iWCED azanelanga Iprogram ye-e-vision igabadele kwiinjongo zayo zenani elifanelekileyo enokulithatha	Ukuqinisekisa ngophando olugqibeleleyo lwemiba engenelelayo kunye nezona ndlela zisebenzayo zokujongana nayo. Ukucwangcisa ngobunono indlela yokuqhutywa kwayo ukwenzela ukuqinisekisa ukuba bonke abathatha inxaxheba bayakwazi ukulisebenzisa kangangoko ithuba abaliniwayo, umz. kungekho futhe libi kwiprogram yokufunda nokufundisa kunye nokutyalwa kwemali kwitekhnoloji kusekelwe kulwazi ukwenzela ukuba loo nto yenziwayo ingachithi mali ngokungafanelekanga yaye iyancitshiswa ilahleko okanye ukungasebenzi kwayo.

UkuShwankathelwa kwemiNgcipheko		
Injongo	Imingcipheko	Indlela yokuwuthomalalisa
	Iprogram ye-e-vision igxile ekunikweni kwitekhnoloji kunokusetyenziswa okukuko kweICT ukwenzela ukuphucula umgangatho wokufunda nokufundisa	Ukuqhutywa kwenkqubo ye-e-vision kulungiselelwe ngendlela yokuba ukunikwa kwitekhnoloji kukhatshwe iprogram egxile ekuxhobisa ootitshala namagosa ngolwazi lwitekhnoloji, ukusetyenziswa ngokukuko lweICT ukwenzela ukuphucula ukufunda nokufundisa, kunye nokuphuhlisa umxholo ofanelekileyo wedijithali.
2.2. Ukuqinisekisa ngokulawulwa kwesikolo okuphuculweyo	Imigaqo-sikhokelo nezicwangciso zeSebe iWCED zifezekiswa ngokukrikrizayo zizikolo neemanyano	Ukubandakanya abo badlala indima namaqela achaphazelekayo ekwenziweni okanye ekulungisweni kweemodeli nezicwangciso kwanasekuxhasweni kweshedyuli yokuqhutywa kwazo
2.3. Ukuqinisekisa ngokunikwa kwemfundo kangangoko kubo bonke abafundi kugxininiswa ngokukodwa kwabo badinga inkxaso kakhulu.	lithagethi zigabadele yaye iingxaki eziza kujongwa zinzulu kakhulu.	Ukuqinisekisa ukuba izixhobo elinazo iSebe iWCED zisasazwe kangangoko, umz. izicwangciso abasebenzi kunye nezixhobo ezibonakalayo zonke zigxile kwiindawo ezinye ezidingeka kakhulu kuzo yaye zithathela ingqalelo amaphulo ongenelelo ukuba abe ngawasesikolo yaye afezekise iimfuno ezikhethekileyo kwisikolo ngasinye kunye noluntu lwaso. Ubambiswano luza kusetyenziswa kakhulu kule meko - ngakumbi olwenziwa nabazali, oomasipala kunye namasebe karhulumente.

2.4. Ukunika inkxaso yoluntu kunye neqonga lophuhliso lolutsha	Oku kugxila kwiinkqubo zasemva kokuphuma kwesikolo kwehlisa izinga lokugxila kwiinkqubo zokufundisa zesikolo.	Ukuqinisekisa ukuba imiba ephambili yokukhethwa ngokukuko kwezifundo, ukulawulwa kakuhle kwezikolo, ukulawulwa kwekharithulam yesikolo, ukugxila kumfundi ngamnye, ufikelelo kwizifundo okucaciswe kwesi sicwangciso zibekwe zacaca, ngelixa kwangaxeshanye kukho iprogram ecacileyo yokusindisa ulutsha olusemngciphekweni nokulunika ezinye iindlela zokufunda.
--	---	---

INjongo ePhambili 2.1	Inkqubo yokweNyani/ePhicothiweyo			Inkqubo eqikelelwayo	Iithagethi zexesha eliphakathi		
	2012/13	2013/14	2014/15		2016/17	2017/18	2018/19
Imigaqo-sikhokelo yokulawulwa kwekharithulam yenziwe yaqhutywa	Intsha	Iyacwan gciswa	Yenziwe	Iqalisiwe	Iqhutyiwe	Ihloliwe	Iphononon giwe

INjongo ePhambili 2.2	Inkqubo yokweNyani/ePhicothiweyo			Inkqubo eqikelelwayo	Iithagethi zexesha eliphakathi		
	2012/13	2013/14	2014/15		2016/17	2017/18	2018/19
Inani lezikolo ezityelelwe ngekota ukuze zinikwe inkxaso yolawulo	Intsha	Intsha	Intsha	1 517	1 516	1 512	1 512

INjongo ePhambili 2.3	Inkqubo yokweNyani/ePhicothiweyo			Inkqubo eqikelelwayo	Iithagethi zexesha eliphakathi		
	2012/13	2013/14	2014/15		2016/17	2017/18	2018/19
Inani lezikolo ezixhamla ekwenziweni kweE-learning	Intsha	Intsha	248	IiSmart Classroom ezingama-900 kwizikolo ezingama-62 ¹²	IiSmart Classroom ezingama-400 kwizikolo ezingama-37	IiSmart Classroom ezingama-00 kwizikolo ezingama-37	IiSmart Classroom ezingama-400 kwizikolo ezingama-37

INjongo ePhambili 2.4	Inkqubo yokweNyani/ePhicothiweyo			Inkqubo eqikelelwayo '000	Iithagethi zexesha eliphakathi		
	2012/13 '000	2013/14 '000	2015/16 '000		2016/17 '000	2017/18 '000	2018/19 '000
Ukunika inkxaso yentlalo neyemali ezikolweni	388 257	446 474	669 119	744 337	786 603	796 554	834 174

Programme Performance Indicator	Inkqubo yokweNyani/ePhicothiweyo			Inkqubo eqikelelwayo	Iithagethi zexesha eliphakathi		
	2012/13	2013/14	2014/15		2015/16	2016/17	2017/18
2.1. Ipesenti yabafundi abagcinwe besesikolweni ukususela kwiBanga le-10 - 12	61%	63%	64%	69%	69%	69%	69%

- ¹² Qaphela: Inani leesmart classroom ziyahluka ngokwesikolo, ngoko ke inani elingu-X lezikolo alithethi ukuba linenani eliqingqiweyo leeklasi.

2.2. IiNjongo eziPhambili neeThagethi zeKota

Ezi thagethi zixelwe apha ngentla ziithagethi zonyaka.

2.3. Iithagethi zoNyaka zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram

IiNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram kwiProgram 2	2013/14 Inkcitho	2014/15 Inkcitho	2015/16 Eqikelelweyo	2016/17 Eqikelelweyo	2017/18 Eqikelelweyo	2018/19 Eqikelelweyo
PPM201: Inani lezikolo ezenza zonke iinkonzo zokufundisa ezinika inkxaso kubafundi abanemiqobo ethintela ukufunda	Eyesi-8	40	48	56	64	72
PPM202: Inani lezikolo zaseprayimari ezinezinga elipheleleyo lempumelelo elingu-50% nangaphezulu kwiANA	Intsha	Intsha	300	305	310	315
PPM203: Inani lezikolo zasasekondari ezinezinga elipheleleyo lempumelelo elingu-50 nangaphezulu kwiANA	Intsha	Intsha	30	35	40	45
PPM204: Inani lezikolo zasasekondari ezinezinga lempumelelo engu-60% nangaphezulu kwiSatifiketi seMatrikhi sikaZwelonke (iNSC)	Intsha	Intsha	350	360	370	377
PPM205: Ipesenti yabantwana abagqibe iminaka eli-9 kunyaka odlulileyo nababhalise kwiBanga lesi-4 (okanye kwibanga elingentla)	Intsha	Intsha	69%	70%	71%	72%
PPM206: Ipesenti yabantwana abagqibe iminaka eli-12 kunyaka odlulileyo nababhalise kwiBanga lesi-7 (okanye kwibanga elingentla)	Intsha	Intsha	62%	63%	64%	65%
PPM207: Inani lezikolo ezinikwe izixhobo zemidiya ¹³	Intsha	Intsha	62	37	37	37
PPM208: Izinga lokuphutha kwabafundi esikolweni	5.96%	6.02%	7%	7%	7%	7%
PPM209: Izinga lokuphutha kootitshala esikolweni	3%	3%	3%	3%	3%	3%
PPM210: Inani labafundi abakwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente ezixhamla kumgaqo-nkqubo "weZikolo eziNgahlawulisi ziFizi" ("No Fee School" policy)	554 523	554 523	566 968	571 412	579 982	588 482
PPM211: Inani lootitshala abaqeqeshwe kumxholo neendlela zokufundisa iLitheresi/uLwimi*	Intsha	Intsha	650	550	600	600
PPM212: Inani lootitshala abaqeqeshwe kumxholo neendlela zokufundisa iNyumeresi/iMathematika*	Intsha	Intsha	600	700	700	700
*Qaphela ukuba oku kubhekisa kuqeqesho olusesikweni olunikwe eCape Teaching and Leadership Institute						

¹³ Oku kuthetha izikolo eziza kunikwa iiSMART classroom

2.4. Iithagethi zeKota zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram

IiNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram		Ithuba lokunika ingxelo	Iithagethi yonyaka ka-2016/2017	Iithagethi zeKota			
				Eyoku-1	Eyesi-2	Eyesi-3	Eyesi-4
PPM 208	Izinga lokuphutha kwabafundi esikolweni	Ngekota	7%	7%	7%	7%	7%
PPM 209	Izinga lokuphutha kootitshala esikolweni	Ngekota	3%	3%	3%	3%	3%

2.5. UkuDityansiwa kweethagethi zendlela ekuqhutywa ngayo kunye nebhajethi kwakunye neMTEF

BT 201	IZikolo eziQhelekileyo zikaRhulumente - Iindlela eziphambili ezibonakalayo						
	2013/14 Eyenyani	2014/15 Eyenyani	2015/16 Eqikelelweyo	2016/17 Eqikelelweyo	2017/18 Eqikelelweyo	2018/19 Eqikelelweyo	
Iintlawulo ngokweprogram esekelayo (R'000)							
2.1 Izikolo zaseprayimari zikarhulumente	6,597,359	7,276,039	7,697,402	8,205,323	8,667,589	9,092,751	
2.2 Izikolo zasasekondari zikarhulumente	4,400,697	4,489,245	5,047,234	5,497,187	5,919,394	6,317,622	
2.3 Uphuhliso lweZakhono zaBasebenzi	82,944	76,011	81,664	34,551	89,483	94,858	
2.4 Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile	278,028	315,231	327,894	349,680	363,509	384,592	
Zizonke	11,359,028	12,156,526	13,154,194	14,086,741	15,039,975	15,889,823	

BT 201	IZikolo eziQhelekileyo zikaRhulumente - Iindlela eziphambili ezibonakalayo						
	2013/14 Eyenyani	2014/15 Eyenyani	2015/16 Eqikelelweyo	2016/17 Eqikelelweyo	2017/18 Eqikelelweyo	2018/19 Eqikelelweyo	
Ukuhlawulwa ngokuhlelwa ngokwemeko yoqoqosho (R'000)							
Iintlawulo zangoku	10,589,365	11,123,168	12,402,682	13,144,079	14,010,602	14,800,748	
Imbuyekezo yabasebenzi	9,625,958	10,368,302	11,378,179	12,131,991	12,874,124	13,593,019	
- Ootitshala	8,663,362	9,331,471	10,240,361	10,918,791	11,586,711	12,233,716	
Abasebenzi abangengabo ootitshala	962,596	1,036,831	1,137,818	1,213,200	1,287,413	1,359,303	
Impahla neenkonzokunye nezinye izinto zangoku	963,407	754,866	1,024,503	1,012,088	1,136,478	1,207,729	
Iimali eziya kwizibonelelo neenkxaso-mali	766,676	1,024,530	750,142	941,216	1,027,843	1,087,456	
Ukuhlawulelwa kweeasethi ezinkulu (capital assets)	2,987	8,828	1,370	1,446	1,530	1,619	
Zizonke	11,359,028	12,156,526	13,154,194	14,086,741	15,039,975	15,889,823	

BT 202	IZikolo zasePrayimari zikaRhulumente - lindlela eziphambili ezibonakalayo					
	2013/14 Eyenyani	2014/15 Eyenyani	2015/16 Eqikelelweyo	2016/17 Eqikelelweyo	2017/18 Eqikelelweyo	2018/19 Eqikelelweyo
Ukuhlawulwa ngokuhlelwa ngokwemeko yoqoqosho (R'000)						
lintlawulo zangoku	6,177,072	6,610,336	7,242,987	7,614,672	8,024,821	8,412,704
Imbuyekezo yabasebenzi	5,903,023	6,383,909	6,846,520	7,229,094	7,588,700	7,948,079
- Ootitshala	5,312,720	5,745,518	6,161,868	6,506,184	6,829,830	7,153,271
- Abasebenzi abangengabo ootitshala	590,303	638,391	684,652	722,910	758,870	794,808
Impahla neenkonzo kunye nezinye izinto zangoku	274,049	226,427	396,467	385,578	436,121	464,625
Iimali eziya kwizibonelelo neenkxaso-mali	420,287	665,703	454,415	590,651	642,768	680,047
kuhlawulelwa kweeasethi ezinkulu (capital assets)						
Zizonke	6,597,359	7,276,039	7,697,402	8,205,323	8,667,589	9,092,751

BT 203	IZikolo zaseSekondari zikaRhulumente - lindlela eziphambili ezibonakalayo					
	2013/14 Eyenyani	2014/15 Eyenyani	2015/16 Eqikelelweyo	2016/17 Eqikelelweyo	2017/18 Eqikelelweyo	2017/18 Eqikelelweyo
Ukuhlawulwa ngokuhlelwa ngokwemeko yoqoqosho (R'000)						
lintlawulo zangoku	4,097,015	4,176,499	4,798,985	5,192,898	5,585,549	5,964,414
Imbuyekezo yabasebenzi	3,708,425	3,969,074	4,512,542	4,882,572	5,263,413	5,621,323
- Ootitshala	3,337,582	3,572,166	4,061,288	4,394,315	4,737,071	5,059,190
- Abasebenzi abangengabo ootitshala	370,843	396,908	451,254	488,257	526,342	562,133
Impahla neenkonzo kunye nezinye izinto zangoku	388,590	207,425	286,443	310,326	322,136	343,091
Iimali eziya kwizibonelelo neenkxaso-mali	303,421	312,459	248,249	304,289	333,845	353,208
Ukuhlawulelwa kweeasethi ezinkulu (capital assets)	261	287				
Zizonke	4,400,697	4,489,245	5,047,234	5,497,187	5,919,394	6,317,622

BT 204 Izikolo eziQhelekileyo zikaRhulumente - Ukunikwa kwezixhobo okunikwa ngemimiselo yenkxaso-mali yezikolo (2015/16)				
Iiprogram/Imeko yomthetho/Amanqanaba (iikhwantayili) zeNtlupheko	Izikolo	Inkcitho epheleleyo (R'000)	Abafundi	Inkcitho ngokomfundi ngamnye R
2.1 Izikolo zaseprayimari zikarhulumente				
Izikolo ezingazilawuleliyo iimali zazo (Non Section 21 schools)	205	141,262	141,893	996
INqanaba (iKwantayile) 1 (ezona zihlelelekileyo)	35	18 593	16 632	1 118
INqanaba 2	36	36 009	32 266	1 116
INqanaba 3	42	37 406	33 518	1 116
INqanaba 4	57	36 826	36 672	1004
INqanaba (iKwantayile) 5 (ezona zihleleleke kancinci)	35	12 428	22 805	545
Izikolo ezizilawulela iimali zazo (Section 21 schools)	872	405 073	492 028	823
INqanaba 1 (ezona zihlelelekileyo)	247	57 036	51 038	1 118
INqanaba 2	99	71 331	63 917	1 116
INqanaba 3	87	73 019	65 429	1 116
INqanaba 4	183	137 236	141 493	970
INqanaba (iKwantayile) 5 (ezona zihleleleke kancinci)	256	66 451	170 151	391
Zizonke	1 077	546 335	633 921	862
2.2 Izikolo zasasekondari zikarhulumente				
Izikolo ezingazilawuleliyo iimali zazo (Non Section 21 schools)	83	70 780	80 551	879
INqanaba 1 (ezona zihlelelekileyo)	7	7 738	6 934	1 116
INqanaba 2	14	17 528	15 706	1 116
INqanaba 3	23	26 295	23 562	1 116
INqanaba 4	22	13 631	18 226	748
INqanaba (iKwantayile) 5 (ezona zihleleleke kancinci)	17	5 588	16 123	347
Izikolo ezizilawulela iimali zazo (Section 21 schools)	292	168 872	267 958	630
INqanaba 1 (ezona zihlelelekileyo)	16	19 608	17 570	1 116
INqanaba 2	16	20 023	17 942	1 116
INqanaba 3	45	49 959	44 766	1 116
INqanaba 4	67	42 303	65 010	651
INqanaba (iKwantayile) 5 (ezona zihleleleke kancinci)	148	36 979	122 670	301
Zizonke	375	239 652	348 509	688
Inani elipheleleyo lezikolo ezingazilawuleliyo imali	288	212 042	222 444	953
Inani elipheleleyo lezikolo ezizilawulelayo imali	1 164	573 945	759 986	755
Inani elipheleleyo lezikolo ezikwiNqanaba 1	305	102 975	92 174	1117
Inani elipheleleyo lezikolo ezikwiNqanaba 2	165	144 891	129 831	1 116
Inani elipheleleyo lezikolo ezikwiNqanaba 3	197	186 679	167 275	1 116
Inani elipheleleyo lezikolo ezikwiNqanaba 4	329	229 996	261 401	880
Inani elipheleleyo lezikolo ezikwiNqanaba 5	456	121 446	331 749	366
Xa ewonke edibene	1 452	785 987	982 430	800
IProgram 2 (ibhajethi engeyoyamivuzo nengeyoyazakhiwo zikhulu)		1,773,145		
Izinga 'lokuthathwa kwebhajethi yezinto ezithile isetyenziswe kwezinye izinto' ('top-slicing')		44.33%		

2.6. Ukutshintsha-tshintsha kweeMeko zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neNkcitho:

Iprogram esekelayo 2.1 no-2.2 Izikolo zikarhulumente zaseprayimari nasesekondari
Ukunyuka kwenkcitho kubangelwa kukuphucuka kwemiqathango yengqesho, ukunyuka kwamanani abafundi kunye nokunyuka kwamaxabiso.

IProgram eSekelayo 2.4: IiGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile
Ukunyuka kwenkcitho kubangelwa lulungiselelo lokunyuka kwamaxabiso.

3. IProgram 3: IiNkxaso-mali zeZikolo eziZimeleyo

Injongo: Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (*South African Schools Act*)

Uhlalutyo ngokweprogram:

Zimbini iintlelo zezikolo ezizimeleyo: ezo zifundisa abafundi abangathathi ntweni zize zifumane inkxaso-mali kwiSebe iWCED kunye nezo zingafumani nkxaso-mali karhulumente, kodwa kusafuneka ukuba zibhalise kwiSebe iWCED.

Ezona ndawo kujoliswe kuzo ngo-2016:

- Ukubeka esweni ukulandelwa kwemiGaqo ngokunxulumene nokuBhaliswa, ukuXhaswa ngemali nguRhulumente kweZikolo eziZimeleyo.¹⁴ Ukuqhutywa kwezi kuza kuphinda kubekwe esweni ngo-2016.
- Ukuhlaziywa kwemiGaqo eseli ikho ngo-2016 ejonge ukuza nolungelelwaniso neemfuno zakutsha nje zokuvunywa ngUmalusi nangokwesigqibo phakathi kukaMalusi neDBE.
- Ukubekwa esweni kwezikolo ngokwetshekhilisti ekuvunyelwene ngayo yiDBE neNational Alliance for Independent Schools Association (iNAISA)
- Ukwaziswa koluntu ukuba nabani na onomdla wokuseka isikolo esizimeleyo makafake isicelo ungedlulanga umhla wama-30 kuJuni wonyaka owandulela owokuqalisa kwesikolo.
- Ukuqinisekisa ukuba zonke izikolo ezizimeleyo zigcwalisa iSNAP (ubhaliso ngosuku lwesikolo lweshumi) kunye neSaveyi yeSikolo yoNyaka ngomhla okanye phambi kwaloo mhla ubekiweyo.
- Ukutyelela izikolo ezizimeleyo ezixhaswa ngurhulumente ngoFebruwari/ngoMatshi ka-2016 ukwenzela ukuqinisekisa ukuba kuyahanjelwana nesaveyi, ukuhambelana nezemali, ukuvunywa ngUmalusi kunye nobhaliso lweSACE.
- UkuBeka eSweni iZikolo eziZimeleyo, ngakumbi ezo zifumana inkxaso-mali karhulumente, ukwenzela ukukhuthaza ukuphucuka komgangatho.
- Ukudluliselwa kwangoko kweenkxaso-mali zikarhulumente ezivunyiweyo kwizikolo ezifanelekileyo. Inkqubo eqhelekileyo elandelwayo xa kudluliselwa iintlawulo (inkxaso-mali evela kurhulumente) ziza kwenziwa zize zifezekiswe.
- Ukuqinisekisa ukuba izikolo ezifumana inkxaso-mali karhulumente ziyakubhala ukuHlolwa koNyaka kukaZwelonke.
- Ukumema, nokuxhasa ukuthatha inxaxheba kwezikolo ezifumana inkxaso-mali karhulumente nezingayifumaniyo kwiimvavanyo zenkqubo zeBanga lesi-3, 6 nele-9 zeSebe iWCED.
- Ukumema ootitshala bezikolo ezizimeleyo ukuba baye kwiikhosi zoqeqesho zeSebe iWCED.
- Ukulungelelanisa nokunika ingxelo kwinkxaso enikwa izikolo eziZimeleyo liSebe iWCED.
- Ukuthatha inxaxheba kumaqumrhu kazwelonke ajongene neZikolo eziZimeleyo ukwenzela ukufaka igxalaba ekucokisisweni komgaqo-nkqubo kunye nokuxhaswa kweli candelo.

¹⁴ Oku akuzibandakanyi izikolo eziZimeleyo zasePri-Prayimari. Le miGaqo yapapashwa ngo-2011. Le miGaqo iquka iimfuno nemiqathango yokubhalisa, inkqubo ezilandelwayo xa kubhaliswa, izatifiketi zobhaliso, kunye nemvume yokuba abafundi babhalise baze bachophele iimviwo, ukubekwa esweni nofikelelo kwizikolo ezizimeleyo, inkxaso-mali zikarhulumente ezinikwa izikolo ezizimeleyo, ukurhoxiswa kobhaliso nokulawulwa kwezikolo kwezizimeleyo kunye nezibhenno ezifakwa kuMphathiswa wePhondo.

Iiprogram ezisekelayo

IProgram eSekelayo 3.1: INqanaba lasePrayimari Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo kwinqanaba leBanga loku-1 ukuya kwelesi-7.

IProgram eSekelayo 3.2: INqanaba laseSekondari Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo kwinqanaba leBanga lesi-8 ukuya kwele-12.

3.1. IiNjongo eziPhambili kunye neeThagethi zoNyaka zika-2016/17

IProgram 3: IiNjongo eziPhambili (Strategic Objectives)	
INjongo ePhambili 3	Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana nemithetho efanelekileyo ukuqinisekisa ngemfundo esemgangathweni kubafundi bezi zikolo
Ingcaciso yenjongo	<ol style="list-style-type: none"> 1. Ukuqinisekisa ukuba bonke abafundi ibafumana imfundo ehambelana neNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe (iNational Curriculum Statement), kusetyenziswa inkxaso yamaxesha ngamaxesha kunye nokubekwa esweni kwezikolo ezizimeleyo. 2. Zonke izikolo ezizimeleyo zibhalisiwe yaye ziyazifizekisa ezona mfuno ziphantsi zemithetho efanelekileyo. 3. Ukunika inkxaso-mali karhulumente kwizikolo ezifundisa abafundi abangathathi ntweni.
Okusisiseko (kusuka kwisiCwangciso sokuSebenza sika-2015 - 2019)	ISebe iWCED liseke ipateni yezihlandlo zotyelelo lwenkxaso zonyaka ezinikwa izikolo ezizimeleyo kuze kubekwe noluhlu lwemigaqo-nkqubo yokwenza ukuba oku kwenzekwe. Ubukho bezikolo ezizimeleyo ezingabhaliswanga kusengela phantsi ukunikwa kwemfundo esemgangathweni. ISebe iWCED liza kuqinisekisa ukuba iyaphucuka inkqubo yokubekwa esweni nokuphonononga ukwenzela ukuxhasa ngokungakumbi izikolo ezizimeleyo ezifumana inkxaso-mali karhulumente.

UkuShwankathelwa kwemiNgcipheko		
INjongo ePhambili 3.1	Imingcipheko	Indlela yokuwuthomalalisa
Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo ngokungqinelana nemithetho efanelekileyo ukuqinisekisa ngemfundo esemgangathweni kubafundi bezi zikolo	<ul style="list-style-type: none"> • Izikolo azikwazi kuyifizekisa imimiselo yomgangatho ofunekayo. 	<ul style="list-style-type: none"> • Ukuqinisekisa ukuba zikhona iindlela zokubekwa esweni nokuxhasa okufanelekileyo. • Ukurhoxisa okanye ukunciphisa inkxaso-mali enikwa ngurhulumente kwezo zikolo okanye ukuzikhupha kuluhlu olubhalisiweyo izikolo ezizimeleyo ezingaqhubi kakuhle, ukuba oko kuyimfuneko.

INjongo ePhambili 3	Inkqubo yokweNyani/ePhicothiweyo			Inkqubo eqikelelwayo	Iithagethi zexesha eliphakathi		
	2012/13	2013/14	2014/15		2015/16	2016/17	2017/18
Ipesenti yezikolo ezizimeleyo ezibhalisiweyo ezifumana inkxaso-mali karhulumente	Intsha	Intsha	42%	44%	44%	44%	44%

3.2. IiNjongo eziPhambili kunye neeThagethi zeKota zika-2016/17

Ezi thagethi zixelwe apha ngentla ziithagethi zonyaka.

3.3. IiThagethi zoNyaka zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram

IiNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram kwiProgram 3	2013/14 Eyen-yani	2014/15 Inkcitho	2015/16 Eqikelel-weyo	2016/17 Eqikelel-weyo	2017/18 Eqikelel-weyo	2018/19 Eqikelel-weyo
PPM301: Inani labafundi abafumana inkxaso-mali ababhalise kwiZikolo eziZimeleyo	18 502	18 024	20 149	20 000	20 000	20 000
PPM 302: Ipesenti yezikolo ezizimeleyo ezibhalisiweyo ezifumana inkxaso-mali karhulumente	Intsha	Intsha	44%	44%	44%	44%
PPM 303: Ipesenti yezikolo ezizimeleyo ezibhalisiweyo ezityelelweyo zibekwa esweni zikwanikwa inkxaso	Intsha	Intsha	90%	90%	90%	90%

3.4. IiThagethi zeKota zika-2015/16 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram

IiNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram		Ithuba lokunika ingxelo	Ithagethi yonyaka ka-2016/2017	Ithagethi zekota			
				Eyoku-1	Eyesi-2	Eyesi-3	Eyesi-4
PPM 303	Ipesenti yezikolo ezizimeleyo ezibhalisiweyo ezityelelweyo zibekwa esweni zikwanikwa inkxaso ¹⁵	2016/17	90%	21%	21%	21%	26%

3.5. UkuDityansiwa kweeThagethi zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neBhajethi kwakunye neMTEF

BT301	IiNkxaso-mali zikaRhulumente eziNikwa iZikolo eziZimeleyo - Iindlela eziphambili ezibonakalayo	2013/14 Eyen-yani	2014/15 Eyen-yani	2015/16 Eqikelel-weyo	2016/17 Eqikelel-weyo	2017/18 Eqikelel-weyo	2018/19 Eqikelel-weyo
Iintlawulo ngokweprogram esekelayo (R'000)*							
	3.1 Inqanaba laseprayimari	47,329	49,358	52,564	55,823	59,061	62,487
	3.2 Inqanaba lasesekondari	37,319	40,487	42,820	45,475	48,113	50,904
	Zizonke	84,648	89,845	95,384	101,298	107,174	113,391
Ukuhlawulwa ngokuhlelwa ngokwemeko yoqoqosho (R'000)*							
	Iintlawulo zangoku	0	0	0	0	0	0
	Imbuyekezo yabasebenzi	0	0	0	0	0	0
	Impahla neenkonziso kunye nezinye izinto zangoku	0	0	0	0	0	0
	Iimali eziya kwizibonelelo neenkxaso-mali	84,648	89,845	95,384	101,298	107,174	113,391
	Ukuhlawulelwa kweeasethi ezinkulu	0	0	0	0	0	0
	Zizonke	84,648	89,845	95,384	101,298	107,174	113,391

¹⁵ Qaphela ukuba kutyelwe izikolo ezingama-40 ngekota, zityelelwa liCandelo lokuCwangciselwa kokuLawulwa nokuPhathwa kweZiko. Kwikota yesi-4 kuza kongezwa i-100 lezikolo eziza kutyelwa liCandelo lokuQinisekisa ngoMgangatho. Xa zizonke zingama-242 izikolo eziZimeleyo eziBhalisiweyo.

BT 302	INkxaso-mali kaRhulumente eya kwiZikolo eziZimeleyo - Ukunikwa kwezixhobo okunikwa ngemimiselo yenkxaso-mali yezikolo (2015)			
INqanaba leNkxaso-mali	IiNtlelo zasePrayimari/zaseSekondari	Inkcitho epheleleyo (R'000)	Abafundi	Inkcitho ngokomfundi ngamnye (R)
60 (ezona zihlelelekileyo)	Ezaseprayimari – 24	35 049	5 201	6 739
	Ezasesekondari – 16	25 452	3 179	8 008
40	Ezaseprayimari – 25	12 080	2 689	4 493
	Ezasesekondari – 13	7 565	1 417	5 338
25	Ezaseprayimari – 17	5 172	1 842	2 808
	Ezasesekondari – 14	2 639	791	3 337
15	Ezaseprayimari – 24	4 657	2 764	1 685
	Ezasesekondari – 8	2 770	1 384	2 002
0 (ezona zihleleleke kancinci)	Ezaseprayimari – 8	Azikho	1 228	Azikho
	Ezasesekondari – 5	Azikho	674	Azikho
Zizonke		95 384	21 169	

Nceda uqaphele: Izikolo ezingama-45 zizikolo ezidityanisiweyo ezinika imfundo yaseprayimari neyasesekondari.

Lilonke, zili-109 izikolo ezixhaswa ngurhulumente kumanqanaba ohlukeneyo abafundi basePrayimari nabaseSekondari.

3.6. Ukutshintsha-tshintsha kweMeko zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neNkcitho

Iprogram esekelayo 3.1 no-3.2 INqanaba lasePrayimari nelaseSekondari

Ukunyuka kwenkcitho kubangelwa lulungiselelo lokunyuka kwamaxabiso.

4. IProgram 4: IMfundo yeZikolo zikaRhulumente zeMfundo eneeMfuno eziZodwa

Injongo: Ukunika imfundo enyanzelekileyo kwizikolo zikarhulumente ezineemfuno ezizodwa zemfundo ngokungqinelana noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (South African Schools Act) noXwebhu lweNgcaciso yeMiba 6 (White Paper 6) emalunga nemfundo ebandakanya zonke iintlobo zabafundi. Kuquka ie-learning nemfundo ebandakanya zonke iintlobo zabafundi

Uhlalutyo ngokweprogram:

Ezona ndawo kujoliswe kuzo ngo-2016:

- *Ukuqatshelwa kwangoko kunye namaphulo ongenelelo kwakuqatshelwa imiqobo ekufundeni kuzo zonke izifundo*
 - Ukuqinisekisa ukuba iiProfayile zaBafundi ziyagcwaliswa xa befakwa esikolweni abafundi.
 - Ukubeka esweni abafundi ababonwe njengabadinga ungenelelo kuhluzo lweProgram weMpilo eNdindeneyo yaseSikolweni.
 - Ukubeka esweni nokuxhasa abafundi abenzelwe iziCwangciso zokuXhasa uMfundi ngamnye (iiSP).
 - Ukuqhuba iinkqubo zongenelelo zeBanga R neBanga loku-1 ukwenzela ukuthintela imiqobo yasekufundeni.
- *Ukomeleza iisitim zenkxaso yezithili nezikolo*
 - Ukusekwa nokuxhotyiswa kwamaqela axhasa izikolo.
 - Ukubekwa esweni kokusebenza ngokukuko kwamaqela enkxaso eyenzelwa ezikolweni.
 - Ukulandelela amaphulo olandelelo kunye nokudlulisela okwenziwa ngamaqela enkxaso eyenzelwa ezikolweni.
 - Ukomelezwa kwenkxaso exananazileyo enikwa izikolo ngamaqela enkxaso yezithilini.
 - Ukwenziwa kweetshatha zokunikwa kweenkonzo zabasebenzi benkxaso egxile kokuthile enikwa abafundi nootitshala ezithilini.
- *Ukunikwa kwenkxaso ekhethekileyo yokujongana neemfuno zokufunda/zokuncedisa, zezengqondo, zezentlalo, zezolungiso-ngqondo (therapeutic), zezempilo zabafundi ababuthathaka okanye abanemiqobo ekufundeni nasekukhuleni (kuquka abafundi abanenkubazeko)*
 - Ukulandelela inani labafundi abafumana inkxaso kunye nohlobo lwenkxaso abayifumanayo, bafundi abo ingabezikolo zeSebe iWCED, beyifumana kootitshala abajongene nokuxhasa/nokuncedisa ezifundweni, oonontlalontle, iingcali zolungiso-ngqondo (iisayikholojisti) kunye nezokufundisa ngokutsha (iitheraphisti).
 - Ukulandelela inani labafundi abafumana inkxaso kunye nohlobo lwenkxaso abayifumana kwamanye amasebe karhulumente.
- *Ukomelezwa kwezikolo ezinika zonke iinkonzo/ezibandakanya zonke iintlobo zabafundi*
 - Ukuncedisa izikolo ezinika zonke iinkonzo/ezibandakanya zonke iintlobo zabafundi, zinciphisa ukuba zikwazi ukunika uluhlu olupheleleyo lweemfuno ezizodwa zemfundo zigxile kakhulu kwinqanaba eliphakathi nelisezantsi lenkxaso. Oku kuza kuquka uphuhliso lwabasebenzi, lwezixhobo eziphathekayo nezixhobo ezizimathiriyeli.
 - Ukuncedisa izikolo ezili-100 ngeeklassi "zamacandelo" ukwenzela ukwenza iiklassi zezixhobo ezithi ngoku zinika inkxaso ekwizinga eliphakathi kubafundi abachongiweyo, zibe ziza kwenza umsebenzi wenkxaso gabalala ezikolweni ukwenzela ukuba kuxhamle abafundi nootitshala.

- Ukulandelela inani labafundi abaneemfuno eziphakathi ukuya kwezipezulu nababhalise kwizikolo ezinika zonke inkonzo/ezibandakanya zonke iintlobo zabafundi.
 - Ukuqinisekisa ngokwenziwa kwezicwangciso zenkxaso yomfundi ngamnye kubafundi abaneemfuno zenkxaso ephakathi ukuya kwephezulu.
 - Ukulandelela izihlandlo zotyelelo lwenkxaso enikwa izikolo ngamaqela enkxaso ysezithilini.
 - Ukulandelela inkxaso enikwa ngamaziko ezixhobo zezikolo zabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo.
 - Ukuhlaziya iziseko zophuhliso kwizikolo ezinika zonke iinkonzo/ezibandakanya zonke iintlobo zabafundi.
 - Ukuphuhlisa ukusebenza kakuhle kwezikolo ezinika zonke iinkonzo/ezibandakanya zonke iintlobo zabafundi ukuba zibe ngoovimba abaquka konke abaza kunika iwekshophu kunye nenkxaso kwizikolo ezikufutshane.
- *Ukomeleza izikolo ezinemfuno ezizodwa zemfundo nokuguqulwa kwazo zibe ngamaZiko eziXhobo zeZikolo zabaFundi abaneeMfuno eziZodwa zeMfundo (iiSpecial School Resource Centre - iiSSRC)*
 - Angama-25 amaZiko eziXhobo zeZikolo zabaFundi abaneeMfuno eziZodwa zeMfundo aza kuxhamla kuphuhliso lwabasebenzi, izixhobo ezibonakalayo nezeemathiriyeli eziya kwenzelwa ukubenza bakwazi ukwandisa indima okuncedisayo ezinye izikolo.
 - Ukulandelela izenzo zenkxaso ezinikwa ngamaziko ezixhobo zezikolo zabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo.
 - Ukuqokelela idatha yeZikolo zabafundi abaneeMfuno eziZodwa zeMfundo ukwenzela ukuhlola iimfuno zokunikwa abasebenzi, izixhobo zeemathiriyeli kunye nezixhobo ezibonakalayo kujongwane nokusilela apho kufumaneka kukhona.
 - Ukuchonga ukomelela kuze kujongwane nobuthathaka ngotyelelo olwenziwa ngabaQinisekisi boMgangatho betyelela izikolo zabaFundi abaneeMfuno eziZodwa zeMfundo kunye nokuPhononongwa ngokuPheleleyo kweSikolo okuya kwenziwa kwiZikolo zabafundi abaneeMfuno eziZodwa zeMfundo.
 - Ukuqhuba uphando kunye nophuhliso lokuqinisekisa ukuba izikolo zisebenzisa iindlela namaphulo ongenelelo ale mihla nasebenzayo.
 - Ukunika izixhobo ezincedisayo kubafundi abakwizikolo zabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo kunye namaziko abekiweyo ezixhobo zezikolo zabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo ukuze asebenze njengamaziko abolekisayo okunika ezo zixhobo zincedisayo kubafundi abafundi abakwizikolo eziqhelekileyo.
 - Ukuthetha nokubambisana nemibutho yokufakwa emsebenzini kwabafundi abagqibe isikolo.
 - Ukubeka esweni ukuqhutywa kwekharithulam ezikolweni kusetyenziswa iCAPS yeNCS yebanga R - 12.
 - Ukubeka esweni ukuqhutywa kwekharithulam ebekwe esweni ezikolweni kusetyenziswa iikharithulam zeCAPS ehlayiweyo.
 - Ukubeka esweni nokuxhasa ukufundiswa kweCAPS yoLwimi loMjeki lwaseMzantsi Afrika.
 - Ukuxhasa ukulungelelaniswa kwamaxwebhu amiselweyo kwanokwabelana ngeendlela ezingcono zokwenza kwizikolo ezifanayo.
 - Njengokuba isanda inkxaso kwizikolo eziqhelekileyo, ngabafundi baneemfuno zenkxaso ezikwinqanaba eliphezulu abaya kufakwa kwiZikolo zabafundi abaneeMfuno eziZodwa zeMfundo kunye namaZiko eziXhobo zeZikolo zabafundi abaneeMfuno eziZodwa zeMfundo ukwenzela iiprogram zenkxaso. Ukufakwa kwaba bafundi kuza kuhlaziywa rhoqo ngonyaka ukwenzela ukuqinisekisa ukuba ababafundi bahlala apha esikolweni kuphela ukwenzela xa benokufuna inkxaso ekwinqanab eliphezulu.

- *Ukwandiswa kwenani elinokuthathwa kwizikolo eziqhelekileyo ukwenzela ukufaka nabafundi abanemiqobo ekufundeni zize izikolo ezo zibandakanye iintlobo ezahlukeneyo zabafundi.*
 - Ukunika amaqela axhasayo asesikolweni imigaqo-nkqubo nezikhokelo ezifanelekileyo zeMfundo eBandakanya iintlobo ezahlukeneyo zabafundi.
 - Ukunika amaqela eNkxaso eKhethekileyo yabaFundi nooTitshala (iSpecialised Learner and Educator Support - iSLES) yasesithilini ngokunika iingxoxo, iivekshophu namaphulo ngenelelo kwizikolo eziqhelekileyo.
 - Amacandelo eNkxaso yeMfundo eBandakanya iintlobo ezahlukeneyo zabafundi kunye neKhethekileyo ukuba andindanise amacandelo eKharithulam, okuHlola, awoLawulo kunye namanye amacandelo ukwenzela ukujongana nezithintelo zendlela abaqhuba ngayo abafundi ekufundeni kunye nezikwinqanaba lesikolo.
 - Ukusasazwa kolwazi olumalunga nezithintelo eziyimiqobo ekufundeni nasekukhuleni kwabo, iimfuno ezizodwa zemfundo, ukufundisa ngendlela eyahlukileyo, njalo njalo, kusetyenziswa iwebhusayithi, iiphamflethi, iiDVD, iikhosi zakwiintanethi, njalo njalo.
- *Ukomelezwa kobambiswano lwamacandelo ngamacandelo kunye nokusebenzisana namaqela achaphazelekayo*
 - Ukuxhaswa kwezikolo ezikwiindawo ezifuna uncedo olukhawuleziweyo zoMgaqo-sikhokelo wokuKhathalela nokuXhasa (iiCSTL) ngokusebenzisa ubambiswano lwamacandelo angaphakathi nawangaphandle kwinqanaba lephondo nelesithili.
 - Ukukhuthaza izikolo ezibandakanya zonke iintlobo zabafundi njengemaziko oKhathalelo neNkxaso yokuFunda nokuFundisa (iiCSTL) kunye nokusetyenziswa komgaqo-sikhokelo weCSTL ukulungelelanisa inkxaso evela kwamanye amacandelo, umz. iProgram eNdindeneyo yeMpilo yaseSikolweni eyenziwa ngokubambisana neSebe lezeMpilo kunye neloPhuhliso lweNtlalo.
 - Ukuxoxa nokusebenzisana namaziko emFundo ePhakamileyo/ophando ngokunxulumene neemfuno nophuhliso kweli candelo.
 - Ukuxoxa nokusebenzisana namaqela eengcali eziqeqeshiweyo zabasebenzi abaziingcali kweli candelo.
 - Ukuxoxa nokusebenzisana nemibutho yamaqela achaphazelekayo amalungelo abantu abanenkubazeko kunye nawabantwana ngokunxulumene nokuchongwa kunye nokuxhaswa kwabantwana abanezithintelo eziyimiqobo ekufundeni nasekukhuleni kwabo.
 - Ukulandelela abafundi nokunika inkxaso kubafundi abangekho sikolweni, umz. Abafundi abaneNkubazeko eNzulu neyeNdeleyo yaseNgqondweni abakumaZiko oKhathalelo oluKhethekileyo.
 - Ukukhulisa inkxaso yabazali nemibutho yasekuhlaleni ukwenzela ukuba babandakanye baze baxhase abafundi abafumana izithintelo eziyimiqobo ekufundeni kwabo okanye abadlalwe ngendlela eyahlukileyo kwabanye, ngokwenjenjalo kuncediswa ekwakheni uluntu olubumbeneyo olufunekayo lwaseMzantsi Afrika.
- *UPhuhliso lwabaSebenzi, kugxininiswa koku kulandelayo:*
 - Kwisixhobo sokuHlulisa, ukuChonga, ukuHlola nokuXhasa (iScreening, Identification, Assessment and Support - iSIAS) kwiZikolo eziNika iiNkonzo ezipheleleyo/eziBandakanya zonke iintlobo zaBafundi.
 - KwiSIAS yeZikolo zabafundi abaneemfuno eziZodwa zeMfundo.
 - Amagosa ephondo ajongene nemigaqo-nkqubo kunye namaxwebhu azizikhokelo zeMfundo eBandakanya iintlobo ezahlukeneyo zaBafundi.
 - Amagosa esithili ajongene nemigaqo-nkqubo kunye namaxwebhu azizikhokelo zeMfundo eBandakanya iintlobo ezahlukeneyo zaBafundi.
 - AmaQela eNkxaso yeZithili kuquka iiSayikholoji, ooNontlalontle, abaCebisi beNkxaso yokuFunda, aBasebenzi bezoNyango, iiTheraphisti, abaLawuli beeSekethe, abaCebisi beKharithulam kwindima yabo kule nkqubo yeSIAS.

- Abasebenzi beZikolo zabafundi abaneemfundo eziZodwa zeMfundo abaseZikolweni zabaNgevayo ekufundiswa kuzo ngolwimi lomjeku (*isign language*) njengolwimi lokufunda nokufundisa iCAPS yoLwimi loMjeku lwaseMzantsi Afrika (iSASL).
 - Ootitshala besiGaba esisisiSeko kuzo zonke izikolo ekuqapheleni kwangoko nasekujonganeni nezithintelo ezingumqobo ekufundeni.
 - Ootitshala abakwiintlelo ezahlukeneyo zenkubazeko/ezikhethekileyo ezigxile kwiNkubazeko yokuFunda eKhethekileyo/iDisleksiya, iAutism Spectrum Disorder, iAlternative and Augmentative Communication.
 - Abasebenzi beZikolo zobuChule malunga nekharityhulam entsha.
 - Ootitshala bokuNika iNkxaso kwezeMfundo eSikolweni malunga nomsebenzi wabo wobungcali kuphuculo lolwimi nemathematika.
 - Uziphucula okuqhubekayo ezifundweni kwabasebenzi abaziingcali kwelo candelo.
- *Ukunikwa kweeLTSM neICT ezikhethekileyo*
 - Ukubeka esweni ukukhangelwa nokuthengwa kwanokuziswa kweBreyile, iiNcwadi eziBhalwe ngamaGama amaKhulu, kunye neICT kubafundi abangaboni kakuhle, kusetyenziswa necandelo leeLTSM.
 - Ukubeka esweni ukukhangelwa, ukuthengwa nokuziswa kweeLTSM yoLwimi loMjeku lwaseMzantsi Afrika (iSASL), kusetyenziswa necandelo leeLTSM.
 - Ukubeka esweni ubukho beICT, iTeknoloji/iziXhobo eziNcedisayo kunye nezixhobo zokusebenza ezikhethekileyo kwizikolo zabafundi abaneemfundo ezizodwa zemfundo, ezinika iinkonzo ezipheleleyo zemfundo kunye nezikolo eziqhelekileyo.

Iiprogram ezisekelayo

IProgram eSekelayo 4.1: Izikolo

Ukunika izixhobo kwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa. (Kuquka ie-learning nemfundo ebandakanya zonke iintlobo zabafundi.)

IProgram eSekelayo 4.2: Uphuhliso lweCandelo lezabaSebenzi

Ukunika iinkonzo zesebe uphuhliso lwezemfundo nolunye uphuhliso kootitshala nakwabangezotitshala kwizikolo zikarhulumente zemfundo eneemfundo ezizodwa (kuquka nemfundo ebandakanya zonke iintlobo zabafundi).

IProgram eSekelayo 4.3: IiGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile

Ukunika iiprojekthi eziphantsi kweProgram 4 ezichongwe liSebe leMfundo esisiSeko nezixhaswa ngemali yeegranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango (conditional grants) (kuquka nemfundo ebandakanya zonke iintlobo zabafundi)

Qaphela ukuba iiprogram ezisekelayo: "IiNkonzo zezemiDlalo zaseSikolweni, iNkcubeko nezeMidiya" azilungiselelwanga, nanjengoko lo umsebenzi ungena phantsi kweSebe lemiCibi yeNkcubeko, ubuGcisa nezemiDlalo.

4.1 IiNjongo eziPhambili kunye neeThagethi zoNyaka zika-2016/17

IProgram 4: IiNjongo eziPhambili (Strategic Objectives)	
IiNjongo ezi-Phambili (Strategic Objectives)	Ukwandisa uthatho-nxaxheba lwezifundo nezentlalo lwabo bonke abafundi kwinkqubo elandelwayo nekharithulam yamaziko emfundo kwanokunciphisa imiqobo ethintela ukufunda (Education White Paper 6)
Ingcaciso yenjongo	<ol style="list-style-type: none"> 1. Kukuqinisekisa ukuba abafundi bayafikelela kwikharithulam yaye kuphuculwe nangakumbi indlela abaqhuba ngayo kulwimi nakwimathematika; 2. Ukuqinisekisa ukuba abafundi abafumana izithintelo eziyimiqobo ekufundeni kwabo okanye abaneemfuno ezizodwa zemfundo bafumana ikharithulam eyenziwe yahluka yaye indlela abaqhuba ngayo ikwelona zinga liphezulu linokufikelelwa; 3. Ukwenza isixhobo sokwenza ukubandakanywa kweentlobo ezahlukeneyo zabafundi kuqhubeleke ngokusekelwe ekuHluzweni, ekuChongweni, ekuHlolweni nasekuXhasweni (iSIAS) kwabo ukwenzela ukuba abafundi bafumane izinga nohlobo olufanelekileyo lwenkxaso kwizikolo eziqhelekileyo, ezinika iinkonzo ezipheleleyo zemfundo kunye nezabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo; 4. Ukwandisa ukugcinwa kwabafundi besesikolweni ngokuxhasa abafundi ngeenkonzo ezikhethekileyo zenkxaso ezenziwa ngamaqela namaqumrhu asele ekho, ngokunjalo namaqela enkxaso yasesikolweni/yeziko; amaqela enkxaso esekethe; amacandelo enkxaso asesithilini; izikolo zabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo, amaziko ezixhobo zezikolo zabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo; izikolo ezinika iinkonzo ezipheleleyo zemfundo/zemfundo ebandakanya zonke iintlobo zabafundi. 5. Ukunika iinkonzo zenkxaso ekhethekileyo - inkxaso yemfundo ekhethekileyo, inkxaso yokufunda, iinkonzo zolungiso-ngqondo, iinkonzo zoonontlalontle basesikolweni, iinkonzo zezonyango nezetheraphi. 6. Ukunxulumana namanye amasebe namacandelo karhulumente ukwenzela ukuthintelwa kunye nokuqatshelwa kwangoko kwezithintelo ezingumqobo ekufundeni kwakunye nenkxaso yabafundi abanezithintelo eziyimiqobo ekufundeni kwabo okanye abaneemfuno ezizodwa zemfundo.
Okusisiseko (kususuka kwisiCwangciso sokuSebenza sika-2015 - 2019)	Yonke le miba nala macandelo angentla akwinqanaba lokuqalisa ukuqhutywa nanjengoko iluhlobo lwesicwangciso sokusebenza esinamanyathelo alishumi. Amaphulo ongenelelo kunye neenkqubo zenkxaso ziza kuba luqilima zomelezwe kweli thuba leminyaka emihlanu ezayo.

UkuShwankathelwa kwemiNgcipheko		
IiNjongo ePhambili 4.1	Iingcipheko	Indlela yokuwuthomalalisa
Ukwandisa uthatho-nxaxheba lwezifundo nezentlalo lwabo bonke abafundi kwinkqubo elandelwayo nekharithulam yamaziko emfundo kwanokunciphisa imiqobo ethintela ukufunda	linkqubo kunye neenkqubo ezilandelwa ekudluliseleni abafundi abadinga inkxaso eyongezelelweyo azilandelwa yaye zibangela ulibaziseko ekuxhasweni kunye/okanye nokufakwa esikolweni kwabafundi abanezithintelo ekufundeni Abafundi bahlala bekwelona zinga liphezulu lenkxaso kunaleyo bayidingayo	Ukuqinisekisa ukuba njengokuba izikolo nezithili ziqeqeshwa, zisebenzisa izixhobo zeSIAS yaye zilandela indlela zokuXhasa abafundi Ukuqinisekisa ukuba abafundi badluliselwa ukuba bafumane izinga elifanelekileyo lenkxaso yaye iphononongwa rhoqo inkxaso edingekayo

UkuShwankathelwa kwemiNgcipheko		
INjongo ePhambili 4.1	Icingcipheko	Indlela yokuwuthomalalisa
(Education White Paper 6)	<p>Ootitshala abanikinkxaso yaneleyo baze babadlulisele abafundi abafunda ngendlela eyahlukileyo</p> <p>Izikolo zabafundi abaneeMfuno eziZodwa zeMfundo azinazixhobo zaneleyo</p> <p>Kwenziwa iimfuno ezigqithisileyo kwiZikolo zabafundi abaneeMfuno eziZodwa zeMfundo ngakumbi xa kujongwa inkxaso edingwa zizikolo eziqhelekileyo</p>	<p>Ootitshala baqeqeshelwe ukukwahlula ukufundisa nokuhlola kwabo</p> <p>Ukuya ziguqulwa ngokuguqulwa izikolo zabafundi abaneeMfuno eziZodwa zeMfundo zibe ngamaZiko eziXhobo zeZikolo zabaFundi abaneeMfuno eziZodwa zeMfundo ngokunika abasebenzi uqeqesho nezixhobo ezongezelelweyo</p> <p>Isicwangciso sokusasazwa ngokufanelekileyo kwenkxaso apha esikolweni kwakunye nemisebenzi yabaniki benkxaso</p>

INjongo ePhambili 4	Inkqubo yokweNyani/ePhicothiweyo			Inkqubo eqikelelweyo	Iithagethi zexesha eliphakathi		
	2012/13	2013/14	2014/15		2016/17	2017/18	2018/19
Inani lezikolo ezenza zonke iinkonzo zokufundisa ezinika inkxaso kubafundi abanemiqobo ethintela ukufunda	140	8	40 ¹⁶	48	56	64	72

4.2 IiNjongo eziPhambili kunye neeThagethi zeKota zika-2016/17

Ezi thagethi zixelwe apha ngentla ziithagethi zonyaka.

4.3 IiThagethi zoNyaka zika-2016/17 zeeNdelela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram

IiNdelela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram kwiProgram 4	2013/14 Inkcitho	2014/15 Inkcitho	2015/16 Eqikelelweyo	2016/17 Eqikelelweyo	2017/18 Eqikelelweyo	2018/19 Eqikelelweyo
PPM401: Ipesenti yabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo abagcinwa besikolweni bengazishiyanga izikolo zabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo de babe neminyaka eli-16	Intsha	Intsha	69%	70%	71%	72%
PPM402: Ipesenti yezikolo zabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo ezisebenza njengamaZiko eziXhobo zezo zikolo	Intsha	Intsha	40%	45%	50%	50%

4.4 IiThagethi zeKota zika-2016/17 zeeNdelela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram

Ezi thagethi zixelwe apha ngentla ziithagethi zonyaka.

¹⁶ Qaphela ukuba ingcaciso nobume besikolo esinika iinkonzo ezipheleleyo zemfundo iye yatshintsha ngo-2014

4.5 UkuDityansiwa kweeThagethi zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neBhajethi kwakunye neMTEF

BT 401	IZikolo zikaRhulumente zabaFundi abaneeMfuno eziZodwa zeMfundo - lindlela eziphambili ezibonakalayo					
	2013/14 Eyen- yani	2014/15 Eyen- yani	2015/16 Eqikelel- weyo	2016/17 Eqikelel- weyo	2017/18 Eqikelel- weyo	2018/19 Eqikelel- weyo
lintlawulo ngokweprogram esekelayo (R'000)						
4.1 Izikolo	910,287	923,247	1,057,920	1,181,975	1,230,529	1,311,562
4.2 UPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi	51	0	1	1	1	1
4.3 Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile		50,395	15,852	0	0	0
Zizonke	910,338	973,642	1,073,773	1,181,976	1,230,530	1,311,563
lintlawulo zangoku	775,034	824,991	930,168	1,000,654	6,846,520	1,142,273
Imbuyekezo yabasebenzi	761,299	799,583	902,319	964,688	1,037,768	1,107,623
- Ootitshala	601,426	631,670	712,831	762,103	819,836	875,021
- Abasebenzi abangengabo ootitshala	159,873	167,913	189,488	202,585	217,932	232,602
Impahla neenkonziso kunye nezinye izinto zangoku	13,735	25,408	27,849	35,966	32,752	34,650
Iimali eziya kwizibonelelo neenkxaso-mali	131,975	144,736	140,577	148,106	156,607	165,690
Ukuhlawulelwa kweeasethi ezinkulu (capital assets)	3,329	3,915	3,028	33,216	3,403	3,600
Zizonke	910,338	973,642	1,073,773	1,181,976	1,230,530	1,311,563

4.6 Ukutshintsha-tshintsha kweeMeko zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neNkcitho:

IProgram eSekelayo 4.1: Izikolo

Ukwanda kwenkcitho kwenziwe ngokukodwa luhlenga-hlengiso lweendleko zokuphila, isixa esisodwa sabasebenzi (ioccupational specific dispensation), ukwanda kwamanani abafundi, ukunyuka kwamaxabiso ngokunjalo nokwanda kwemfundo ebandakanya zonke iintlobo zabafundi.

IProgram eSekelayo 4.3: IiGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile

Ukuhla kwenkcitho kwenziwe ngokukodwa kukuyekiswa kweSixa esiSodwa sabaSebenzi (iOccupation Specific Dispensation) seeTheraphisti zeCandelo leMfundo esiye safakwa kulwabiwo ngokobungakanani bamanani (iequitable share) eBhajethi evunyiweyo.

5. IProgram 5: UPhuhliso lweMfundo yabasaQalayo

Injongo: Ukunika uPhuhliso lweMfundo yaBasaqalayo (Early Childhood Development - iECD) kwinqanaba leBanga R nelandulela ibanga R ngokungqinelayo noXwebhu lweNgcaciso yeMiba 5 (White Paper 5). (ne-E-learning ifakiwe).

Uhlalutyo ngokweprogram:

Ngo-2016, iSebe iWCED liza kugxila ekunyuseleni umgangatho wokunikwa kweBanga R kwizikolo eziqhelekileyo zikarhulumente nakumaziko azimeleyo nasekuqinisekiseni ukuba abo bafundi bangena kwiBanga loku-1 sele bekulungele ukuba sesikolweni.

Ezona ndawo kujoliswe kuzo ngo-2016:

- Ukunika iiklasi ezintsha kwiindawo ezizidinga kakhulu ngokobungakanani kwamanani entlupheko, uxinzelelo lweemeko zentlalo, ubukho bomhlaba kunye nolawulo olululo lwemali kwinqanaba lesikolo. Ukuvula iiklasi ezintsha kuza kutsho kwandise ubhaliso lwabafundi kweli candelo. Zonke izikolo ezinamagumbi okufundela amatsha ziza kufumana inkxaliso-mali yokuthenga ifenitshala kunye nomqulu osisiseko wenkxaso yokuqalisa iECD (*basic start-up ECD resource pack*).
- Ukuqeqesha abafundi abali-120 njengabaNcedisi-baQeqeshi babantwana baseECD, abaxhaswa ngemali yeGranti eKhutshwa phantsi koMqathango wokuba yeyeMbuyekezo (iIncentive Conditional Grant). Abafundi baza kuqeqeshwa kwizakhono namava ayimfuneko kwinqanaba loku-1 leECD ukwenzela ukuba bancedise abaqeqeshi babantwana baseECD ekudaleni imeko ekhuthazayo yabantwana abaneminyaka eyi-0-4. Ikhosi yeenyanga ezilishumi elinambini yeNqanaba loku-1 nayo iyinxalenye yokulungiselelwa kwekhono labaqeqeshi babantwana beBanga R.
- Ukomeleza ukuqhutywa kweCAPS kwiBanga R ngokuqeqeshwa kootitshala beBanga R kunye nokubekwa esweni kwendlela ekuqhutywa ngayo eklasini. Umgangatho wemfundo uza kubekwa esweni uphononongwe.
- Ukuqhutywa koqeqesho olumalunga nelitheresi esakhulayo kubo bonke abaqeqeshi babantwana beBanga R ngo-2016, kusetyenziswa ootitshala abaziinkokeli abaqeqeshiweyo abangama-200.
- Ukuthutha abafundi bebanga R abali-1 200 basezilalini.
- Ukuxhasa iiSGB namaQela oLawulo lweZikolo ekulawulweni kwemali.

Iiprogram ezisekelayo

IProgram eSekelayo 5.1: IBanga R leZikolo zikaRhulumente

Ukunika izikolo eziqhelekileyo zikarhulumente izixhobo ezifuneka kwiBanga R

IProgram eSekelayo 5.2: IBanga R kumaZiko oPhuhliso lwabaNtwana abasasiQalayo iSikolo

Ukuxhasa iBanga R kumaziko ophuhliso lwabantwana abasasiqalayo isikolo

IProgram eSekelayo 5.3: UQeqesho lwaphambi kweBanga R

Ukunika uqeqesho nentlawulo yemivuzo yesibonelelo (*stipends*) yabaqeqeshi babantwana abangekafiki kwiBanga R.

IProgram eSekelayo 5.4: UPhuhliso lwaBasebenzi

Ukunika iinkonzo sezebe ezenzelwa ukuphuhlisa abaqeqeshi babantwana/ootitshala kunye nabo bangengabo ootitshala kwiBanga R lezikolo zikarhulumente nakumaziko eECD

IProgram eSekelayo 5.5: IiGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile

Ukunika iiprojekthi eziphantsi kweProgram 5 ezichongwe liSebe leMfundo esisiSeko nezixhaswa ngemali yeegranti eziKhutshwa phantsi kwemiqathango (*conditional grants*)

5.1 IiNjongo eziPhambili kunye neeThagethi zoNyaka zika-2016/17

IProgram 5: IiNjongo eziPhambili	
INjongo ePhambili 5.1	<ul style="list-style-type: none"> • Ukunika izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezithile kunye nezikolo ezizimeleyo ezichongiweyo izixhobo zoncendo ezifunekayo kwiBanga R kwanokwenza iimeko ezikhuthaza izikolo ezininzi ukuba ziseke iiklasi zeBanga R kwiiklasi ezikhoyo ezifumanekayo okanye ziseke iiklasi ezintsha zeBanga R • Uqeqesho lootitshala oluphuculweyo
INGcaciso yeNjongo	<p>Umgangatho ophuculiweyo wokunikwa kweenkonzo kwiiklasi zeBanga R:</p> <ol style="list-style-type: none"> 1. Ngokuhlulwa kwenkxaso-mali karhulumente yabafundi beBanga R kunye nokubekwa esweni kwayo okubonakalayo. 2. Ukuqeqeshwa kwabaqeqeshi babantwana kunye nootitshala beBanga R 3. Inkxaso noqeqesho oluqhubekayo lweenqununu 4. Ukunikwa kweeLTSM namagumbi okufundela 5. Ukuqatshelwa kwangoko kwezithintelo eziyimiqobo ekufundeni kunye nokuqhutywa kweprogram yenkxaso ejongene nale miba ilibazisa ukukhula kwabantwana 6. Ukusekwa kwezithuba zootitshala beBanga R ukususela ngo-2015/16 ukuya kutsho ku-2019/20 7. Ukunika iibhasari zokuphucula amakhono oqeqesho (i<i>qualification</i>) abaqeqeshi babantwana beBanga R zibe yiB. Ed Foundation Phase efundwa ithuba elongezelelweyo okanye iDiploma in Grade R Practices
Okusisiseko (kusuka kwisi-Cwangciso sokuSebenza sika-2015 - 2019)	<p>Imbangi yoku kukuba eli candelo kufuneka lomelezwe ngokuqinisekiswa kwemfundo esemgangathweni, ukwenzela ukujongana nokusilela kwemfundo okuchaphazela abafundi jikelele. Umba woku-1-6 isekiwe yaye iza kuphuhliswa nangakumbi, yomelezwe. Umba wesi-7 wona wenziwa ngokutshintshwa komgaqo-nkqubo nangokuxhomekeke ekuxhasweni ngemali nokubambisana namaziko oqeqesho afanelekileyo. Uqeqesho lwangoku lwenzelwa abaqeqeshi babantwana beBanga R yaye lwenziwa ziiKholeji zeFET. Le nkqubo iza kuhlolwa ize ilungiselelwe ukufaka nokutshintsha kwemodeli yamakhono oqeqesho.</p>

UkuShwankathelwa kwemiNgcipheko		
INjongo ePhambili 5.1	Iingcipheko	Indlela yokuwuthomalalisa
<ul style="list-style-type: none"> • Ukunika izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezithile kunye nezikolo ezizimeleyo ezichongiweyo izixhobo zoncendo ezifunekayo kwiBanga R kwanokwenza iimeko ezikhuthaza izikolo ezininzi ukuba ziseke iiklasi zeBanga R kwiiklasi ezikhoyo ezifumanekayo okanye ziseke iiklasi ezintsha zeBanga R Uqeqesho lootitshala oluphuculweyo 	<p>Abazali bayasilela ekubhaliseni abantwana babo.</p> <p>Izikolo azizimiselanga okanye azikwazi kwandisa ukuthatha kwabo abantwana ukuba kubandakanye iBanga R, umzekelo, kwiindawo ezixinene kakhulu.</p> <p>Umgangatho wootitshala</p> <p>Uphuhliso lwemigaqo-nkqubo akuhambelani nesicwangciso sokunika amava nokuqesha ootitshala abasele beneziqinisekiso zokuphumelela ubutitshala.</p>	<p>Kufuneka kuqhutyekwe nokuhanjiswa kolu lwazi ukuze lufikelele ebazalini</p> <p>Inkxaso yamaziko azimeleyo iza kuqhubeka ukwenzela iithagethi zobhaliso zifezekiswe kutsho kunikwe nemfundo esemgangathweni</p> <p>Ukuqinisekisa ukuba ootitshala abatsha abaqeshwayo baqeqesheke ngokwaneleyo kweli khono yaye bafika baphucule indlela abaqhuba ngayo abo sele bephangela</p> <p>Ukuqinisekisa ukuba onke amanyathelo athatyathwayo ayaxhaswa ngumgaqo-nkqubo kwanokuba ikhona imali yokwenza loo misebenzi icetywa ukuqalwa.</p>

INjongo ePhambili 5	Inkqubo yokweNyani/ePhicothiweyo			Inkqubo eqikelel-weyo	Iithagethi zexesha eliphakathi		
	2012/13	2013/14	2014/15		2016/17	2017/18	2018/19
Inani lezikolo zikarhulumente ezineBanga R	963	939	977	990	994	994	995

5.2. IiNjongo eziPhambili neeThagethi zeKota

Ezi thagethi zixelwe apha ngentla ziithagethi zonyaka.

5.3. IiThagethi zoNyaka zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram

IiNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram kwiProgram 5	2013/14 Inkcitho	2014/15 Inkcitho	2015/16 Eqikelel-weyo	2016/17 Eqikelel-weyo	2017/18 Eqikelel-weyo	2018/19 Eqikelel-weyo
PPM501: Inani lezikolo zikarhulumente ezineBanga R	939	977	990	994	994	995
PPM502: Ipesenti yabafundi beBanga loku-1 abafumene imfundo esesikweni yeBanga R	Intsha	Intsha	69%	70%	71%	72%
PPM503: Ipesenti yabaQeqeshi babantwana abaqeshwe ¹⁷ eECD abaneNqanaba lesi-4 leNQF nangaphezulu	Intsha	Intsha	Ayikho	Ayikho	Ayikho	Ayikho

5.4. IiThagethi zeKota zika-2016/17 zeeNdlela zokuJonga iNtsebenzo yeProgram

Ezi thagethi zixelwe apha ngentla ziithagethi zonyaka.

5.5. UkuDityansiwa kweeThagethi zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neBhajethi kwakunye neMTEF

BT 501	UPhuhliso lweMfundo yaBantwana abasasiQalayo iSikolo - lindlela eziphambili ezibonakalayo					
	2013/14 Eyenyani	2014/15 Eyenyani	2015/16 Eqikelel- -weyo	2016/17 Eqikelel- -weyo	2017/18 Eqikelel- -weyo	2018/19 Eqikelel- -weyo
Iintlawulo ngokweprogram esekelayo (R'000)						
5.1 IBanga R kwizikolo zikarhulumente	298,673	329,697	312,777	466,845	497,156	527,735
5.2 IBanga R kumaziko ophuhliso lwemfundo yabantwana abasasiqalayo isikolo	53,760	64,010	68,207	73,834	78,116	82,647
5.3 UQeqesho lwaphambi kweBanga R	105,153	109,327	105,961	112,531	119,058	125,963
5.4 UPhuhliso lweZakhono zaBasebenzi		0	1	1	1	1
5.5 Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango ethile	7,949	8,744	2,823	12,143	0	0
Zizonke	465,535	511,778	489,769	665,354	694,331	736,346
Ukuhlawulwa ngokuhlelwa ngokwemeko yoqoqosho (R'000)						
Iintlawulo zangoku	125,304	121,311	118,408	217,164	232,794	248,039
Imbuyekezo yabasebenzi	63,142	61,961	66,050	161,840	174,461	186,324
▶ Oofitshala	63,142	61,961	66,050	161,840	174,461	186,324
▶ Abasebenzi abangengabo oofitshala						
Impahla neenkonziso kunye nezinye izinto zangoku	62,162	59,350	52,358	55,324	58,333	61,715
Iimali eziya kwizibonelelo neenkxaso-mali	340,231	390,451	371,361	448,190	461,537	488,307
Ukuhlawulelwa kweeasethi ezinkulu (capital assets)		16				
Zizonke	465,535	511,778	489,769	665,354	694,331	736,346

• ¹⁷ Qaphela ukuba iSebe iWCED alingomqeshi, koko abaqeqeshi babantwana baqeswa ziiSGB
IsiCwangciso seNkqubo yoNyaka sika-16/17 – 2018/19

5.6 Ukutshintsha-tshintsha kweMeko zeNdlela ekuQhutywa ngayo kunye neNkcitho

Iprogram esekelayo 5.1 no-5.2 IBanga R kwiZikolo zikaRhulumente kunye nakumaziko ophuhliso lwemfundo yabantwana abasasiqalayo isikolo

Ukunyuka kwenkcitho kubangelwa lulungiselelo lokunyuka kwamaxabiso kunye nokukhula kweli candelo. Iimali eziya kwizibonelelo ziyonyuswa ukwenzela ukuxhasa ubhaliso lwehlabathi lwabantwana abaminyaka mi-5.

IProgram eSekelayo 5.3: UQeqesho lwaphambi kweBanga R

Ukwanda kwenkcitho kubangelwa kukunyuka kwamaxabiso okuqeqeshwa kwaBafundi abafundela iECD (iiLearnership) kunye nemivuzo abayifumanayo (stipends).

IProgram eSekelayo 5.5: IiGranti eziKhutshwa phantsi kwemiQathango ethile

Ukunyuka kwenkcitho kubangelwa kukunyuka kwenkxaso-mali yeGranti enikwa phantsi kwemiQathango ethile yeGranti yamaPhondo ejongene neMbuyekezo yeCandelo leNtlalo leProgram yemiSebenzi kaRhulumente eYandisiweyo (iSocial Sector Expanded Public Works Programme Incentive Grant for Provinces).

6. IProgram 6: Uphuculo lweziseko zophuhliso (izakhiwo)

Injongo: Ukunika nokulondoloza izakhiwo zeziseko zophuhliso (infrastructure facilities) zezikolo nezingezozezikolo

Uhlalutyo ngokweprogram:

Ngo-2016, le program iza kugxila ekulungisweni nasekuthengweni kwezinto ezaphukileyo kunye nokwandiswa kwezakhiwo esele zikhona. Iinkcukacha neengxoxo malunga nezicwangciso zeziseko zophuhliso ziphantsi kweCandelo D lale APP: *UkuNxulumana nezinye izicwangciso*

Ezona ndawo kujoliswe kuzo ngo-2016:

- Ukomeleza nokusebenzisa iSistim yeGIS kunye nezinye iisistim zokucwangcisa.
- Ukuqinisekisa ukuba uphuhliso lweziseko zophuhliso luxhamlisa abafundi abaninzi.
- Ukwandiswa kweeprogram zolungiso.
- Ukucuthwa kokusilela.
- Ukucwangcisa nokwakhiwa kwezakhiwo ezitsha nezakhiwa endaweni yezinye ezindala.
- Ukuhlengahlengisa nokudibanisa ukunikwa kwemfundo ukwenzela ukuqinisekisa ngokuseyenziswa kangangoko kwezakhiwo eziquka ukuhanjelwaniswa kweehostele, iZikim zokuThuhwa kwaBafundi kunye nokunikwa kwezinye iziseko zophuhliso.

Iiprogram ezisekelayo

IProgram eSekelayo 6.1: Ezolawulo

Ukunika nokulondoloza izakhiwo zeziseko zophuhliso (infrastructure facilities) zolawulo (administration)

IProgram eSekelayo 6.2: Izikolo eziQhelekileyo zikaRhulumente

Ukunika nokulondoloza izakhiwo zeziseko zophuhliso (infrastructure facilities) zezikolo eziqhelekileyo zikarhulumente

IProgram eSekelayo 6.3: Izikolo zeMfundo eneeMfundo eziZodwa

Ukunika nokulondoloza izakhiwo zeziseko zophuhliso (infrastructure facilities) zezikolo zikarhulumente zabafundi abaneemfundo ezizodwa zemfundo

IProgram eSekelayo 6.4: Uphuhliso lweMfundo yabasasiQalayo isikolo

Ukunika nokulondoloza izakhiwo zeziseko zophuhliso (infrastructure facilities) ezakhelwa uphuhliso lwemfundo yabasasiqalayo isikolo

6.1. IInjongo eziPhambili kunye nemiNgcipheko yoNyaka zika-2016/17

IProgram 6: IInjongo eziPhambili	
IInjongo ePhambili 6	Ukuqinisekisa ngolondolo lweziseko zophuhliso eziphambili ngokokubaluleka kwazo, ngokufikelekayo ngamaxabiso nokuqinisekisa ukuba izikolo zakhiwa ngendlela engqinelana nemiba ephambili yokubaluleka kwabantu ngokweendawo zabo (<i>priority demographic trends</i>)
Ingcaciso yenjongo	<ol style="list-style-type: none"> 1. Ukwenziwa kwedathabheyisi ethembekileyo, equka zonke iimfuno zokulungiswa kweziseko zophuhliso zezikolo. 2. Ukubeka ngokokubaluleka amaphulo ongenelelo asekelwe kwiikhrayitheriya ezisekelwe elwazini nezineenjongo kunye neesistim ezineenkukacha ezichanekileyo. 3. Ukulawula iprogram yokwakha ukwenzela ukuquka ukunikwa kwezikolo ezitsha, ukuvuselelwa kwezakhiwo ezakhiwe ngemathiriyeli engafanelekanga, ukulungiswa kweeklasi kunye nokunikwa kweeklasi ezintsha kunye namagumbi okufundela ethutyana ukwenzela ukufezekisa iimfuno zexeshana.

	<p>4. Kwimeko yokushokoxeka kwenkxaso-mali kunye neziseko zophuhliso ezigugayo, ukusetyenziswa kwamamqanaba eemfuno ngale ndlela ilandelayo: Ukulungiswa kwamaphahla, ukulungiswa kweendonga zesakhiwo, amanzi, umbane, ugutyulo kunye nezindlu zangasese, iigathazi kunye neefeyishiya-bhodi, iisilingi, iingcingo zokurhangqa iyadi, ukupeyinta.</p> <p>5. Ukunika ulungiso olungxamisekileyo kwimeko yeentlekele zendalo, iingxaki zezakhiwo kunye nokonakaliswa kwazo.</p>
Okusisiseko (kusuka kwisi-Cwangciso sokuSebenza sika-2015 - 2019)	<p>ISebe iWCED lilawula ukukhula kwamanani abafundi ngokunikwa kwezikolo ezitsha, ukwakhiwa kweeklasi ezongezelelweyo kunye nokulungiswa kwezikolo. Izicwangciso eziya phambili zezeprogram eyandisiweyo eqhubekayo yezikolo ezitsha kunye nokuhlaziywa kwazo kusenziwa kakhulu ulungiso lwazo. Eli phondo liza kwakhela phezu kwamava alo okulawula le program kule minyaka mihlanu izayo.</p>

UkuShwankathelwa kwemiNgcipheko		
INjongo ePhambili 6	Icingcipheko	Indlela yokuwuthomalalisa
